



**URhulumente  
weNtshona Koloni**  
**EzeMfundo**

**INgxelo yoNyaka 2015/2016**  
ISebe EzeMfundo

## Iziqulatho

### Icandelo A: INgcaciso ngokuBanzi

|      |   |    |
|------|---|----|
| 1.   | INgcaciso yeSebe ngokuBanzi .....                                       | 1  |
| 2.   | ULudwe IweziFinyenzo/IweziShunqulelo.....                               | 2  |
| 3.   | IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa .....                               | 3  |
| 4.   | INgxelo yeGosa loCwangciso-mali .....                                   | 7  |
| 5.   | INgcaciso yeMisebenzi neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka..... | 14 |
| 6.   | INgcaciso yesiCwangciso sobuChule (Strategic Overview) .....            | 15 |
| 6.1  | Umbono.....   | 15 |
| 6.2. | Injongo ephambili .....   | 15 |
| 6.3. | limfundiso ezisisiseko.....   | 15 |
| 7.   | ImiThetho nezinye iziGunyaziso .....                                    | 15 |
| 8.   | ImiThetho nezinye iziGunyaziso .....                                    | 16 |
| 9.   | AmaQumrhu anika iNgxelo kuMphathiswa .....                              | 16 |

### ICandelo B: Ingaciso ngeNtsebenzo (Performance Information)

|      |   |     |
|------|---|-----|
| 1.   | INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo eziCaciswe kwaNgaphambili<br>(Predetermined Objectives) ..... | 21  |
| 2.   | INgcaciso ngeNtsebenzo yeSebe .....   | 21  |
| 2.1  | IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo .....   | 21  |
| 2.2  | IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweeNkonzo.....   | 24  |
| 2.3  | OkuQhubeka kwiziko.....   | 36  |
| 2.4  | UPhuhliso IweMigaqo-nkqubo ePhambili neeNguqu kwiMithetho .....   | 39  |
| 3.   | liNjongo eziCwangciswe ngobuChule neziJolise kwiziPhumo zokuFunda (Strategic<br>Outcome Oriented Goals) ..... | 42  |
| 4.   | INgcaciso yeNtsebenzo ngeProgram Nganye (Performance Information by<br>Programme) .....                       | 45  |
| 4.1  | IProgram 1: EzoLawulo.....  | 45  |
| 4.2  | IProgram2: IMfundo kwizikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente .....  | 56  |
| 4.3  | IProgram 3: linkxaso-mali kwizikolo eziZimeleyo .....   | 76  |
| 4.4  | IProgram4: IMfundo kwizikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa .....                                 | 81  |
| 4.7  | IProgram5: IMfundo nophuhliso IwaBantwana abasaQalayo.....  | 89  |
| 4.8  | IProgram 6: UPhuculo IweziSeko zoPhuhliso .....   | 94  |
| 4.9  | IProgram 7: liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko .....  | 99  |
| 5.   | liMali eziya kwiziBonelelo .....  | 104 |
| 5.1. | liMali eziya kwiziBonelelo kumaZiko kaRhulumente .....  | 104 |
| 5.2. | liMali eziya kwiziBonelelo zayo yonke imibutho ngaphandle<br>kwamaZiko karhulumente .....                     | 104 |

|  |     |
|--|-----|
| <b>I Candelo B: INgcaciso ngeNtsebenzo (Isaqhutywa)</b>  |     |
| 6. liGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango ethile .....   | 107 |
| 6.1. liGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango eThile neeMali ebeziBekelwe okuthile<br>(Earmarked funds) eziHlawulwe liSebe ..... | 107 |
| 6.2. liGranti eziKhutshwa Phantsi kwemiQathango eThile neeMali ebeziBekelwe okuthile<br>(Earmarked funds) eziFunyenwe liSebe ..... | 107 |
| 7. liNkxaso-mali zeziPho-mali (Donor Funds) .....  | 112 |
| 7.1. liNkxaso-mali zeziPho-mali eziFunyenwego .....  | 112 |
| 8. UTyalu-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo (Capital Investment) .....   | 112 |
| 8.1. UTyalu-mali kwiiProjekthi zoLwakhiwo (capital investment), isiCwangciso<br>soLondolozo neeAsethi .....                        | 112 |

### **I Candelo C: Ezolawulo**

|  |     |
|--|-----|
| 1. Intshayelelo .....  | 119 |
| 2. ULawulo IwemiNgcipheko .....  | 121 |
| 3. UbuQhetseba nobuQhophololo .....                                      | 122 |
| 4. UkuNciphisa ukuNgqubana IweMidla .....                                | 124 |
| 5. ImiGaquo yokuZiphatha .....   | 124 |
| 6. Ezempilo, Ezokhuseleko neMiba yendawo esihlala kuzo .....             | 124 |
| 7. liKomiti zeePotfoliyo .....   | 124 |
| 8. IziGqibo zeScopa .....  | 124 |
| 9. UTshintsho IwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi .....        | 125 |
| 10. IYunithi yoLawulo IwaNgaphakathi .....                               | 127 |
| 11. IKomiti yoPhicotho IwaNgaphakathi neKomiti yoPhicotho-zincwadi ..... | 128 |
| 12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi .....                           | 129 |

### **I Candelo D: uLawulo kwiCandelo lezaBasebenzi**

|  |     |
|--|-----|
| 1. IMithetho eLawula uLawulo IweHR .....                                   | 133 |
| 2. Intshayelelo .....  | 133 |
| 3. liNkcukacha-manani eziPhosakeleyo zemiCimbi yoLawulo IwaBasebenzi ..... | 137 |

### **I Candelo E: INgcaciso ngezeMali**

|  |     |
|--|-----|
| 1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ..... | 173 |
| 2. AmaXwebhu eeNgxelo-mali zoNyaka .....       | 178 |

### **Izihlomelo**

|   |     |
|---|-----|
| 1. IsiHlomelo A: IsiCwangciso sokuSebenza (Action Plan) sika-2019 nezalathisink-qubela zeziVumelwano zokweNziwa kweeNkonzo (kuZwelonke) ..... | 245 |
| 2. Isihlomelo B: Itheyibhuli yestatistiki .....   | 247 |
| 3. Isihlomelo C: liNdlela (zikaZwelonke) zokulLinganisa iNtsebenzo yeProgram - IzaLathisi ngokwamaCandelo athile (Technical Indicators) ..... | 249 |
| 4. Isihlomelo D: IProgram YeZalathisi Zentsebenzo (EzePhondo)-Izalathisis EziTeknikal .....   | 267 |
| 5. Isihlomelo E: Izalathi eziteknikali zethagethi zonyaka ZeeNjongo zesiCwangciso sobuChule semiNyaka emiHlanu .....                          | 270 |



I Candelo A  
**Ingcaciso ngokubanzi**

## 1. INgcaciso ngokubanzi yeSebe leMfundu leNtshona Koloni (WCED)

ISebe leMfundu leNtshona Koloni (WCED) lithwele uxanduva lwezemfundo kwizikolo zikarhulumente kwiphondo, ukususela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISebe iWCED lisebenza kwiZithili zeMfundu ezsibhozo ezinoNdunkulu oseKapa.

| Indawo               | Idilesi yeposi                         | Ifoni        | Inombolo yefeksi |
|----------------------|--|--------------|------------------|
| WCED Head Office     | Private Bag 9114, Cape Town, 8000      | 021 467 2000 | 021 467 2996     |
| Metro Central        | Private Bag X4, Mowbray, 7705          | 021 514 6700 | 021 514 6953     |
| Metro East           | Private Bag X23, Kuilsriver, 7579      | 021 900 7000 | 086 556 9519     |
| Metro North          | Private Bag X45, Parow, 7500           | 021 938 3000 | 021 938 3180     |
| Metro South          | Private Bag X2, Mitchell's Plain, 7785 | 021 370 2000 | 021 372 1856     |
| Cape Winelands       | Private Bag X3102, Worcester, 6849     | 023 347 4600 | 023 342 2898     |
| Eden & Central Karoo | Private Bag X6510, George, 6530        | 044 803 8300 | 044 873 3428     |
| Overberg             | Private Bag X08, Caledon, 7230         | 028 214 7300 | 028 214 7400     |
| West Coast           | Private Bag X3026, Paarl, 7620         | 021 860 1200 | 021 860 1231     |

### AmaZiko eeFoni esebe iWCED:

Imibuzo malunga nezaBasebenzi nezeMali: 0861 923 322; iZikolo eziKhuselekielyo (Safe Schools): 0800 45 46 47

**Iwebhusayithi:** WCED Online <http://wced.school.za>

**Uluhlu Iwee-imeyili:** WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>.

**Twitter** (micro-blogging)

WCEDnews <http://twitter.com/wcednews> (ngee-tweet ezingeendaba ezinxulumene nemfundo); WCEDlearn <http://twitter.com/wcedlearn> (ngee-tweet ezinxulumene nemfundo)

**Tumblr** (blog)

WCED/News/Home <http://wcednewshome.tumblr.com/>; WCEDnews <http://wcednews.tumblr.com/>

**Posterous** (blog)

WCEDnews <http://posterous.com/wcednews>

## 2. Uluhlu Iwezifinyezo/Iwezishunqulelo

|        |  |        |  |
|--------|--|--------|--|
| ACE:   | Advanced Certificate in Education                        | LSEN:  | Learners with Special Education Needs                              |
| ANA:   | Annual National Assessments                              | LTSM:  | Learning and Teaching Support Materials                            |
| ASIDI: | Accelerated School Infrastructure Development Initiative | MTEF:  | Medium-Term Expenditure Framework                                  |
| ASS:   | Annual School Survey                                     | NCS:   | National Curriculum Statement                                      |
| CAPS:  | Curriculum and Assessment Policy Statement               | NEPA:  | National Education Policy Act                                      |
| CBA:   | Compensation of Employees                                | NQF:   | National Qualifications Framework                                  |
| CEMIS: | Central Education Management Information System          | NSC:   | National Senior Certificate  |
| COE:   | Compensation of Employees                                | NSNP:  | National School Nutrition Programme                                |
| CTLI:  | Cape Teaching and Leadership Institute                   | PFMA:  | Public Finance Management Act                                      |
| DHET:  | Department of Higher Education and Training              | PILIR: | Policy and Procedure on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement |
| DBE:   | Department of Basic Education                            | PPI:   | Programme Performance Indicator                                    |
| ECD:   | Early Childhood Development                              | PPM:   | Programme Performance Measure                                      |
| EIG:   | Education Infrastructure Grant                           | RCL:   | Representative Council of Learners                                 |
| EMIS:  | Education Management Information System                  | SAQA:  | South African Qualifications Authority                             |
| EPWP:  | Expanded Public Works Programme                          | SASA:  | South African Schools' Act   |
| FAL:   | First Additional Language                                | SCM:   | Supply Chain Management  |
| FET:   | Further Education and Training                           | SETA:  | Sector Education and Training Authority                            |
| GET:   | General Education and Training                           | SGB:   | School Governing Body  |
| GHS:   | General Household Survey                                 | SIM:   | School Improvement Monitoring                                      |
| Gr:    | Grade  | SIP:   | School Improvement Plan  |
| HEI:   | Higher Education Institution                             | SMT:   | School Management Team   |
| HL:    | Home Language  | T(V)ET | Technical Vocational Education and Training                        |
| ICT:   | Information and Communication Technology                 | U-AMP: | User Asset Management Plan   |
| ICS:   | Improvement in Condition of Service                      | WCED:  | Western Cape Education Department                                  |
| IMG:   | Institutional Management and Governance                  | WSE:   | Whole School Evaluation  |

### 3. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

Kungangeminyaka emibini ndisebenza njengoMphathiswa wePhondo kwiSebe lezeMfundu eNtshona Koloni.

NjengoRhulumente, sikholelwa ukuba ikamva elinemisebenzi emininzi, ukungalingani okunciphileyo, imfundu engcono kune nenkululeko yokulandela amathuba, ngumbono othandwa ngabo bonke abemi baseMzantsi Afrika ekufuneka ulandelwe ngamandla. Ukuze lo mbono uphumelele, kufuneka siqinisekise ukuba abafundi bafumana imfundu esemgangathweni, esisitshixo kubomi obuphucukileyo noubusemgangathweni.

Okuphambili kulo mbono kukuqinisekisa ukuba siphucula iziphumo zemfundu kwaye ngo 2015/16 sazibophelela ekuchitheni imali kwiiprojekthi, kwizinto eziyimfuneko nasebantwini abanikezela ngemfundu esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo.

Saqala iqela amaphulo amatsha (initiatives) angqamane nqo nezalathisi ezintathu zethu zempumelelo ezingundoqo njegoko kuchaziwe kwiSicwangciso sethu Sobuchule, ekuzezi;

1. Ukuphucula uLwimi neMathematika kwizikolo zonke
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelone
3. Ukunusa umgangatho wemfundu kwiindawo ezihluphekayo

Ukuba sijonga emva silinganisa inkqubela ezuzwe liSebe leMfundu leNtshona Koloni liphela, siyazingca ngempumelelo yethu.

Asibonanga kuphela ukunyuka kwenani kune nomgangatho wokupasa kwabafundi kwimviwo zika-2015 ze NSC apho iphondo lipase ngereyithi yama-84.7%, eyona pasi reyithi(pass rate)iphezulu kweli lizwe, sikwabone abafundi abaninzi bephumelela ngebatshela (bachelor's pass).ipesenti yokupasa kwabafundi yenyuka nge-2.9% ukusuka kuma-38.8% ngo-2014 ukuya kuma-41.7% ngo-2015. ENtshona Koloni, sibone ukunyuka kwepasireyithi (pass rate) nge-9% ukusuka mhla saphatha ngo-2009. Emva kweengcebiso neemviwo zokuxabangela, ipasireyithi (pass rate) yonyuka yangama-85.9%.

Zonke izithili zethu zasebenza kakuhle kakhulu sabona inkqubela encomekayo kwindawo ezihluphekayo. Wonke umfundu opase iNSC ekupheleni kuka-2015 uye wakwazi ukungena kuhlobo oluthile lwemfundu ephakamileyo.

Siye saqhubeka ukugxininisa ekuqinisekiseni ukuba sigcina abafundi abaninzi kangangoko sinako kumagumbi okufundela. Ndiyivuye into yokuba kwakhona siphinde sakwazi ukunyusa inani labafundi esibagcine kumagumbi okufundela nge-3% ukusuka kuma-63.8% ngo-2014 ukuya kuma-66.8% ngo-2015.

Inkqubela kuLwimi nakwiMathematika yenze yeenjongo eziphambili (key focus area) zalo rhulumente kwaye ndinovuyo ngeziphumo zohlolol iSistimiki (Systemic Testing) zika-2015 ezibonise ukuphucuka kwiMathematika nakwiLwimi eNtshona Koloni kule minyaka mihiyanu idlulileyo.

Njengephondo sikholelwa kwixabiso lokwenza uhlolo lweengxaki (diagnostic testing) kwisistim yemfundo yephondo ukwenzela ukuba sikwazi ukuphucula ulawulo lokusebenza ngempumelelo kootitshala nabafundi. SiliPhondo elilodwa kwilizwe liphela elwenza ulo hlolo – olungasetwanga ngurhulumente (independently set), Iwalungiswa Iwaze Iwakorekishwa ukuqinisekisa ukuba iziphumo zithembakele kwaye zikumgangatho wamazwe ehlabathi (international standards).

Uhlolo iSistimiki (Systemic Tests) lunikeza owona mfanekiso uthe ngqo wokusebenza kwabafundi kwiMathematika nakwiLwimi, lo nto isinike ithuba lokuhlola ukuba siyawunyusa na umgangatho wemfundo kwiphondo.

Iziphumo zeSistimiki (Systemic results) zibonisa ukuba inkubo zethu zongenelelo (interventions) ziya sebenza, kwaye umgangatho wokufundisa nokufanda wonyukile ezikolweni zethu.

Eyona njongo yethu iphambili kukunikezela imfundo ekumgangatho ophezulu kumfundu ngamnye kwiphondo ingakumbi abafundi abakwindawo ezihluphekayo. Oku kuyabonakala kuko konke esikwenzayo nesiyakuhlala sikwenza.

Siyazingca ngamaphulo amatsha (initiatives) ahlukuneyo esiwenzileyo ukunceda abafundi bethu abahluphekayo kune nezikolo. Nangona besijongene nokucuthwa kwebhajethi ngo-2015/2016, okubangelwe kukuphuculwa kwemeko zempangelo (conditions of service) (ICS) zabasebenzi bakarhulumente ebekungaphezulu kwe-inflajini (inflation) kwakunye nokuhla komgangatho wemali kweli lizwe, thina singuRhulumente sathatha isigqibo sokungayicuthi imali esiyinika izikolo, ingakumbi kwindawo ezihluphekayo.

Ezi ndawo zezi:

- Imbuyekezo yemali ehlawulelwa abafundi abahluphekayo. Ngo-2015 IWCED yahlawula imali emalunga nama-R44 ezigid ikwizikolo ekuhlawulwa kuzo imali yokufunda (fee-paying schools) kwindawo ezihluphekayo.
- Izithuthi zabafundi – IWCED ithutha abafundi abangaphezulu kwama-55 000 kwindawo zethu ezisemaphandleni ezihluphekayo, izithuthi zibasa esikolweni ziphinde zibabuyise yonke imihla.
- IWCED ikwanikeza abafundi indawo yokuhlala ezihostele ezinexabiso elixhasiweyo ukwandisa ukufikeleleka ezikolweni kwabafundi abahlala kwindawo ezihluphekayo emaphandleni. lihostele zinka abafundi indawo ekhuselekileyo yokufunda nokufikelela kwimidalo eyenzeka emva kokuphuma kwesikolo.
- Inkxaso-mali yezikolo ezingama-216 ezongeziweyo ezingahlawulisi mali yokufunda ezikwindawo ezihluphekayo ezikhetho ukungahlawulisi mali yokufunda ngo-2014 xa zazinikwe ithuba lokwenza oko.

Kuyanomeka ukuba xa ujunge ubukhulu kwakunye nobunzima beSebe, iSebe leMfundu lePhondo leNtshona Koloni lafumana ingxelo yophicotho-zincwadi engenachaphaza (clean audit) ngonyakamali ka-2014/2015, yaba liSebe leMfundu lokuqala eMzantsi Afrika ukwenza njalo. Ulawulo lwethu lwezimali belukwinqanaba eliphezulu, kwaye ndingathanda ukubulela

kubo bonke abantu kwiSebe abancedisileyo ngale nto, bekhokelwa nguSG, uPenny Vinjevold, kunye noCFO, uLeon Ely.

Lo nyakamali uzayo izakuba ngunyaka ocela umngeni kakhulu ngenxa yemeko zokunqongophala kwemali esisebenza phantsi kwazo.

Kulo nyaka, IWCED ibhengeze iNkqubo yoLwimi neMathematiki entsha enjongo ikukunyusa umgangatho wokufundisa nokufunda kumabanga onke ukuqinisekisa intsebenzo engcono kubafundi nokugcina abafundi kumagumbi okufundela, ngokweenjongo zethu eziphambili.

IWCED kwakhona iqalise iphulo elitsha elinomdla esilibiza ngokuba yiGrade R-3 project, eliza kuvalanywa kwizikolo ezi-105 eNtshona Koloni. linjongo zale projekthi kukunyusa umgangatho wokufundisa nokufunda kwimathematika nolwimi kwiminyaka emincinci yabafundi ngokuthi siqinisekise ukuba bonke abafundi bafumene amanqanaba afunekayo okufunda nokubala xa begqiba ibanga lesi-3.

Ngenxa yeziphumo zendlala nokungalingani, izikolo ezikwindawo ezihluphekayo zifuna inkaso eyongezelelwego kulawulo, ootitshala nabafundi, kwakunye nenkxaso yemali eyongezelelwego. Ukunceda ukwanda kokufikeleka kwemfundo ekumgangatho ophezulu kwindawo zethu ezihluphekayo, IWCED, idibene neqela labaxhasi (donors), babhengeza iprogram entsha ekuvavanyo ekuqaleni kuka-2016 njengengxenye yamalinge ethu okuphucula iziphumo zemfundo kwizikolo zethu zikarhulumente.

IWCED ihola imodeli entsha yokuhamba isikolo kwizikolo eziSebenzisanayo (Collaboration Schools), le modeli imalunga nokufumana amakhono omeleleyo okuphatha kumashishini azokomeleza iziphumo zemfundo kwizikolo zikarhulumente ezifuna inkaso eyongezelelekileyo, ngentsebenziswano yendibano yezikolo. Zonke iindibano ezisebenzayo yimibutho engeningeniso (non profit organisation) exhaswa ngabantu abaxhasa imibutho (donors) kunye namaqumrhu(foundatios). Ngale nkqubo yovavanyo sandisa isiseko apho kuza kufumaneka khona ubuchule bolwazi kunye nezinye izinto eziyimfuneko ezingaqwalaselwa ukuze kuphuculwe umgangatho wemfundo kwizikolo zikarhulumente kuphuculelwya abafundi abahluphekayo kwiphondo.

Senze inkqubela enkulu kwiprogram yethu ye- e-learning game-changer kulo nyaka uphelileyo apho izikolo ezi-676 zifumene iWAN kwaze kwafakelwa iintambo ezintsha ze-intanethi ezi-50 efumaneka kuwo onke amagumbi okufundisa. Ngaphezu koko, sifakele amagumbi angama-4 267 alungule ukusetyenziswa kweteknoloji (technology enabled smart classrooms) kwizikolo ezi-309. Siylungisile iprogram ye-game changer ukuze igxininise kwimathematika noLwimi. Uphuhliso lwethu lootitshala lugxinisa kakhulu ekusebenziseni iteknoloji(e-learning ne e-teaching) kumagumbi okufundisa.

Kuphelele, unyaka ka 2015 ibingunyaka onempumelelo egqwasileyo kwaye ndizingca kakhulu ngempumelelo yabafundi bethu, eyezikolo neyezithili.

Ndiyayiqonda into yokuba kuninzi ekufanelwe kwenziwe ukuze kuphumelele iimbono zethu ze- iLizwe elinye neKamva eLinye (One Nation with One Future) ezakhelwe phezu kweNkululeko (Freedom), ukuLingana (Fairness) kunye namaThuba (Opportunity) omntu wonke, kodwa ndiqinisekile ukuba iinkqubo zongenelelo esiziqalileyo ziyakuphucula iziphumo zabafundi zisincede ekuqinisekiseni ukuba bonke abafundi kweli phondo bafumana imfundu ekumgangatho ophezulu ukubanceda ukuba bafumane imisebenzi ebalungeleyo ukuze babenako ukuba negalelo kwi-ikhonomi (economy).



**Debbie Schäfer**  
**Provincial Minister of Education**  
**Western Cape Government**

#### 4. Ingxelo yeGosa loCwangciso-mali

##### Isishwankathelo semisebenzi yesebe:

Ngo-2014 /15 iSebe iWCED lenze laze lapapasha isicwangciso salo semiNyaka emiHlanu semfundo yaseNtshona Koloni.

Le miba ilandelayo iye yachaphazela umsebenzi wethu ngo-2015/16: ukunyuka okukhulu kwamanani abafundi; ibhajethi eshokoxekileyo; iimeko zentlalo noqoqosho ezichaphazela ngeyona ndlela amathuba okuba abantwana abaninzi bafunde. Ezi zinto kufuneka zijongwe xa kufundwa iNgxelo yoNyaka ka-2015/16.

INgxelo yoNyaka ibekwe ngokweeprogram ezsixhenxe zebhajethi zawo onke amasebe emfundo ephondo. Kwiprogram nganye sinika ingxelo yenqubela ka-2015/2016. Sikwaxela imiba apha iSebe iWCED belinokwenza ngcono nalapho belifanele ukwenza ngcono.

Zonke iprogram zixhomekeke kulawulo olusebenzayo nolufanelekileyo ukuze ziphumelele, ngakumbi xa sijonga ukunyuka kwenani labafundi ababhalisayo kunye nokushokoxeka kwebhajethi. linzame zeSebe iWCED ngokunxulumene nolawulo oluphuculwego zixelwa **KwiProgram 1.** Ingxelo yale program ibonisa ukuba ibhajethi ichithwe ngokwendlela ebekucwangciswe ngayo yaye kuthathwe amanyathelo afanelekileyo ukunika izikolo nootitshala iinkonzo ezibalungiselelayo, ezibasebenzelayo nezibafaneleyo. Le nto ibifuna ucwangciso olunobunono; idatha ethembekileyo; ukukhethwa kwemigaqo-nkqubo esekelwe ngokusekelwe kubungqina; abasebenzi abazimiseleyo nabathatha uxanduva kwanokubekwa esweni nokuhlolwa okuQhubelekayo.

KwiProgram 2 ukuya ku-5 sinika ingxelo yobhaliso lomfundu kuhlobo ngalunye Iwamaziko amane axhaswa ngemali aze anikwe inkxaso yeSebe iWCED: iziphumo zohlolol Iwangaphandle zabafundi bala maziko kunye neentlobo ngeentlobo zenxaso enikwa abafundi, iititshala nabaphathi bala maziko.

**IProgramme 2** - Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

**IProgramme 3** - Izikolo ezizimeleyo

**IProgramme 4** – Izikolo ezineeMfundo eziZodwa zeMfundo

**IProgramme 5** – UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Ukunyuka kwamanani abafundi kunye nemeko yokuba ndala kwezakhiwo zezikolo zizinto ezhikhokelele ekunukeni kakhulu kwebhajethi yamagumbi okufundela nezikolo eztsha kwanokulungiswa kwezi zakhiwo sele zikho. **IProgram 6** icacisa amanyathelo athathiwego ukuphucula imeko abasebenzela kuyo ootitshala nabantwana bethu.

Ukuze siqonde ukuba abantwana bethu banenkqubela abayenzayo na ekufundeni, iSebe iWCED lisebenzisa uluhlu olwahlukenyero Iweethagethi zokuhlola, ulinganiso kunye nezixhobo zasesikolweni nezangaphandle. **IProgram 7** icacisa iimviwo neemvavanyo zangaphandle eziqhutywa liSebe iWCED.

ISebe iWCED lizamela ukunyusa ukubhaliswa nokugcinwa kwabafundi basesikolweni nabamaziko emfundo ephakamileyo bekwiinkqubo zezemfundu ezifanelekileyo. Impumelelo yethu ekugcineni abafundi bekumaziko emfundi iyabonakala kule ngxelo.

Owona mngeni wethu mkhulu usekuqinisekiseni ukuba umfundu ngamnye ufumana ukufundiswa okusemgangathweni kwimeko enenkathalo nokhuseleko. Mininzi kakhulu imizekelo egqwesayo nevuselelayo emalunga nendlela abasebenzi nootitshala baseWCED abakunika ngayo oku kumawaka-waka abafundi imihla ngemihla. Siyababulela ngoku kuzimisela kwabo ngamaxeshha anzima.

#### **Isishwankathelo seziphumo zemali zesebe:**

limali ezifunyenwe lisebe (Departmental receipts)

| limali ezifunyenwe lisebe   | 2015/16        |                          |  | 2014/15       |                          |   |
|---|----------------|--------------------------|--|---------------|--------------------------|---|
|   | Eziqikelelweyo | Esona Sixa siQokelelweyo | INkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo | Eqikelelweyo  | Esona Sixa siQokelelweyo | Nkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo |
|   | R'000          | R'000                    | R'000  | R'000         | R'000                    | R'000   |
| Ukuthengiswa Kweempahla neen-konzo nga-phandle kweeasethi ezinkulu (capital assets) | 10,841         | 12,100                   | (1,259)  | 13,499        | 11,762                   | 1,737   |
| Ifayini, izohlwayo Neemali ekuphulu-kenwe <b>nazo</b>                               | 855            | 1,175                    | (320)  | 228           | 1,185                    | (957)   |
| Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba  | 2,090          | 1,017                    | 1,073  | 1,998         | 2,216                    | (218)   |
| Li-tranzekshini zemali Kwiiasethi nasematyaleni (assets and liabilities)            | 15,320         | 8,541                    | 6,779  | 12,502        | 19,526                   | (7,024)   |
| <b>Iyonke</b>   | <b>29,106</b>  | <b>22,833</b>            | <b>6,273</b>                                       | <b>28,227</b> | <b>34,689</b>            | <b>(6,462)</b>                                    |

Ingeniso yethu eyenziwe lisebe ixabisia i-0.1 % yebhajethi epheleleyo. Le nto ibihambelana nexabiso ebelenzelwe ibhajethi. Imithombo ephambili yengeniso yeSabe ngokwalo yile –

- Ukuqokelelwa kwamatyala abanjwa isebe lemfundo.
- Ikhomishini kwi-inshorensi kune neemali ezitsalwa ngokomyalelo wenkundla (garnishee order deductions).
- limali ezhlawulelwa iinkonzo ezinxulumene neemviwo ezinjengokuphindwa kokumakishwa kwamaphepha eemviwo nezicelo zeekopi zezatifikethi zematrikhi kune nezinye izatifikethi. Ezi ntlawulo zezi nkonoziqingqwa liSebe (likaZwelonke) leMfundu esisiSeko.
- linkonzo zokufotokopela amanye amasebe ephondo.

Zonke iintlawulo zidweliswe kwirejista yeentlawulo yaye zihlaziya rhoqo ngonyaka ukwenzela ukulungiselela ukunyuka kwamaxabiso. Ukuqokelelwa ngokungaphantsi kunobekulindelikile (undercollection) kwiimali ezifunyanwe lisebe (departmental receipts) ngo-2015/16 zizigidi eziyi-R6.273 yaye oku kubangelwe kukuba kucinywe amatyala ambalwa kunokuba bekulindelwe, apho kuchaphazeleka khona ingeniso efunyanwayo. Onke amatyala acinywa ngokomgaqonqubo wesebe wokucima amatyala. Lo mgaqo-nkqubo ufunu uluhlu lwamanyathelo aquka iinzame zokulandeleta abo batyala isebe (debtors).

### Inkcitho yeeProgram

| Igama leProgram   | 2015/16                   |               |                                      | 2014/15                   |               |                                      |
|---|---------------------------|---------------|--------------------------------------|---------------------------|---------------|--------------------------------------|
|   | Ulwabi-womali lokugqibela | Eyona Nkcitho | Inkcitho (eGqithisleyo)/ eNgaphantsi | Ulwabi-womali lokugqibela | Eyona Nkcitho | Inkcitho (eGqithisleyo)/ eNgaphantsi |
|   | R'000                     | R'000         | R'000                                | R'000                     | R'000         | R'000                                |
| 1. Ezolawulo  | 1,317,372                 | 1,230,688     | 86,684                               | 666,659                   | 661,621       | 5,038                                |
| 2. Imfundu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo              | 13,094,980                | 12,959,597    | 135,383                              | 12,156,707                | 12,156,526    | 181                                  |
| 3. linkxaso-mali zezikolo ezipimeleyo                           | 95,384                    | 95,384        | -                                    | 89,845                    | 89,845        | -                                    |
| 4. Imfundu kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno eziZodwa | 1,075,020                 | 1,049,773     | 25,247                               | 973,642                   | 973,642       | -                                    |
| 5. UPhuhliso lwemfundu yabasaqalayo                             | 488,464                   | 482,163       | 6301                                 | 511,778                   | 511,778       | -                                    |
| 6. UPPhuculo Iweziseko zophuhliso                               | 1,549,959                 | 1,549,959     | -                                    | 1,453,432                 | 1,439,491     | 13,941                               |
| 7. linkonzo ezincedisayo neenkonzo ezinxulumene nazo            | 278,190                   | 269,778       | 8412                                 | 759,745                   | 755,870       | 3,875                                |
| 8. Imfundu noQeqesho oluQhubelekayo                             | -                         | -             | -                                    | 377,913                   | 377,865       | 48                                   |
| 9. Imfundu esisiseko noqeqesho Iwabada                          | -                         | -             | -                                    | 36,609                    | 34,633        | 1,976                                |
| Iyonke  | 17,899,369                | 17,637,342    | 262,027                              | 17,026,330                | 17,001,271    | 25,059                               |

ISebi lichithe i-98.54 pesenti yebhajethi ehlengahlengisiwego (adjusted budget) ngo-2015/16. Le nkcitho ingaphantsi iye yafikelela kwizigidi eziyi-R262.027, okanye i-1.46 pesenti yebhajethi ehlengahlengisiwego, nethi ibe kumlinganiselo omiselwego kazwelonke (national benchmark) oziipesent ezi-2.

### Izizathu zokungayichithi yonke imali zezi zilandelayo:

- Izigidi eziyi-R260.311 zesixa i-Equitable Share. Esi sixa sezigidi eziyi-R126.199 singachithwanga yayizakuba yimbuyekezo yabasebenzi kuzo zonke iiprogram ngenxa yokuqeshwa kwabasebenzi abangxungxileyo ngaphantsi kunokwakulindelekile (kwinyanga ka Julayi noJanawari) kwakunye nezithuba zomsebenzi zootitshala nabasebenzi bakarhulumente kwiSebe ngenxa yokuzaliswa kwezithuba okucothileyo kwakunye nokongiwa kwemali okwenzeke ngenxa yokuhlawula imali ezinguchatha (allowances) kubasebenzi ababambeleyo kwizikhundla eziphezulu nangona bona bekwizikhundla eziszantsi.

Izigidi eziyi-R52.631 ezingachithwanga ibizezeProgram 1: Ulawulo olubangelwe kukuthengwa nokufunwa kweenkonzo (procurement) ze-Education ICT LAN nezinye iindlela zokonga imali ezenziwego. Izigidi eziyi-R64.553 ezingachithwanga ibizezeProgram 2: Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, ngenxa yokulibaziseka kokuziswa kwefenitshala ezikolweni nezinye iindlela zokonga imali ezenziwego. Izigidi eziyi-R16.928 ezingachithwanga zahanjiswa kweziProgam: Program 1: Ulawulo- izigidi eziyi-R9.463; Program 4: IZikolo ezineeMfundo eziZodwa zeMfundu- R635 000; Program 5: UPhuhliso IweMfundu yabasaQalayo- izigidi eziyi-R1.278 kunye neProgram 7: linkonzo ezincedisayo neenkonzo ezinxulumene nazo- izigidi eziyi-R5.552.

- I-R35 000 yeGranti kaZwelonke yeNkqubo yokuTyiswa kweZikolo (National School Nutrition Programme Grant). Esi sixa asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury)
- I-R1 000 eyabelwe iSocial Sector EPWP Incentive Grant for Provinces. Ambalwa kakhulu amabango afunyenwe kwiikholeji zeFET okuqeQeshwa kwabachwethezi bedatha (data capturers). Esi sixa asisetyenziswanga yaye siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo
- kaZwelonke (National Treasury).
- Izigidi eziyi-R1.680 igranti yeMfundu eyabelwa amaziko eMOD (MOD centres). Esi sixa asisetyenziswanga siza kunikezelwa kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).

Ngaphandle kwale nkaso-mali ingasetyenziswanga ebuyiselwe kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke, zonke iimali ezingasetyenziswanga zibekelwe iiprojekthi ezicetywayo yaye sele sifakiwe isicelo sokudlulisela ezi mali kunya ka ozayo ukwenzela ukugqiba ezi projekthi kwiSebe likaNondyebo wePhondo (Provincial Treasury). Oku kuthetha ukuba ezi mali ziya kusetyenziselwa injongo ebekiwego.

#### **Iimali ezikhutshwa kwibhajethi yamanye amacandelo ukuya kwamanye / ezidluliselwa kunya ka ozayo (Virements/roll overs)**

ISebe likaNondyebo wePhondo ivume oku kukhutshwa kwemali kwiibhajethi zamacandelo angundoqo isiwe kwamanye kwiBhajethi eVuniyiwego:

- Ukutshintshwa kweR410 000 isuswa kwiProgram 1: Ulawulo isiwa kwiProgram 7: linkonzo ezincedisayo neenkonzo ezinxulumene nazo ngenxa yokunyuka okungalindelekanga kwenkcitho yenkonzo zophuhliso lwapasebenzi kwi-ofisi zezithili.
- Ukutshintshwa kwezigidi eziyi-R59.977 zisuswa kwiProgram 2: Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zisiwa kwiProgram 6: ukwenzela ukulungiswa kweziseko zophuhliso (Infrastructure Development) kune nokuhlaqiywa kwamaholo ezikolo namabala ezimidlalo kwizikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kweR241 000 isuswa kwiProgram 2: izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo isiwa kwiProgram 4: IZikolo ezineeMfuno eziZodwa zeMfundu ngenxa yokunyuka okungalindelekanga kwemali esetyenziselwa izithuthi imihla ngemihla.
- Ukutshintshwa kwezigidi eziyi-R1.004 zisuswa kwiProgram 5: UPhuhliso lweMfundu yabasaQalayo zisiwa kwiProgram 2: izikolo zikaRhulumente eziqhelekileyo ngenxa yokunyuka okungalindelekanga kwemali ehlawulelwabantu abantu aborhoxisiwego emsebenzini (severance package pay-outs) kune nelivi (leave gratuities).
- Ukutshintshwa kweR301 000 isuswa kwiProgram 5: Uphuhliso lweMfundu yabasaQalayo isiwa kwiProgram 4: izikolo ezineeMfuno eziZodwa zeMfundu ngenxa yokunyuka okungalindelekanga kwemali esetyenziselwa izithuthi imihla ngemihla.
- Ukutshintshwa kweR705 000 isuswa kwiProgram 7: linkonzo ezincedisayo neenkonzo ezinxulumene nazo isiwa kwiProgram 4: izikolo ezineeMfuno eziZodwa zeMfundu ngenxa yokunyuka okungalindelekanga kwemali esetyenziselwa izithuthi imihla ngemihla.

Kucelwe ukugqithiselwa kwezi mali zilandelayo kunya ka ozayo:

- Izigidi eziyi-R40.879 ze-Education ICT ziyacelwa ngenxa yenkcitho engenziwanga ngomhla wama 31 Matshi 2016 yokufaka i-intanethi (Local Area Network -LAN)ezikolweni.
- Izigidi eziyi-R4.336 zefenitshala ziyacelwa ngenxa yenkcitho engengenzeki ngomhla wama 31 Matshi 2016 ngenxa yamashishini (suppliers) angakhange athobele imithetho yekhonthrakthi.

Kucelwe ukufakwa kwezimali kwamnye amacandelo:

- Izigidi eziyi-R50.911 zembuyekezo yabasebenzi yonyukile ngenxa yokuhlengahlengiswa kwexabiso lokuphila(cost-of-living) eliwe ngaphantsi kunyakamali ka 2015/16.
- Izigidi eziyi-R75.288 ziyacelwa ukususa uxinzelelo lwemali kwizikolo zikarhulumente ezonyuselwego kwiingxoxo ezsandul' ukubakho ze MTEC 2, kwinkalo ezine apho kufumaneka uxinzelelo, umz; ii-Textbook, ukutyiswa esikolweni (School Nutrition), iiNorms and Standards kunye neenkonzo zikaMasipala.

**Ingcaciso yezizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanzozo nokudyakraza ngemali nezixa ezichaphazelekayo kwakunye namanyathelo athathiwego ukuthintela ukwenzeka koku kwakhona.**

Isebe alikhange lenze nayiphi inkcitho engagunyaziswanga ngeli thuba liphantsi koqwalaselo. Ukunciphisa inkcitho engahambi ngokomgaqo, isebe likhethe amagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi (supply chain champions) kwicandelo ngalinye kula angama-42. La magosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi aye aqeqeshwa kuzo zonke iinkalo zeSCM. Kwaqaliswa iithemplethi zeSCM, zokwenza nokulawula inkubo nemigaqo efunekayo. Ukunciphisa izehlo zenkcitho engahambi ngokomgaqo, iYuniti yoLawulo IwaNgaphakthi yenza uphicotho-zincwadi Iwasemva koku kuzo zonke iivawutsha zeentlawulo. Le yuniti inika ingxelo ngokuQhubelekayo kumagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi eSC nakumacandelo awo malunga neqondo lenkcitho engahambi ngokomgaqo enokubakho. La manyathelo akhokelele ekuncitshisweni kwenkcitho engahambi ngokomgaqo.

### **Izicwangciso zexesha elizayo zesebe**

linjongo ezintathu zeWCED zale minyaka mihanu ilandelayo (2016 - 2019) zezi

1. Ukuphucula umgangatho kuliwmi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu.

Ezi njongo zintathu ziya kufezekiswa ngokuthi kuqwalaselwe ezi njongo zilishumi zilandelayo

#### **1. Ulawulo olugqwesayo olunediswa ziinkonzo ezenziwa kwi-intanethi (online services)**

ISebe iWCED linika iinkonzo ezenziwa kwi-intanethi ezikolweni, kootitshala nakubafundi. Ezi nkonozo zenziwa kwi-intanethi zijinge ukwehlisa umthwalo wolawulo ezikolweni nokuqinisekisa ngokunikwa kwezikolo izixhobo neenkonzo ezechanelekileyo, ezisebenzayo nezingabizi kakhulu. Ezi nkonozo ziya kulandelelw a geesaveyi zokukhangela ukoneliseka kweeklayenti, kunye nokulandelelw kwezikhalazo neengcebiso.

#### **2. Isicwangciso seminyaka emihlanu sokupuhliswa kweetitshala**

Isicwangciso seminyaka emihlanu sokupuhliswa kweetitshala (2015 - 2019) siza kunika umgaqo-sikhokelo (framework) nesicwangciso soqequeso Iwaphambi kokusebenza lootitshala abatsha abaza kuqala ukusebenza njengoositshala kunye noqequeso Iwasemsebenzini lootitshala abasele behkona. Olu qeqesho luya kugxila kokuthile, lufaneleke yaye baqequeswe ngokwenza (practical). Esi sicwangciso siya kuquka izicwangciso zoottitshala abagqwesayo kunye namaqithi-qithi anikwa ootitshala abangathanda ukuphucula imfundo (qualifications) yabo, ukuziqhelisa ukufundisa (teaching practice) kunye neziphumo zokufunda.

### **3. Ubuchule bokulawula ikharityhulam yephondo**

I-WCED Language and Mathematics Strategies (ubuChule bezolwimi neMathematika) ka-2015 ukuya ku-2019 yaziswa ngo-2015/16. Obu buchule bujunge ukuphucula ukupasa kwabo bonke abafundi beBanga R – 12 (i)ngokupuhulisa ulwazi kunye nokufundiswa kwezfundo (pedagogic practices) okwenziwa ngamagosa ekharityhulam, iintloko zamacandelo ezifundo kunye nootitshala; ii)ukuxhasa ukunikezelwa kweLTSM kunye iii)nokusoloko kuqhutywa nokujonga okwenziweyo kunye nokuhlola okwenziwayo, izicwangciso kunye nenkqubela. ISebe iWCED liza kwazisa lize landisenofikelelo kwakunye nenkxaso yezifundo zokwenza ngezandla (vocational subjects). Ukucwangciselwa kakuhle kwekharityhulam kuza kuqinisekisa ukuba izikolo zinika esona sicwangciso sokuqhutywa kwemfundo (education delivery plan) sendawo.

### **4. Ulawulo oluhle Iwezikolo**

ISebe iWCED liza komeleza inkqubo yokukhangelwa, ukuchongwa nokuxhaswa kweenqununu, amasekela-nqununu kunye neentloko zamacandelo ezifundo. Iofisi zezithili ziza kugxila ekuqinisekiseni ukuba izikolo zisebenza kangangoko yaye amaqela olawulo Iwesikolo (school management teams) anika iinkqubo zokufunda ezhilungileyo nezisebenzayo. Oku kuquka ukujongana nokuziphatha ngendlela ecela umngeni kunye nezinye izinto eziphazamisana nenkqubo yokufundisa yeentsuku ezingama-200.

### **5. Ukulungiselelwa kwemfundo esekelwe kwiimfuno**

ISebe iWCED liza kunika izixhobo ezifunekayo ukuze kuqhubeke ukufunda nokufundisa okufanelekileyo. Oku kuquka abasebenzi, iincwadi, izixhobo ezincedisa emsebenzini, izakhiwo ezifanelekileyo (facilities) kunye nofikelelo kwilCT.

### **6. Inkxaso yoluntu kunye neqonga lophuhliso lolutsha**

Iprogram yokutyiswa kwezikolo, ukungahlawulisa iifizi kunye nongenelelo Iwezikolo ezikhuselekileyo zizinto ejijonge ukunika imeko yokufunda ezinzileyo eya kugcina abafundi besempilweni yaye behkuselekile bekwasesikolweni ithuba elide kangangoko. ISebe iWCED liza kufaka igxalaba kupuhhliso lolutsha ngeendlela ezininzi yaye yenze ubambiswano nanini na xa loo nto iya kunceda abona babuthathaka.

### **7. Inkxaso yezikolo ezizimeleyo**

Izikolo ezizimeleyo ezibhalisa abafundi abasuka kwiindawo ezhiluphekileyo ziya kuxhaswa ngoncediso-mali (subsidies), iinkqubo zoqeqliha lweetitshala kunye nokutelelwa kwezikolo.

### **8. Inkqubo yokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda**

ISebe iWCED liza kunika ukhathalelo namathuba kubafundi abanemiqobo ebathintelayo ekufundeni okanye abasemngciphekweni woko. ISebe iWCED liza kusebenza namanye amasebe karhulumente kunye neeNGO ekuxhaseni aba bafundi.

### **9. IBanga R elisemGangathweni**

Ugxiniso kwixesha elizayo luya kuba sekuphuculen umgangatho wokufunda (learning) kwiBanga R. Le nto iya kwenziwa ngokungxinisa kwizakhono zootitshala kunye nemeko yoqeqliha butitshala (professional status) kunye nasekuchongweni kwangoko kwabo badinga ukuncediswa ezifundweni. Injongo kukuqinisekisa ukuba unyaka weBanga R unika isiseko esisiso sokufunda.

## **10. Iprogram yokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure) ezisebenzayo ukwenzela ukudala imeko yokufunda ehluphezayo**

Ugxiniso luza kuba sekwakheni izikolo namagumbi okufundela amatsha, apha kukho imfuneko yendawo eyongezelelweyo yokufundela, ekutshintshweni kwezikolo ezenziwe ngeemathiriyeli ezingafanelekanga kwakunye nolungiso olucwangcisiweyo ukwenzela ukuba zibe zininzi izikolo nabafundi abaxhamlayo kwibhajethi yokwakhiwa kweziseko zophuhliso (infrastructure budget).

### **Ubambiswano phakathi kwamacandelo kaRhulumente nawaBucala**

ISebe khange lingene kulo naluphi uhlolo Iwesivumelwano kweli thuba kunikwa ingxelo yalo.

### **Imicimbi eyekiwego / imicimbi eza kuyekwa**

Ayikho

### **Izipho neminikelo efunyenwego elolunye udidi evela kumaqela ekunganxulumangwa nawo (non-related parties)**

Ayikho

### **Uxolelo (exemptions) nokutenxa kwimigaqo (deviations) okuvela kwi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke**


Ayikho

### **Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo**

### **Imicimbi emitsha okanye ecetywayo**

Ngaphezu kwezi njongo zidweliswe apha ngentla, iWCED lelona sebe linkqenqazeza phambili kwiNjongo eCwangcisiweyo yePhondo (Provincial Strategic Goal) (PSG) 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo kunte namathuba ophuhliso lolutsha. linjongo ezintathu zokuqala zale njongo zihambelana neenjongo ezintathu zeWCED. Zezi:

1. Ukuphucula umgangatho kuliwmi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezhilupheke kakhulu linjongo ezimbini eziseleyo zezi: "Ukunika amathuba ongezelelweyo entlalo kunte nawoqoqosho kulutsha lwethu" kunte "Nokuphucula inkxaso yosapho kubantwana nolutsha kwanokuncedisana nophuhliso".



**PA Vinjevold**  
**Accounting Officer**  
**Department of Education**  
**Date: 31 May 2016**

## 5. INgcaciso yeMisebenzi neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi nenkolo yam, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Lonke ulwazi namaxabiso axelwe kuyo yonke leNgxelo yoNyaka ayahambelana.

Le Ngxelo yoNyaka iphelele, ichanekile yaye ayinanto ishiyelelwego.

Le Ngxelo yoNyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).

AmaXwebhu eNgxelo-mali oNyaka (Annual Financial Statement) (iCandelo E) alungiswe ngokwemigangatho elungisiweyo yemali eziinkozo (modified cash standard) kunye nemigaqo-sikhokelo (frameworks) efanelekileyo nezikhokelo ezikhutshwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke (National Treasury).


IGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) lijongene nokulungisa amaxwebhu engxelomali onyaka kunye nezigqibo ezithathiweyo malunga nolu lwazi.

IGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) lijongene nokuseka, kunye nokuqhuba indlela (system) yolawulo Iwangaphakathi eyenzelwe ukunika uqinisekiso olufanelekileyo Iwesidima nokuthembeka kwezi nkukacha zentsebenzo, iinkukacha malunga nabasebenzi kunye namaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle nabo bayabandakanywa ekunikeni uluvo oluzimeleyo malunga namaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka.

Ngokoluvo Iwam, le Ngxelo yoNyaka ikubonisa kakuhle ukwenziwa kwemisebenzi, iinkukacha zentsebenzo, iinkukacha zabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yesebe ngalo nyaka-mali uphele ngomhla wama-31 kuMatshi ka-2016.

Ozithobileyo



**PA Vinjevold**  
**Accounting Officer**  
**Department of Education**  
**Date: 31 May 2016**

## 6. INgcaciso yesiCwangciso sobuChule (Strategic Overview)

### 6.1 Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

- i. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo kuzo zonke izikolo
- ii. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelone
- iii. Ukuphucula umgangatho wemfundo kwindawo ezhiluphekayo

### 6.2 Injongo ephambili

Ukunika imfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi abakweli phondo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukucwangciselwa okupheleleyo, kune nokulawulwa kwemfundo (education system)
- Imfundo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente
- Inkaso yezikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- UPhuhliso IwabaNtwana abasaQalayo (ECD) kwiBanga R
- Amathuba oqequesho eetitshala kune nabasebenzi abangezotitshala
- Inkqubo yokutyisa ethagethiweyo kune nezinye iindlela zokulwa nentlupheko nezokhuselko
- Ukuxhaswa kweetitshala ngokunikwa imiqathango esisiseko yenkonzo, amaqithi-qithi kune nekqubo yentlalo-ntle yabasebenzi

### 6.3 limfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- limfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwwe yaye kunikwe inkaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotiyiswe ngokwenene, abanenkqubela abaqequeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo.
- Ukukwazi ukuphendula kwabo baphatheyo ngoxanduva Iwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkaso

## 7. ImiThe tho neZinye iziGunyaziso

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996)

UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho woku-1 ka-1998)

UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho we-12 ka-1997)

UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (SASA) 1996 (uMthetho wama-84 ka-1996);

UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelone (NEPA), 1996 (uMthetho wama-27 ka-1996)

UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi neQhubelekayo, 2001 (uMthetho wama-58 ka-2001).

UMthetho wezeNgqesho yooTitshala ka-1998, (uMthetho wama-76 ka-1998)

UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999)

UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka, 2012, (uMthetho wes-5 ka-2012) (Annual Division of Revenue Act, 2012 (Act 5 of 2012)


UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo se-103 sika-1994)  
UMthetho weGunya eliLawula iziQinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho wama-58 ka-1995)  
UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000, (UMthetho wama-31 ka-2000)  
(South African Council for Educators Act, (Act 31 of 2000)

**8. Ukuma kweSitraktsha seZiko eli**

Makujongwe kwiphepha elilandelayo

**9. AmaQumruhu anika iNgxelo kuMphathiswa**

Awangeni ndawo





I Candelo B  
**Ingcaciso ngentsebenzo**

## 1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: liNjongo eziCaciswe kwaNgaphambili (Predetermined Objectives)

I-AGSA kungokunje yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicotho-zincwadi. Iziphumo zengxelo yophicotho-zincwadi ngentsebenzo zithelekswa neenjongo esele zimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo ephantsi kwesihloko seeNjongo ebezimiselwe kwangaphambili (Predetermined Objectives) kwicandelo leNgxelo engeemfuno ezimiselwego zomthetho nemimiselo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Makufundwe iphepha 173 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi, epapashwe njengenxalenye yeCandelo E: INgcaciso yezeMali.

## 2. INgcaciso ngeNtsebenzo yeSebe

### 2.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika iSouth African education plan siquethwe kwi Action Plan 2019, towards Schooling 2030, ngoku esele sihambelana nesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke neSiphumo sikaZwelonke 1 (National Development Plan and National Outcome 1). Esi sicwangciso siquethe iinjongo ezingama-27. Ezili-13 zokuqala zijongene neziphumo zokufunda, zize ezinye iinjongo ezili-14 zijongene nokuba kunokufikelewa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula ngoxanduva lwakho (accountability system) kwesi sicwangciso iqhagamshelene neenjongo zezemfundo zaseMzantsi Afrika (South African education goals, izalathi, zazo neethagethi zazo kunye nezigaba ezibalulekileyo zazo. Inani leenjongo liqingqiwe; izalathi-nkqubela zinako ukulinganiselwa. lithagethi mazibe 'kanye kwezo nkalo kujoliswe kuzo' yaye injongo maybe kukuphucula iziphumo zemfundo ngokungaphezulu. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Lo gama iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe nezizethuba elide, izigaba ezibalulekileyo zigxinisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu ezayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo kwiiinjongo 1-13 kodwa akukamiselwa zigaba kwiiinjongo 14 - 27.

linjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-3.
- 2► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-6.
- 3► Ukwandisa inani labafundi kwiBanga le-9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga le-9.
- 4► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa imathematika.

linjongo **zeziphumo zokufunda** (zisaqhutywa):

- 6► Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *iphysical science*.
- 7► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi kwiBanga lesi-6 kwizifundo zeelwimi.
- 8► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi kwiBanga lesi-6 kwimathematika
- 9► Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi beBanga lesi-8 kwimathematika.
- 10► Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya konyaka abaqiba ngawo iminyaka eli-15.
- 11► Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo esemgangathweni yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda (ECD) abangaphantsi kweBanga loku-1.
- 12► Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amaBanga ukuqala kwiBanga loku-1- 9.
- 13► Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundu noQeqesho oluQhubelekayo (FET) ngaphaya kweBanga le-9.

linjongo zokuba kufikelela **njani** na kwiziphumo zokufunda ezizezi:

- 14► Ukugaya konyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqequeshe we ngokufanelekileyo ukuba bangenele umsebenzi wobutitshala.
- 15► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.
UNksz Zodwa Modimakwane wonyuselwa kwisithuba sakwaMalusi, endaweni yakhe kwangena uMnu Mr Blackie Swart njengoMLawuli: Ulawulo loHlolo (Director: Assessment Management). UMnu Norman Daniels wathatha umhlalaphantsi ekupheleni kukaJanawari. UMnu Tau Matseliso wayeqeshwe kweso sithuba kodwa waphinda wonyulelwa isithuba sika DDG, isithuba soMLawuli: Service Benefits sapapashwa kwaqeshwa uNksz Devigi Pillay, uza kungena emsebenzini nge 1Juni 2016.

Umlawuli oyiNtloko omtsha woLawulo lobuNtlola kwezoShishino (Chief Director for Business Intelligence Management), uMnu Salie Abrahams, ungene emsebenzini ngoNovemba 2015. Kwaqalwa elinye iCandelo loCwangciso lweziSeko zoPhuhliso (Infrastructure Planning), uMnu Gerrit Coetze wangena kwesi sithuba ngoJanawari 2016.


#### **Imisebenzi yeWCED- umhlaba ofikelelwego nomlinganiselo (scale)**

| <b>Abafundi</b>  |  |                  |
|--|--|------------------|
| Abafundi bamaBanga loku-1-12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo bebonke |  | 985 315          |
| Abafundi kwiBanga R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo                  |  | 64 648           |
| Abafundi kwiBanga R kumaZiko aZimeleyo                                       |  | 18 854           |
| Abafundi kwiZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa                               |  | 20 139           |
| Abafundi kwiZikolo eziZimeleyo   |  | 48 153           |
| <b>Bebonke</b>   |  | <b>1 137 109</b> |
| <b>Abasebenzi</b>  |  |                  |
| Ootitshala   |  | 32 039           |
| Abasebenzi benkonzo bakarhulumente (izithuba ezabelwe amaziko ezivunyiweyo)  |  | 8 802            |
| <b>Bebonke</b>   |  | <b>40 841</b>    |
| <b>Amaziko</b>   |  |                  |
| Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo  |  | 1 457            |
| Izikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo                              |  | 72               |
| li-ofisi zesithili   |  | 8                |

Amaziko akhoyo (Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo) (31 Matshi 2016)  
UMthombo woBhaliso Iwabafundi Iwango-2015: Annual Survey for schools pre-Grade R to matric)  
Ootitshala: PERSAL: 2015

li-ofisi zesithili zemfundo ezsibhozo zahlulwa zibe ziiseKethe ezingama-49 nezinika ngqo inkaso ezikolweni. Izikolo zixhaswa ngabaPhathi beSekethe (Circuit Managers) ngabacebisi ngezekharityhulam, iingcali zeenkonzo zemfundo eneemfuno ezizodwa (special education professionals) (iisayikholojisti, oonontlalontle, nabacebisi bezibonelelo zokufunda (learning support advisers).

Indlela ezahlulwe ngayo izikolo iboniswe apha ngezantsi



| <b>Isithili</b>            |          | <b>1</b>       | <b>2</b>       | <b>3</b>       | <b>4</b>       | <b>5</b>       | <b>6</b>       | <b>7</b>      | <b>8</b>     | <b>Bebonke</b> |
|----------------------------|----------|----------------|----------------|----------------|----------------|----------------|----------------|---------------|--------------|----------------|
| Cape Winelands             | Izikolo  | 39             | 35             | 33             | 38             | 30             | 30             | 31            | 36           | 272            |
|                            | Abafundi | 24 864         | 24 760         | 21 714         | 12 612         | 13 786         | 21 598         | 9 808         | 9 586        | 138 728        |
| Eden and Central Karoo     | Izikolo  | 29             | 32             | 24             | 32             | 36             | 37             | 29            |              | 219            |
|                            | Abafundi | 8 733          | 23 330         | 23 009         | 19 696         | 12 212         | 14 185         | 14 151        |              | 115 316        |
| Metro Central              | Izikolo  | 32             | 44             | 36             | 35             | 30             | 33             |               |              | 210            |
|                            | Abafundi | 20 624         | 21 634         | 20 889         | 22 377         | 20 196         | 22 247         |               |              | 127 967        |
| Metro East                 | Izikolo  | 26             | 23             | 25             | 23             | 23             | 26             |               |              | 146            |
|                            | Abafundi | 24 582         | 25 857         | 23 454         | 22 069         | 21 319         | 29 254         |               |              | 146 535        |
| Metro North                | Izikolo  | 28             | 28             | 30             | 27             | 33             | 31             | 31            |              | 208            |
|                            | Abafundi | 26 363         | 20 452         | 34 219         | 25 415         | 21 984         | 19 957         | 33 261        |              | 181 651        |
| Metro South                | Izikolo  | 34             | 35             | 28             | 16             | 17             | 30             | 30            |              | 190            |
|                            | Abafundi | 26 469         | 21 417         | 17 275         | 11 875         | 18 512         | 32 303         | 29 799        |              | 157 650        |
| Overberg                   | Izikolo  | 28             | 30             | 25             |                |                |                |               |              | 83             |
|                            | Abafundi | 10 129         | 19 495         | 9 868          |                |                |                |               |              | 39 492         |
| West Coast                 | Izikolo  | 25             | 25             | 23             | 25             | 31             |                |               |              | 129            |
|                            | Abafundi | 14 244         | 9 169          | 16 711         | 7 464          | 9 913          |                |               |              | 57 501         |
| <b>Xa kukonke kudibene</b> | Izikolo  | <b>241</b>     | <b>252</b>     | <b>224</b>     | <b>196</b>     | <b>200</b>     | <b>187</b>     | <b>121</b>    | <b>36</b>    | <b>1 457</b>   |
|                            | Abafundi | <b>156 008</b> | <b>166 114</b> | <b>167 139</b> | <b>121 508</b> | <b>117 922</b> | <b>139 544</b> | <b>87 019</b> | <b>9 586</b> | <b>964 840</b> |

## 2.4 Uphuhliso Iwemigaqo-nkqubo ephambili neenguqu kwimithetho

uMphathiswa weMfundo esisiSeko, esebezisa icandelo 4(1) umthetho wokuSetyenzisa kweLwimi zasebuRhumenteni (Use of Official Languages Act, 2012 (Act of 2012), wapapasha iinjongo zakhe zokulandela iGovernment Notice 325, ekwi Government Gazette No. 38679, yomhla we 7 Apreli 2015 wacela ukungenisa kwezimvo ezibhaliwego kubantu abdlala indima nakubantu abanomdla. Ipolisi eyidraft iquka amasolotya afana nokusetyenzisa kwelwimi zaseburhumenteni liSebe leMfundo esisiSeko, ukuphuhlisa amakhono (capacity building) unxibelewano nabantu basekuhlaleni abathetha ulwimi elingelilo elaseburhumenteni eMzantsi Afrika, unxibelewano nabantu basekuhlaleni abaxhumana ngeSign Language yaseMzantsi Afrika neendlela zokukhalaza.

Kwenziwe isibhengezo sokungenisa izimvo ezibhaliwego kumaziko adlala indima nakubantu basekuhlaleni sapapashwa ngomhla we 5 Meyi 2015 kwiGovernment Gazette No. 38763, Government Notice 395 ka 2015, nguMphathiswa weMfundo esisiSeko echaza iinjongo zakhe zokuvuma iPolisi eyiDraft yeSebe leMfundo esisiSeko yeHIV, STIs kune neTB (Draft Policy of the Department of Basic Education on HIV, STIs and TB) ngokweCandelo 3(4) (o) leNational Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996). IPolisi eyiDraft iquka imigaqo nemixholo efana nendawo ekhululekileyo (enabling environment), ukhuselo, unyango, ukunanekela, ukolulekwa kwengqondo (counselling and support), ukwenza kubelula (impact mitigation), iingxaki zasemsebenzini, kune nokulawula iimpendulo zepolisi ezimalunga neHIV, STIs neTB.

Kwenziwe isibhengezo sokungenisa izimvo ezibhaliwego kumaziko adlala indima nakubantu basekuhlaleni sokulungisa kwePolisi eyiDraft emalunga neSimilo, uLawulo nokuPhatha kwemviwo zematriki eyapapashwa kwiGovernment Gazette No. 38771 ngomhla wama 25 Meyi 2015, Government Notice 410, nguMphathiswa weMfundo esisiSeko. Izilungiso zedraft ezipapashiwego ziuke izilungiso zePolisi kaZwelonke (National Policy) kwiSimilo, uLawulo, nokuPhatha uHlolo IweMviwo zeMatriki, kupapashwe kwiGovernment Notice No. 1081 kwi Government Gazette No. 26789 ngomhla we 17 Septemba 2004 yaza yalungiswa njengeGovernment Notice No. 827 kwi Government Gazette, No. 30267 ngomhla we 7 Septemba 2007; neGovernment Notice No. 1151 kwi Government Gazette, No. 31535 ngomhla wama 31 Oktobha 2008.

ISebe leMfundo esisiSeko lapapasha inotisi kwiGovernment Gazette No. 38820 yomhla wama 25 Meyi 2015, Government Notice 435, apho kwanikezwa imvume yokwenza isibhengezo sokungenisa izimvo ezibhaliwego kumaziko adlala indima kwiDraft Amended Regulations ukunikezela iZatifiketi liQumrhu elijongene nomGangatho wezemfundo (Council for Quality Assurance in the General and Further Education and Training), ngokwecandelo 27 of the General and Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001). Imigaqo yeDraft (Draft Regulations) iza kulungisa amacandelo athile emigaqo ngokuthi ifakele okanye icime ukulawula ukunikezwa kwezatifiketi yiQuality Assurance in General and Further Education and Training.

UMphathiswa weMfudo esisiSeko, uye ngokwecandelo 3(4)(l) ne 7 leNational Education Act, 1996 (Act 27 of 1996), ngukupapasha kwiGovernment Gazette No. 39006 yomhla wama-20 July 2015, Government Notice 620, wacela izimvo ezibhaliwego kubantu nakumaziko adlala indima ngePolisi kaZwelonke kwiSimilo, uLawulo nokuPhatha koViwo likaZwelonke (National Policy on the Conduct, Administration and Management of the Annual National

Assessment - ANA). IPolisi izakwenza isisiseko esiya kunceda uMphathiswa weMfundu esisiSeko kwi norms and standards, nakwimigaqo nemithetho yesimilo, ulawulo nokuphatha uViwo likaZwelone (Annual National Assessment -ANA), oluyingxenye lwempumelelo yabafundi njengoko kuchaziwe kwicandelo 6A (2) lweSouth African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996). Le polisi iyakusetyenziswa zizo zonke izikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo.

UMphathiswa weMfundu esisiSeko, ngokwemigaqo yeNational Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996) neSouth African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996) wapapasha isibhengezo ecela izimvo ezibhaliweyo kumaziko adlala indima nasebantwini kwipolisi eyidraft iRegulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Provincial Teacher Development Institutes and District Teacher Development Centres In South Africa, kwiGovernment Gazette No. 39038, Government Notice 657, yomhla wama 31 Julayi 2015. linjongo yemigaqo yedraft kukuniweza indlela yokulawula umsebenzi (regulatory framework) ukuphendula ezinye zengxaki ezimalunga nendima edlalwa ngamaziko (institutes) neesenta ezikhankanye kwipolisi, kugxilwe kwiziseko zophuhliso, izixhobo zokuncedisa (equipment), abasebenzi, ulawulo nokuphatha kwakunye nemali yenkxaso.

INotice 482, epapashwe kwiGovernment Gazette 38822 of 29 May 2015, ichaze iinjongo zoMphathiswa weMisebenzi yoLuntu (Minister of Public Works) zokutshintsha iConstruction Industry Development Regulations, epapashwe kwiGovernment Notice 692, Government Notice 26427, ngomhla we 9 Juni 2004.

Ngomhla wama 25 Meyi 2015 uMphathiswa weMfundu esisiSeko wapapasha isibhengezo sezimvo zabantu kwiGovernment Notice 420 in Government Gazette No. 38810 kwidraft yeNational Policy malunga nesimilo, ulawulo nokuphatha koViwo lweMatriki (Senior Certificate Examination). Le draft yenza, phakathi kwezinye izinto, ukubonelela amaziko adlala indima ekujongeni umgangatho woviwo, imali ehlawulelwu ukungena esikolweni nokungeniswa esikolweni.

UMphathiswa weMfundu esisiSeko wacela izimvo ekufumaneni iMinimum Outcomes and Standards kune nemiGaqo nemiThetho yokuViwa kweMpumelelo yaBafundi (National Process and Procedures for the Assessment of Learner Achievement) njengoko kubhaliwe kwiPolisi, IPolisi kaZwelone (National Policy) malunga neProgram yemfuno zokoNyuselwa kweKharityhulam Statimenti yamabanga uR -12 (Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12) kwiGovernment Gazette No. 39405, yomhla we 13 Novemba 2015, njengokuba ipapashiwe kwiGovernment Notice 605. Iquka utshintsho kwizifundo namaxesha anikwe isifundo ngasinye.

Utshintsho lweDraft kwiXwebhu lePolisi, IPolisi kaZwelone (National Policy) malunga neeMfuno zeProgram nokoNyuselwa kwamaBanga eNSC R-12 (Programme and Promotion Requirements of the NCS Grades R-12) kune nesimilo, ulawulo nokuphathwa kweMatriki kwapapashwa kwiGovernment Gazette No. 39399, Government Notice 605, yomhla we 13 Novemba 2015. Iquka ukongezelelwu kwamanani eelwimi zaseburhulumenteni ezechongiweyo kwakunye namaxesha awabekelwe isibhjekthi nganye.

### **Amaphulo ongenelelo ngoncedo amatsha ephondo**

Sebe leMfundu eNtshona Koloni lizibophelele ukufumaneni zonke iindlela ezinokunyusa ukufikeleka kwimfundu ekumgangatho ophezulu, ingakumbi kwiindawo zethu ezihluphekayo. ISabe likholelwa ekusebenzeni ngobuchule nezikolo namaziko entsebenziswano(partners) kurhulumente, amaziko angengawo akarhulumente (private sector), abahlali kunye nabaxhasi ukuqinisekisa ukuba sisebenzisa konke esinako ukuphumelelisa le njongo. ISabe lenza imigudu emininzi ukuqinisekisa ukuba lenyusa ukufikeleka kwimfundu ekumgangatho ophezulu. Umzekelo wokugqibela yiPolisi ye Collaboration Schools Pilot Programme, ngentsebenziswano nabaxhasi bemfundo nemibutho yabaxhasi eyayivunywe ngowama 31 Agasti 2015.

ISikolo sentsebenziswano ("Collaboration School") luholo Iwesikolo esitsha sikarhulumente, esilawulwa ngokuncedisana phakathi kwembutho engenzi-nzuzo (non- profit organisation) exhasa isikolo (the "operating partner"), kunye neWCED, ejongene nokusebenza kwesikolo kwakunye nokuqinisekisa ukuba isikolo ne"operating partner" zinika ingxelo nokusebenza kwesikolo njengengxenye yesistim yemfundo karhulumente. Olu vavanyo luyakwenza ukuba abaphathi besikolo ne-operating partners bafikeleleke kwizinto eziyimfuneko ezongezelelweyo kwaye iyakwandisa ulawulo olungabophelelekanga (flexible) nto leyo eyakwenza ukuba kufunyanwe ezinye iindlela eziphucukileyo nezisebenzayo zokufundisa.

ISchool operating partners ziyakuqinisekisa inkaso enkulu yootitshala neenqununu ngoqequesho, izinto eziyimfuneko (resources) ezongezelelweyo, ukujongwa kwentsebenzo (performance monitoring) nokunika ingxelo rhoqo. Eyona njongo kukuphucula iziphumo zemfundo zabafundi kwezi zikolo.

Umtethetho iWestern Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997) (the Act) waqala ukusebenza ngomhla we 16 Janawari 1998, utshintsho lokuqala lalo Mthetho Iwenzeka ngomhla we 6 Decemba 2010. Iqela lamasolotya alo mthetho awasebenzi amanye akalandeleki, ngenxa yokuba engahambelani nemithetho emitsha esebebenzayo eMzantsi Afrika.

Ikhabineth yase Ntshona Koloni inike imvume yezimvo (granted in-principle) yokuba kwenziwe umthetho oyidraft (draft legislation) ukutshintsha umthetho wezikolo iWestern Cape Provincial School Education Act, 1997(Act 12 of 1997) ngomhla wama 24 Juni 2015. I-Amendment Bill, 2016, inenjongo yokulungelelanisa umthetho ukwenzela uphuhliso Iwepolisi kwesi simo sangoku semfundo; ngaphezulu iyakwenza ukuba kwenziwe utshintsho oluyimfuneko apha imfundo yahlulwe yangamasebe amabini, angala; ISabe leMfundu esisiseko ne Sebe leMfundu ePhakamileyo. Izakutshintsha inkcazo (definitions) ezithile, ifakele inkcazo, ilungise iimpazamo ezithile, ezifana namabinzana angasasebenziyo.

Imimiselo ngokomthetho wezikolo iWestern Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997), yenziwa ngolu hlobo:

*Imimiselo iRegulations on the Issuing of Performance Indicators Binding on Public Schools, 2015* yapapashwa kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 7399, ngomhla we 2 Juni 2015. Le migaqo yathunyelwa kwizikolo zikarhulumente kwiCircular 0036 ka 2015, yomhla wama 29 Juni 2015. Imimiselo ibonisa izikolo zikarhulumente izalathisi zokujonga nokuhlola ukusebenza

kwemfundo kwezikolo zikarhulumente ukwenzela ukunceda iSebe, ukucebisa nokunikeza inkxaso efunekayo kwizikolo ezithile kwakunye nokunyusa impumelelo yabafundi/yemfundo.

*Imimiselo emayela nokuMiswa nemisebenzi yeKhansile yeMfundu (The Regulations relating to the Establishment and Functions of the Education Council), yapapashwa kwiGazethi eYodwa yePhondo (Provincial Gazette Extraordinary) No. 6910, yomhla wama 26 Septemba 2011. Le mimiselo iquka ukwakhiwa kweKhansile yeMfundu, ubude bexesha bokuba lilungu kwikhansile, ukugxothwa nokupheliswa kokuba lilungu, ukuchithwa kweKhansile, izithuba kwiKhansile yeMfundu, IKomiti eLawulayo (Executive Committee) nentlanganiso nemigaqo. Imimiselo emalunga nokuMiswa nemisebenzi yeKhansile ye Mfundu, 2011 (The Regulations relating to the Establishment and Functions of the Education Council, 2011): Amendment 2015, yapapashwa ngomhla we 14 Decemba 2015 kwiGazethi eYodwa (Provincial Gazette Extraordinary) No. 7549, iProvincial Notice 435 ukwenzela ukuba kubekho utshintsho kwisakhiwo seKhansile yeMfundu, utshintsho kwinani eliphantsi lentlanganiso zeKhansile ngonyaka ukusuka kwi-2 ukuya kwi-4 kwanolunye utshintsho.*

IPolisi yePhondo leNtshona Koloni yokuTshaya, (The Western Cape Provincial Government Smoking Policy) 2015, yavunywa nguMphathiswa wezeMfundu kwiPhondo ngomhla we 15 Decemba 2015 yaze yasasazwa kwiCircular 0001/2016.

### **Imingeni ebangelwa yimiba yemigaqo-nkqubo**

Izikolo:

IMimiselo iRegulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards (Novemba 2013) ibe nefuthe kwizicwangciso zezakhiwo zexa elizayo. Ifuthe elinokubakho kule mimiselo liya kufuna ixesha noko lokuhlangana ngokumalunga nezakhiwo ezikhoyo nobungakanani (size) bezikolo.

### **3. Injongo eziCwang-ciswe ngobuChu-le neJolise kwi-ziphumo zokuFunda<sup>1</sup>**

|  |  |
|--|--|
| <b>Injongo eCwang-ciswe ngobuChu-le neJolise kwi-ziphumo zokuFunda 1</b> | Ukuphucula uLwimi neMathematika kuzo zonke iZikolo   |
| <b>Ingaciso yeNjongo</b>   | Makuphuculwe umgangatho wokupasa kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba:<br>-Banga lesi-3: ULwimi: yi-50% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-64% yabafundi kuvavanyo olusetwe lwaze lwaphathwa ngaphandle (externally set and administered) .<br>-Banga lesi-6: ULwimi: yi-48% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-40% yabafundi kuvavanyo olusetwe lwaze lwaphathwa ngaphandle (externally set and administered) .<br>-Banga lesi-9: ULwimi: yi-53% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-21% yabafundi kuvavanyo olusetwe lwaze lwaphathwa ngaphandle (externally set and administered) . |
| <b>Injongo eCwang-ciswe ngobuChu-le neJolise kwi-ziphumo zokuFunda 2</b> | Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelone  |
| <b>Ingaciso yeNjongo</b>   | Ukuphucula ireyithi yokupasa kwabafundi kwiimviwo zeNSC ukuze:<br>- Inani labafundi elipase iNSC ngo 2019 libe ngama 41 000<br>- Ireyithi yokupasa ngo 2019 ibe ngama 86%.<br>- Inani labafundi abapase ngebachelor ngo 2019 libe ngama 20 100.<br>- Inani labafundi abapase iMathematika ngo 2019 libe ngama 11 770<br>- Inani labafundi abapase iPhysical Sciences ngo 2019 libe ngama 9 500.  |


<sup>1</sup> Qaphela ukuba ithagethi zeminyaka ephelileyo zitshintshiwe (updated) kwi Annual Performance Plan ka 2016/17. Ithagethi ezesetwe ngo 2015/16 azitshintshwanga kule ngxelo.

|   |  |
|---|--|
| Injongo eCwang-ciswe ngobuChu-le neJolise kwi-ziphumo zokuFunda 3 | Increase in the quality of education provision in poorer communities   |
| Ingaciso yeNjongo   | <p>I-WCED izi kugxila ekuxhaseni izikolo ezi hlelelekileyo ukuze:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukuphelisa kokuhuba kakubi kwinani lezikolo ezipase ibanga le 12 ngereyithi engaphantsi kwama 70% ukuya ku 0 ekupheleni kuka 2019.</li> <li>- Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko kunokulinganiselwa ngee-Annual National Assessment (ANA) kumabakala 1 – 6 no-9 neemavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9 (lithagethi zicaciswe kwisiCwangciso soBuchule 1nakwiProgram7)</li> <li>- Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwinani lezikolo zamabanga aphantsi (primary schools) ezineziphumo ezimbi kwisistimik tests (systemic tests) nakuzo zonke iziphumo kuwo onke amabanga ngaphantsi kwe 85% ukuya kwi 30% ekupheleni kuka 2019.</li> <li>- Ukuphuculwa kwereiyithi yokugcina abafundi besesikolweni (retention rate) (Kumabanga e 10 - 12) nge 68% ekupheleni kuka 2019.</li> </ul> <p>Inani lokundwendela izikolo ngenjeng zokuzinika inkxaso liyakulungelelanisa nenkxaso edingwa sisikolo.</p> <p>Iziseko zophuhliso, inkxaso yokuphila, ukunikezwa inkxaso-mali kuyakujolisa kakhulu kubafundi nezikolo ezifuna uncedo.</p> |

Inkqubela ngokumalunga neethagethi ezicaciswe kwisiCwangciso soBuchule


#### Injongo 1: Ukuphucula uLwimi neMathematika kuzo zonke izikolo

Ngo 2015 isiCwangciso soBuchule seLwimi neMathematika esitsha, seBanga R -12, senziwa, sanikwa izimvo, sagqitywa saze saqalwa njengokuba kuchaziwe kwisicwangciso seminyaka emihlanu. Nangona iiMviwo zoNyaka zikaZwelone (Annual National Assessments) zange ziqqitywe ngokusemthethwenti ngo 2015, uHloho lweSistimik leWCED (WCED Systemic Tests) lubonise ukuphucuka kweziphumo, ingakumbi kwiMathematika. Ngenxa yempumelelo engumangaliso kunokuba sasicinga, satshintshwa isiCwangciso seNtsebenzo soNyaka ka 2016/17.




Iziphumo 2 nesi 3: "Ukwandisa inani nomgangatho wokuphumelela iMatriki (NSC)" kunye "noKwandisa umgangatho wemfundu enikezwa iindawo ezihluphekayo"

IWCED inereyithi yokupasa eyi- 84.7% engaphezulu kwethagethi eyi- 83.5%. Lo nto yabangela ukuba ithagethi yeminyaka emihlanu yereyithi yokupasa itshintshwe, yonyuswa yasuswa ku- 86% ukuya ku-88%.



linkcukacha ezipheleleyo, nazi.



| Iziphumo zeWCED ze NSC ezithelekisiweyo 2010- 2015 |                  |                 |               |                         |                           |  |
|--|------------------|-----------------|---------------|-------------------------|---------------------------|--|
| Unyaka   | Ababh<br>alileyo | Abapas<br>ileyo | %<br>yokupasa | Ukungena kwi B.<br>Deg. | % Ukungena kwi B.<br>Deg. | Izikolo ezine reyithi<br>yokupasa <60% |
| 2010   | 45 783           | 35 139          | 76.8          | 14 414                  | 31.5                      | 78                                     |
| 2011   | 39 988           | 33 146          | 82.9          | 15 215                  | 38.1                      | 30                                     |
| 2012   | 44 700           | 36 992          | 82.8          | 16 319                  | 36.5                      | 26                                     |
| 2013   | 47 636           | 40 558          | 85.1          | 19 477                  | 40.9                      | 23                                     |
| 2014   | 47 709           | 39 237          | 82.2          | 18 524                  | 38.8                      | 31                                     |
| 2015   | 53 721           | 45 496          | 84.7          | 22 379                  | 41.7                      | 27                                     |

Iziphumo zezikolo ezikwindawo ezihluphekayo (iQuintile 1 - 4) zibonise ukuphucuka ngolu hlobo:

| Ireyithi yokuPasa ngokweQuintile zikaZweloneke<br>Izikolo zikarhulumente kuphela |        |        |                 |
|--|--------|--------|-----------------|
|  | Yr2014 | Yr2015 | Diff: '14 & '15 |
| NQ1  | 66.5%  | 74.1%  | 7.6%            |
| NQ2  | 68.6%  | 71.7%  | 3.2%            |
| NQ3  | 71.3%  | 74.2%  | 2.9%            |
| NQ4  | 77.9%  | 82.7%  | 4.8%            |
| NQ5  | 92.2%  | 93.2%  | 1.0%            |
| LSEN   | 84.4%  | 89.3%  | 4.9%            |
|  | 81.6%  | 84.3%  | 2.7%            |

#### **4. INgcaciso yeNtsebenzo yeProgram nganye**

##### **4.1 Program 1: Ezolawulo**

###### **Injongo**

Ukunika ulawulo Iwamacandelo ephela nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (National Education Policy Act), uMthetho woLawulo IweeMali zikaRhululemente (Public Finance Management Act) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo.

###### **Iprogram yezoLawulo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo<sup>2</sup>:**

Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa wePhondo

Ukuncedisa ukusebenza kwe-ofisi yeLungu loLawulo lweKhansili yemfundo (Member of the Executive Council -MEC) ngokuhambelana nencwadana yabaphathiswa (ministerial handbook)

Iprogram esekelayo 1.2: liNkonzo zeNkxaso (Corporate Services).

Ukunika iinkonzo zolawulo ezingajolisanga ngqo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo.

Iprogram esekelayo 1.3: ULawulo lwezeMfundo

Ukunika iinkonzo zolawulo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo.

Iprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

Ukunika uphuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi baseziofisini.

Iprogram esekelayo 1.5: ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo (Education Management Information System) (EMIS)

Ukunika iSistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo kaZwelonke weeNkcukacha zezeMfundo (National Education Information Policy)

###### **liNjongo eziCwangcisle ngobuChule<sup>3</sup> (Strategic Objectives)**

| <b>Programme 1: Strategic Objectives</b>  |  |
|---|--|
| <b>INjongo eCwangcisle ngobuChule 1.1</b> | <b>Phuhlisa usebenzise isicwangciso seminyaka emi5 sokupuhlisa ootitshala.</b>   |
| <b>Ingcaciso yeNjongo</b>                 | <p>1. Bamba iintlanganiso kabini ngonyaka phakathi kweWCED neeYunevesithi (HEIs), neDHEt ukufaka ifuthe lokuqequesha ootitshala abaqalayo</p> <p>2. Phuhlisa usebenzise isicwangciso seminyaka emihlanu sokupuhlisa ootitshala (kuquka iimpendulo zolwazi lohlolo; inkukacha zootitshala; uqequesho lwe-elearning)</p> <p>3. Phuhlisa usebenzise iprogram equka konke yokukhuthaza ootitshala (comprehensive teacher incentive programme) yokupuhlisa ukuziphatha kakukhle emsebenzini (professionalism), izakhono zokufundisa, ulwazi lwasabhxekthi kunye nolwazi lwekhompyutha lootitshala neenqununu</p> <p>4. Tsala, ukhethe, ugcine iinqununu neeHoD eziwaziyo umsebenzi nezikumgangatho ophezulu</p> |
| <b>INjongo eCwangcisle ngobuChule 1.2</b> | <b>Phucula ulawulo nekxaso yezikolo, ezincedwa ziinkonzo ze-intanethi</b>  |
| <b>Ingcaciso yeNjongo</b>                 | <p>1. Nikeza iinkonzo ezifanelekileyo ezikolweni ngendlela encomekayo ukuze ujunge ukwaneliseka ngendlela yokujonga izikhala nangesaveyi yonyaka yokujonga ukwaneliseka.</p> <p>2. Sebeniza i-intanethi kakhulu ukukhawulezisa ukunikezelwa kweenkonzo nokususa ukusebenza kakubi ukuze iWCED inikezele ngeenkonzo ezikolweni, kootitshala, kubazali nakubafundi ngalo lonke ixesha, kuyo yonke indawo (e-Administration).</p> <p>3. Ukucwangcisia kweMfundo kuqhutywe yidata kube noxanduva (data-driven and accountable)</p>   |

<sup>2</sup>Iprogram ezisekelayo ziyinxalenye yetemplethi yamacandelo kazwelonke yaye ziziintlelo zenkxasomali yeSebe likaNondyebo (Treasury fund categories). Iimali ezikwiProgram 1 zijongene neendleko ezimalunga nolawulo kwisistim.

<sup>3</sup> liNjongo zobuChule ngokwe siCwangciso sobuChule sika 2015-2019 zishicilewe apha ngokupheleleyo

**Iinjongo ezicwangcisiwe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo**

**Ezemali**

I-WCED lichithe i-98.54% yebhajethi ehlengahlengisiweyo evuniweyo (approved adjusted budget) ka-2015/16.

limali zasetyenziselwa ukhlangabezana neenjongo zesiCwangciso sokuSebenza (Action Plan) sika-2015 neenjongo ezintathu zeSebe iWCED. Yi-74.0% yebhajethi eyayabelwe imbuyiselo yabaqeshwa (compensation of employees) (CoE), nangaphezu kweebhiliyonu eziyi-R1.464 eyabelwe iiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiqathango (Conditional Grants) esiz nezinye iinkonzo ezingundoqo. ISebe iWCED lizibophelele ekuchitheni imali ngengqiqo ukwenzela ukuba liyisebenzisele ukhlangabezana nezona mfuno zifuna inkxaso kakhulu.

Kwaba nokongiwa imali kwiiMali zabaSebenzi (Compensationn of Employees) (CoE), ngokukodwa ngenxa yokuncipha kwenani labasebenzi abangesosigxina (temporary) obekungalindelakanga (ngоДжulayi nango Agasti), izithuba zomsebenzi zootitshala nabasenzi bakarhulumente kwiSebe zizaliswe emva kwethuba elide nto leyo ebangele ukongiwa kwemali ngokuthi kuhlawulwe iimali ezongezelwayo(allowances) kubasebenzi ababambeleyo kwizithuba ezingaphezulu kwezabo.

Imali elondoloziweyo iye yasiwa ekuphuculeni iziseko zophuhliso zezikolo (school infrastructure) noncedo olunikwe izikolo eziJamelene nemingeni yemali. limali ziye zadluliselwa ezikolweni ukwenzela ukunika izikolo ezingahlawulisi fizi, imbuyekezo yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi, izixhobo, nokuphungula amatyala eenkonzo zikamasipala kwanokuvvelisa iitekstbhukhu zokongeza (top-up textbooks) zawo onke amaBanga.

ISebi iWCED liye laqhuba nokugxila kulawulo olufanelekileyo. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika kuphicotho lwakhe lwamaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka (Annual Financial Statements) ka-2014/15 uye wagqiba kwelokuba la maXwebhu eNgxelo anike ingxelo lungileyo kuyo yonke imiba ephathekayo (material aspects) yemeko yeemali zeSebe iWCED. I-AGSA iphindia yagqiba kwelokuba iSebe iWCED alinazibonisi zingafanelekanga ziphathekayo (material unfavourable indicators).

**ICandelo lezaBasebenzi**

Ulawulo lwamanani ezithuba ezabelwe ezikolo zeSebe iWCED lubaluleke gqitha kwimpumelelo yezemfundo ezikolweni. ISebi iWCED labe izithuba ezingama-32 039 xa zizonke ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2015 ngenxa yokunyuka kobhaliso lwabafundi. ISebi iWCED landise ukwabiwa kwezithuba kuka-2016 ngezinye izithuba zootitshala ezingama-6.

Ezi theyibhile zilandelayo zinika ukwabiwa kwezithuba zomsebenzi kwiminyaka yokufunda ka-2011 ukuya ku-2016:

| UNyaka wokuFunda | Izithuba ozabelweyo |
|------------------|---------------------|
| 2011             | 30 989              |
| 2012             | 31 091              |
| 2013             | 31 091              |
| 2014             | 31 357              |
| 2015             | 32 033              |
| 2016             | 32 039              |

ISebe iWCED liyaqhube ka nokuzimisela ukuphucula umyinge (ratio) ophakathi kwabafundi: notitshala kwisiGaba esisisiSeko. ISebe iWCED liye lagcina umyinge ophakathi kwabafundi: notitshala ongu-1:37 kwizikolo zaseprayimari kanye nongu-1:33 kwizikolo eziphakamileyo (high schools) kwithuba lika-2015/16.

Ukufakwa okukhulu kootitshala abangenazo zithuba zengqesho (in excess) kubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ukuba izakhono zakho ziseteyenzisa ngeyona ndlela kwanokuba abafundi bayaxhamla. Imivuzo ehlawulwe ootitshala abangenazo izithuba zengqesho linefuthe ekuqeshweni kwabafundi abadingekayo kwamanye amaziko. Ngethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2015 ukuya kowama-31 kuDisemba ka-2015, iSebe iWCED lanciphisa inani lootitshala abangenazo izithuba zengqesho abali-84, njengesiphumo sesicwangciso esiyiliwego sohlengahlengiso lweetitshala.

Imiba yoMgaqo-nkqubo weKhefu lokuNgakwazi kusebenza noMhlala-phantsi othathelwa iMpilo enkenenkene (Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement) (PILIR) ijonge ukuqinisekisa ukuba eli khefu linikwa kuphela abo bafanelekileyo kulo, yaye akukho kulibaziseka kungeyomfuneko ekuhloleni ukufaneleka kwekhefu okanye akukho zintlawulo zingaphezelu zinikwa abo bangafanelekanga kweli khefu.

Ngethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2015 ukuya kowama-31 kuDisemba ka-2015, bangama-623 abafundi ababenikwe ibhasari yeFunza Lushaka abaye bafumana iziqinisekiso zobutitshala kubafundi abangama-819, nabathe bafakwa baqeshwa ngokuyimpumelelo kwizithuba ezisisigxina, ezethutyana okanye ezababambeleyo okanye ezingeso sigxina ngo-2014.

Ukuqala konyaka wesikolo ngo-2016, iSebe iWCED liye lagxila ekuqesheni ngokusisigxina ootitshala abatsha (abaquka abo bebefunde ngeBhasari iFunza Lushaka). Impumelelo yalo msebenzi wokuhangelwa kootitshala iye yapheleta ekubeni kugqibele ngokuqeshwa ootitshala abatsha abali-1 010. Bangama-1 128 bebonke ootitshala abaqeshwe ngokusisigxina ukuba baqalise ukusebenza ngomhla woku-1 kuJanyuwari ka-2016.

Ngo-2015 kuye kwanikwa ingqwalasela eyodwa kwizibhengezo nokuqeshwa kwamaSekela-Nqununu kanye neeNqununu. Ezi zithuba zibhengezwu kuluhlu ngalunye Iwezintlu zezithuba zengqesho zeSebe iWCED nakwizintlu ezikhethekileyo zezithuba zengqesho kwaze yaye bezikuluhlu olubekwa phambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuhamba kwakuhle kwenkqubo

yokufakwa kwezicelo. Oku bekuthetha ukuba baye bambalwa abantu abaye babambela kwizithuba zokonyuselwa, kuye kwehla ukusetyenziswa kwabasebenzi ababambeleyo kwatsho kwaphucuka ukuzinza ezikolweni.

I-WCED iye yaqubeka ukusebenzisa isixhobo sokuHlolwa okuSekelwe ekuKwazini ukwenza (Competency Based Assessment) (CBA) ukuncedisa ekuchongweni kweeNqununu ngo-2015/16. Ipesenteji ephezulu yabagqatswa abathathe inxaxheba kwiCBA njengenxalenyenqubo yokukhanelwa nokuChongwa kwabasebenzi (Recruitment and Selection process) yenze ukuba olu hlolo lube lunchedo kupuhliiso ngokolwazi lomsebenzi (professional development). Ingxelo enikwa abantu abathathe inxaxheba iye yancedisa ekupuhliweni kweziCwangciso ezisekelwe kulwazi zoPhuhliso zomntu ngamnye (informed individual Development Plans) zeenqununu ezsandula kuqeshwa. ISebe iWCED liphinde lafumana izicelo ezivela kwiNqununu esele zisebenza, zokwenza iCBA ukwenza ukuzincedisa ekupuhlieni izakhono zokusebenza ngokuphucukileyo kwamaziko abawalawulayo.

ISebe iWCED likwinkubo yokukhangela iinkukacha (profiling) zezithuba zengqesho zamaSekela-Nqununu kune neeNtloko zamaCandelo eziFundo ukwenza ukwenza isixhobo seCBA sezi zithuba ngo-2016.

Idatha engokuqeshwa kweenqununu ezintsha ekule theyibhile ingezantsi yeyethuba elisusela kowoku-1 kuEpreli ka-2015 – kowama- 31 kuMatshi ka-2016 yaye ibonisa abo baqeshwe kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

| <b>LiNqununu ezintsha ngonyaka ngamnye</b> |                                    |             |             |             |             |             |             |              |
|--|------------------------------------|-------------|-------------|-------------|-------------|-------------|-------------|--------------|
| <b>Izithili</b>                            | <b>Inani elipheleleyo lezikolo</b> | <b>2010</b> | <b>2011</b> | <b>2012</b> | <b>2013</b> | <b>2014</b> | <b>2015</b> | <b>Total</b> |
| Cape Winelands                             | 272                                | 22          | 20          | 10          | 19          | 25          | 25          | 121          |
| Eden & Central Karoo                       | 219                                | 13          | 12          | 9           | 27          | 32          | 17          | 110          |
| Metro Central                              | 210                                | 30          | 14          | 6           | 24          | 38          | 22          | 134          |
| Metro East                                 | 146                                | 21          | 6           | 10          | 12          | 29          | 19          | 97           |
| Metro North                                | 208                                | 16          | 10          | 16          | 14          | 30          | 13          | 99           |
| Metro South                                | 190                                | 18          | 8           | 8           | 5           | 25          | 16          | 80           |
| Overberg                                   | 83                                 | 9           | 5           | 4           | 9           | 18          | 5           | 50           |
| West Coast                                 | 129                                | 13          | 11          | 5           | 15          | 14          | 6           | 64           |
| <b>Zizonke</b>                             | <b>1 457</b>                       | <b>142</b>  | <b>86</b>   | <b>68</b>   | <b>125</b>  | <b>211</b>  | <b>123</b>  | <b>755</b>   |

#### Ingcaciso noNxibelevano (Information and Communication)

ISistim enguNdoqo yeeNkukacha zoLawulo IweMfundu (Central Education Management Information System) (CEMIS)

Ngo-2015/16, iSistim yeeNkukacha zeSebe iWCED (WCED Information System) (CEMIS) iye yaphuculwa nangakumbi ukulungiselela ukuxhasa iinkqubo zoshishino ezenziwa kwiCMIS. ICEMIS idlale indima enkuIkuhla kulekuqokeleleni idatha yokubhaliswa kwabafundi estyenziswa ekuxhaseni, ekukhokeleni nasekomelezeni ukwenziwa kwezigqibo ngobuchule.

Njengoko bejunjalo kwithuba langaphambili, i-CEMIS iye yazixhasa ngokungqalileyo iinkqubo zeemviwo, nolawulo lokuhla kune neenkubo zobhaliso; ngokuxhomekeke ekubeni kusetyenziswe idatha yokuqonda ukufakwa (allocation) kwabasebenzi yaye ibisetyenziselwa

iisaveyi ezenziwa kwi-intanethi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa.

Isixhobo sokuqwalasela izikolo ngeekota (quarterly school monitoring tool) siye sasetyenziswa ngamagosa ezithili ukulandeleta inkqubela ngemiba ekhethekileyo exhalabisayo ngokusebenzisa iEduInfoSearch. Izicwangciso zokuphuculwa kwezikolo zika-2015/16 ziye zafakwa kwiCEMIS. ISebe iWCED liphinde lalinga imodyuli yeeNkcukacha zoLawulo loKwamkelwa kwabaFundi eZikolweni (School Admission Management Information module) kwiCEMIS zaza zanceda izikolo nezithili ngokufaka abafundi ezikolweni ngo-2015.

Ngo-2013, iSebe iWCED liye lalinga ukusetyenziswa kwe-automated e-Recruitment system. Zonke izithuba ebezingenamntu ngo-2015/16 ziye zapapashwa ngesistim ekwi-intanethi (online system). Xa kungoku bangama-49 564 abasebenzisi abasele bebhaisile kule sistim yaye bangam-28 207 abasebenzisi abazigcwalisileyo iiprofayile zabo kwisistim.

#### Unxibelewano

Amajelo eendaba abonakalise umdla omkhulu kumsebenzi weSebe iWCED. Zibe ngama-4 280 ku 2014/15 ukuya ku 4 934 ngo 2015/16 iingxelo ezipapashiwego lo nto ibonisa umdla owandileyo ngezemfundo kwiPhondo.

ISebe iWCED liye laqhuba amaphulo amane apha ekuhambeni konyaka: ukukhuthaza abazali ukaba babhalise abantwana babo ezikolweni kwanethuba bebhaisela unyaka ka 2016 no 2017; ukuxhasa uLwimi neMathematika- iziCwangciso zoBuchule zeSebe; kwakunye nokuxhasa ulungiselelo lwemiviwo ze NSC.

ISebe iWCED liye lavelisa iindidi ezininzi zezinto ezipapashiwego, kubandakanywa i-"lingcebiso ezikusa empumelelweni" ("Tips for Success") isikhokelo seBanga le-10 ukuya kwele-12; iphephandaba leWCED, iEducation Update, kunye ne WCED@work, nephetshane lendaba labasebenzi.

Iwebhusayithi ye WCED iye yatsala umdla kubantu abangaphezu kwesigidi (1 189 392 ngomhla we 29 Februwari 2016), bangaphezu kawbantu aba100 000 abatyelela iwebhusayithi ngenyanga (108 126).

Uphuhliso olungundoqo luquka ukulontshwa kwe Potali yeSebe (WCED Portal) enceda ukuba iincwadi nezinye izincedisi-sifundo(teaching and learning resources)ezikwiwebhusayithi zifumanekilela lula.

Uphuhliso olungundoqo Iwe-intanethi kuquka ukubhengeza kwePortal yeWCED enikeza ukufikeleleka ekufundiseni nge-intanethi nakwizixhobo zokufunda. IPortal ingundoqo weLearning Game Changer program yephondo..

IPortal iveza ithuba lokwabelana ngezimvo nangezixhobo zokufundisa, oku kuhambelana nokuzibophelela kwephondo ekwakheni intsebenziswano, ngenjongo zokwakha imeko elungele imfundo.

Iwebhusayithi ekwi-intanethi enika iNkxaso yabafundi beMatriksi beSebe iWCED (WCED's online Matric Support) isaqhuba nokutsala umdra. Le webhusayithi iquka unxulumano (links) olwenziwa nezifundo ezifutshane ezingaphezu kwama-300 ezikuYoutube zeJografi, iMathematika, iPhysical Sciences kune neLife Sciences. Ezi vidiyo ziye zatsala ababukeli abali-301 594 abebesele bezibukele ngowama-16 kuJanyuwari ka-2016.


Iinkonzo zeeKlayenti zeSebe iWCED (WCED Client Services) zenza iZiko lokuFumana ulwazi ngokuya ngeeNyawo (Walk-in Centre), iZiko labaTyeleli (Visitor's Centre) kune neZiko lemiNxeba (Call Centre). lavareji yabatyeleli okanye iminxeba kwiziko ngalinye ngama-3 165, 570 ne 5 950 ngokulandelana.

ISaveyi yoKwaneliseka kwabaXumi beSebe iWCED (ECED Customer Satisfaction Survey) iye yaqhutywa unyaka wesixhenxe ngo-2015. Isampule ebisensiwa kuyo isaveyi ibisisiqingatha sazo zonke izikolo zephondo. Kwininyaka emihlanu edlulileyo bekusensiwa isampule yomyinge wesihielanu esinye (one fifth) sezikolo ngonyaka. Kunyaka ngamnye, kuquka u-2014, imibuzo yophando (questionnaire) ibigcwaliswa ngootitshala abahlanu, abakumanqanaba ohlukeneyo ezithuba zengqesho, kwisikolo ngasinye.

| Abaphenduleyo ngokwesikhundla ngasinye somsebenzi |             |             |
|---|-------------|-------------|
| IsiKhundla soMsebenzi                             | Total       | %           |
| Inqununu  | <b>256</b>  | <b>23%</b>  |
| ISekela-Nqununu                                   | <b>153</b>  | <b>14%</b>  |
| INTloko Candelo leziFundo                         | <b>222</b>  | <b>20%</b>  |
| UTitshala oPhezulu                                | <b>103</b>  | <b>9%</b>   |
| UTitshala   | <b>345</b>  | <b>31%</b>  |
| Omnye   | <b>45</b>   | <b>4%</b>   |
|   | <b>1124</b> | <b>100%</b> |

Xa iyonke le milinganiselo (ratings) ibonisa ukuphucuka okuqhubayo kumanqanaba endlela ekucingwa ukuba zinikwa ngayo iinkonzo, ukususela oko kwaqhutywa isaveyi yokuqala.

| Inkxaso kaNdlinkulu nabaPhathi beED        |        |             |            |             |            |              |
|--|--------|-------------|------------|-------------|------------|--------------|
| Ikhtagori                                  | Ixesha | Kugqwes ile | Kakuhle    | Kuyancomeka | Kubi       | Kubi kakhulu |
| uNdlinkulu                                 | 2014   | 2%          | 31%        | 55%         | 10%        | 2%           |
|  | 2015   | <b>3%</b>   | <b>33%</b> | <b>52%</b>  | <b>10%</b> | <b>1%</b>    |
| li-ofisi zesiThili zeMfundu                | 2014   | 7%          | 47%        | 40%         | 5%         | 0,3%         |
|  | 2015   | <b>9%</b>   | <b>50%</b> | <b>38%</b>  | <b>3%</b>  | <b>0%</b>    |
| Inkxaso yoQeqesho lweKarityhulam           | 2014   | 6%          | 41%        | 42%         | 9%         | 2%           |
|  | 2015   | <b>7%</b>   | <b>43%</b> | <b>40%</b>  | <b>9%</b>  | <b>1%</b>    |
| Utyelelo Iwezikolo Iwenkxaso yeKarityhulam | 2014   | 7%          | 42%        | 41%         | 9%         | 2%           |
|  | 2015   | <b>9%</b>   | <b>42%</b> | <b>36%</b>  | <b>11%</b> | <b>3%</b>    |
| Inkxaso yeCTM                              | 2014   | 9%          | 41%        | 42%         | 6%         | 1%           |
|  | 2015   | <b>11%</b>  | <b>42%</b> | <b>39%</b>  | <b>6%</b>  | <b>1%</b>    |
| Inkxaso yabaPhathi be IMG                  | 2014   | 17%         | 44%        | 35%         | 3%         | 1%           |
|  | 2015   | <b>19%</b>  | <b>48%</b> | <b>28%</b>  | <b>4%</b>  | <b>1%</b>    |



#### Ukumelwa kukuphendula

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula okubonakaliswe ziingcaciso zemisebenzi (job descriptions) zawo kune nezivumelwano zentsebenzo (performance agreements). AmaGosa akwaNdulkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithweswe uxanduva lokuphendula malunga nenkxaso emayinikwe nangendalela abaqhuba ngayo abafundi.

NgoFebruwari ka-2015 nango-2016, zonke izikolo zigcwalise iziCwangciso zokuPhucula iZikolo (School Improvement Plans) (SIPs) ebezigcwaliswa kwi-intanethi, zinethagethi yeminyaka emi-3. Ezi SIP zicacisa amanyathelo aya kuthathwa sisikolo ngasinye ukufezekisa iithagethi ezibekwe kwiSIP yaso. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esenziwa kwi-intanethi lelokuba zonke izikolo zixininisa kungenelelo loncedo lophuculo oluphambili (key improvement interventions). IiSip zikwayinxalenyne yendlela yokumelwa kukuphendula (accountability system), nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyinqununu, iSGB neSebe iWCED.

Ngo-2015, iSebe iWCED liye laqalisa inkubo yoQwalaselio loPhuculo IweZikolo (School Improvement Monitoring) olwenziwa ngekota, olunxulumene neziCwangciso zoPhuculo IweZikolo (School Improvement Plans). I-SIM ka-2015/16 iye yandelela ukusetyenziswa kweencwadi zezfundo (textbooks) neencwadi zokusebenzela (workbooks) kune nemiba ephambili yokufumana izixhobo ezincedisa ukuqhuba kakuhle komsebenzi wesikolo. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwi-intanethi, idatha inokufunyanwa yaye isetyenziselwe ukunika inkxaso ekhawulezileyo. Ngokukodwa, idatha yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa kweencwadi zokusebenzela (workbooks) kune neencwadi zezfundo (textbooks) ezikolweni.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezdilalwa liSebe likaNondyebo wePhondo nokaZwelone (Provincial and National Treasury) . Onke amacandelo aphantsi kweSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundu esiSiseko apho kugcinwa khona iingxelo ezelandeelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo lokuza kwensiwa. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelwne ngenqubo ye-Provincial Dashboard kune ne-toolkit yeeprekthi zeonline Biz. linkqubo zophicotho IwangaPhakathi nolwangaPhandle (Internal and External Audit processes) zilawula iinkqubo zolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendalela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliquemrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelone elijongene neziphumo zokufunda. Eli qumrhu linika isiqinisekiso seziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone. Umsebenzi wabo uquka ukumodareyithwa kweenkqubo zokuhlola nezeemviwo eNtshona Koloni.

Ngokufanayo nawo onke amanye amasebe karhulumente kwilizwe ngokubanzi, iSebe iWCED liye lathatha inxaxheba kwinkqubo yokubeka esweni kazwelone, isiXhobo sokuHlola ukuSebenza kwabaLawuli (Management Performance Assessment Tool) (MPAT) enamacandelo ama-4 olawulo: UCwangcisel okuSebenza (Strategic Planning), imiCimbi yabaSebenzi (Human Resources), ukuLawula noThatha uxAnduva (Governance and Accountability) kunye noLawulo lwezeMali (Financial Management). I-MPAT ijonge ukujonga ukuba amasebe akayilandeli na imimiselo, ayayilandela na okanye asebenza kakuhle kwezi nkalo.

Iprogram yoVavanyo IweSikolo Siphela (Whole School Evaluation), eqhuba iintsuku ezi-3 okanye ezi-5, ngokuxhomekeke kubungakanani besikolo, isekelwe kwiinkalo ezilithoba ezihlolwayo ezicaciswe kumgaqo-nkqubo weWSE: i)Ukusebenza kweSikolo okungundoqo; ii)ubuNkokeli, ulawulo nonxibelelwano (management and communication);iii) ukuPhatha nobudlelane (Governance and relationships); iv)uMgangatho wokufunda nokufundisa nophuhliso lootitshala (Quality of teaching and learning and educator development); v)uKufundiswa kweKharityhulam nokunikwa kwezixhobo (Curriculum provisioning and resources); vi)ukuPasa kwabafundi; vii)Ukhuseleko IweZikolo, uKhuseleko nokuziphatha;viii) iZiseko zoPhuhliso zeSikolo (School infrastructure); ix)naBazali nabahlali (Parents and community).

Izikolo ezili-142 ezihlolwe ngo-2015/16. Kwenziwe ubuChule bezikolo ezincinci(small school strategy)kwaze kwyatyelelwizikolo ezingama 34 emaphandleni ngo Meyi no Juni 2015. Okufunyanisiweyo kuye kwasasazwa kuluhlu lweengxelo ezonegeza kwiingxelo ezinzulu ezizimeleyo, ezinikwe eso sikolo kuthethwa ngaso.

Konyulwe iBhunga lesibini lezeMfundu lase Ntshona Koloni(<sup>2<sup>nd</sup></sup> Western Cape Education Council), elonyulwe ngokweMimiselo enxulumene neBhunga lezeMfundu kwiPhondo leNtshona Koloni (*The Regulations relating to the Education Council for the Province of the Western Cape*) kwintlanganiso yeKhansile ngomhla wama 25 February 2015. Ihunga elitsha linamalungu amatsha namadala, liza kusebenza iminyaka emi 3, linika iingcebiso umphathiswa wephondo kunye neSebe iWCED kwimiba ephathelele nokunyusa umgangatho wolwimi nemathematika, ingakumbi kumabanga esi 8 ne 9 nakwizifundo eisisiseko; ukuhlanganiswa kwe ICT kwigumbi lokufundela; ukunyusa indima edlalwa ngabazali, eyingxaki eqhubekayo kwilizwe lonke; neendlea zokuqinisekisa ukuba bonke abantu ababandakanyekayo kwezemfundu bayakuphendula okumele kuperhendulwe.Ngo 2015, ikhansile idibene izhlandlo ezine.

### ***liNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)***

| <b>IProgram 1</b>   |                           |                               |                            |  |  |
|---|---------------------------|-------------------------------|----------------------------|--|--|
| <b>liNjongo eziCwangciswe ngobuChule</b>  | Eyona Mpumelolo 2014/2015 | Ithagethi eCetywayo 2015/2016 | Eyona Mpumelolo 2015/2016  | Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselwego kuywa kweyona ngo 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho   |
| 1.1.1 Iscwangciso sokuqequesha ootishala  | Intsha                    | IsiCwangciso siphuhlisive     | IsiCwangciso sinikwe imida |  | Kuvunyelwene ngemigaqo engundoqo. Ezinye iinkcukacha ziseza kuqwälaselwa.  |
| 1.1.2 OoTitshala baya kuqequesho Iweveki ezimbini eCape Teaching and Leadership Institute | Intsha                    | 1 100                         | 1 947                      | 847  | limfuno eizimandla zendawo kwanikezwa namathuba.   |
| 1.2. Inani lezikolo ezisebenzisa iinkonzo zolawulo Iwe-intanethi xa zisebenza             | Intsha                    | 1 539                         | 1 522                      | -17  | Zonke izikolo ezivuliwego zisebenzisa i-intanethi xa zisebenza. Inani lingumyinge wenani lonyaka njengoko inani lezikolo liye latshintsha ngeli xesha. |

### ***Izalathisi zentsebenzo***

| <b>Programme 1</b>   |                           |                               |                           |  |  |
|--|---------------------------|-------------------------------|---------------------------|--|--|
| UMLinganiso weNtsebenzo yeProgram  | Eyona Mpumelolo 2014/2015 | Ithagethi eCetywayo 2015/2016 | Eyona Mpumelolo 2015/2016 | Ukutshintsha kusukwe kwithagethi eCwangciselwego kuywa kweyona ngo 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho   |
| PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iisistim zolawulo lokupathwa kvezikolo (school administration management system) (esekhompyutheni) ukunika idatha kwisistim kazwelonek yokulandeleta abafundi (national learner tracking system) | 1 524                     | 1 539                         | 1 522                     | -17  | Zili 12 izikolo ezivaliweyo ngomhla wama 31 Disemba 2015: Algerynskraal LB Primary, Boontjeskloof EK Primary, Buffelsfontein Laerskool, De Neus SSKV Primary, Dwarsrivier SSKV Primary, Lynedoch Primary, Ouplaas Laerskool, Palmietrivier VGK Primary, Rondevlei EK Primary, Swartheuwel NGK Primary, Uitvlugt UCC Primary, Urionskraal NGK Primary. Zi-6 izikolo ezivulwe ngomhla wo 1 Janawari 2016: Heatherlands High School; Forest Village Leadership Academy; Happy Valley Primary School; VRT Pitt Primary School; Kwanokuthula Primary School; Silverleaf Primary School Qaphela: Zivuliwe kuluhlu olungundoqo (Master List) kodwa azifakwanga kwitotali: 1 Public Ordinary School, Protea Heights Primary, izakuvalwa ngenxa yokuba ne 0 labafundi. Kukho izikolo zesibhledela ezi 4 ezine 0 labafundi. Inani lingumyinge wenani lonyaka njengoko inani lezikolo ezivuliwego litshintshile ngeli xesha. 1-100% yezikolo ezivuliwego zisebenzisa isistim yekhompyutha (electronic system) ukufaka idatha kwisistim kazwelonek yokulandeleta abafundi (national learner tracking system) |

| <b>Programme 1</b>  |                           |                               |                           |   |   |
|---|---------------------------|-------------------------------|---------------------------|---|---|
| UMLinganiselo weNtsebenzo yeProgram   | Eyona Mpumelelo 2014/2015 | Ithagethi eCetywayo 2015/2016 | Eyona Mpumelelo 2015/2016 | Ukutshintsha kusukwe kwitlhagehi eCwangciselweyo kuywa kveyonana go 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho  |
| PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (ngeimeyile)   | 1 524                     | 1 539                         | 1 522                     | -17   | Jonga kule ngcaciso ingentla. I- 100% yezikolo ezivuliweyo kungaqhagamshelwana nazo ngeimeyile.                           |
| PPM103: Ipesenti yenkcitho yangoku (current expenditure) kwezemfundu emalunga nezinto ezinganxulumene nabasebenzi (non-personnel items) | 19.42%                    | 20.63                         | 18.87%                    | -1.76%  | Uxinzelelo lwebhajethi lubangele ukuba kutshintshwe izinto ekuqalwa ngazo   |
| PPM 104: Inani lwezhlandlo zotyelelo olwenziwa ngamagosa eziThili ezikolweni besiya kujonga umsebenzi benika nenkxaso                   | New                       | 1 539                         | 1 522                     | -17   | Jonga kule ngcaciso ingentla. I- 100% yezikolo ezityelelwego ngamagosa eziThili besiya kujonga umsebenzi benika nenkxaso. |

### ***Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo***

Oku kulandelayo zizicwangciso eziphambili zeSebe iWCED zokulungisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo:

- Ukubonelelwa ngezithuba eziqinisekisa ukuba ootitshala bafakwa kwizikolo zokubangqamanisa neemfuneko zezo zikolo.
- Urukhangela, ukuchongwa nokuqeshwa kweenqununu (uqwaliasela ukuphucula iikhrayitheriya noqequesho lweSGB ngokumalunga noku; amathuba oqequesho abo banqwenela ukuba ziinqununu).
- Ukuqwaliasela ukuqeshwa nokunikwa inkxaso kweenTloko zeZifundo namaSekela-Nqununu ezikolweni
- Uqequesho lweetitshala namagosa njengoko kuyimfuneko
- Izicwangciso zoPhuculo lweZikolo (School Improvement Plans), izicwangciso zoPhuculo lweZithili (District Improvement Plans) noQwalaselio loPhuculo lweZikolo (School Improvement Monitoring)
- Ukuqetenyiswa ngokupheleleyo kweenkqubo ze-intanethi (online) ukulungiselela ukukhawulezisa ukuqeshwa ngokukhawuleza kwizithuba nokunikwa kweenkonzo
- Inkqubo yokuxolelwa kwintlawulo yefizi kwizikolo ezikumaNqanaba 4 no- 5
- Uncedo kwizikolo ngokumalunga netyala likamasipala
- Iyunithi yolawulo lwangaphakathi emayibonelele ngengxelo ngokuQhubelekayo kubaphathi ngokumalunga nokungathotyelwa kwemimiselo
- Ukuhlolwa kweenkqubo zokwenziwa komsebenzi njengoko kuyimfuneko
- Ukuqinisekisa uphuculo lomgangatho oluQhubelekayo ekusetyenzisweni kweenkqubo zokuchongwa kwabathengisi nokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente
- Ukuhlaziya kwazo zonke iirejista zeeasethi qho ngekota

### **Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiwego**

Alukho

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 1 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukulawulwa kwabasebenzi beSebe iWCED, ukukhanelwa kootitshala kunye nabasebenzi bakarhulumente, uphuhliso lwabasebenzi kunye nolawulo lwentsebenzo, intlalo-ntle yabasebenzi kunye nobudlelwane phakathi komqeshi nabasebenzi.
- IsiCwangciso soBuchule seSebe iWCED, iingxelo zekota ezimalunga nokuma kweziko eli, nendlela eziqhuba ngayo izikolo neNgxelo yoNyaka yeSebe iWCED
- Ukwensiwa kwamaxwebhu ezicwangciso zezemali nawokunika ingxelo, kuquka iiNgqikelelo zeNgeniso neNkcitho yePhondo (Estimates of Provincial Revenue and Expenditure) (EPRE), iingxelo zoqwalaselo olwenzeka lwaphakathi enyakeni (in-year monitoring) (IYM) olwenzeka qho ngenyanga, neengxelo-mali zethutyana nezonyaka (interim and annual financial statements).
- Ukuthengwa kwee-asethi, iimpahlia neenkonzo
- Ukulungiswa kwerejista yee-asethi zeSebe iWCED
- Iintlawulo eziya kubathengisi zingadlulanga iintsuku ezingama-30
- Ukulungiswa nokupuhliswa nangakumbi iSistim enguNdoqo yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (Central Education Management Information System)

### **Inkcitho yeprogram esekelayo**

| IGama leProgram eSekelayo  | 2015/16                   |                |  | 2014/15                   |                |  |
|--|---------------------------|----------------|--|---------------------------|----------------|--|
|  | Ulwabiwo-mali lokugqibela | Inkcitho Eyiyo | Inkcitho (eGqithis ileyo)/ eNgaphantsi | Ulwabiwo-mali lokugqibela | Inkcitho Eyiyo | Inkcitho (eGqithis ileyo)/ eNgaphantsi |
|  | R'000                     | R'000          | R'000                                  | R'000                     | R'000          | R'000                                  |
| 1.1 IOfisi yomPhathiswa wePhondo (MEC)   | 7,663                     | 6,917          | 746                                    | 6,504                     | 6,504          | -                                      |
| 1.2 liNkonzo zenNxaso (Corporate Services)   | 284,579                   | 263,987        | 20,592                                 | 264,120                   | 264,120        | -                                      |
| 1.3 ULawulo lweZeMfundo  | 990,251                   | 928,826        | 61,425                                 | 361,789                   | 356,751        | 5,038                                  |
| 1.4 UPuhhliso lweZakhono zaBasebenzi   | 1,552                     | 1,552          | -                                      | 1,330                     | 1,330          | -                                      |
| 1.5 ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (Education Management Information System) (EMIS) | 33,327                    | 29,406         | 3,921                                  | 32,916                    | 32,916         | -                                      |
| Iyonke   | 1,317,372                 | 1,230,688      | 86,684                                 | 666,659                   | 661,621        | 5,038                                  |

## 4.2 IProgram 2: Imfundu kwizikolo zikarhulumente

### Injongo

Ukunika imfundu kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kwiBanga loku-1 ukuya kwiBanga le-12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act), 1996 noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga nemfundu equkanisayo. Ukuquka ne-eLearning.

#### Iprogram yezeMfundu kwiZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo<sup>4</sup>

Iprogram esekelayo 2.1: IZikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziziiprayimari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7.

Iprogram esekelayo 2.2: IZikolo eziziSekondari zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziziisekondari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

Iprogram esekelayo 2.3: UPhuhliso lweCandelo lezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uphuhliso lwezemfundu nolunye uphuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Iprogram esekelayo 2.4: liGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 2 ezichongwe liSebe leMfundu esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants)<sup>5</sup>

### liNjongo eziCwangcisle ngobuChule (Strategic Objectives<sup>6</sup>)

| IProgram 2 liNjongo eziCwangcisle ngobuChule (Strategic Objectives) |  |
|---|--|
| <b>Injongo eCwangcisle ngobuChule 2.1</b>                           | <b>Phuhlisa wenze umsebenzi wolawulo lwekharityhulam nobuchule benkxaso yephondo</b>   |
| <b>Injongo yesitetimenti</b>  | <ol style="list-style-type: none"><li>1. Phuhlisa wenze umsebenzi wobuchule bolwimi oqinisekisa ukuba;<ul style="list-style-type: none"><li>- Bonke abafundi bafikelela kwinorms ezibekiweyo zakufunda ngokucacileyo nokubhala kwiBanga ngalinye kwizikolo zeprayimari</li><li>- Iprogram yoqequesho lwabantu abaqeshiweyo (An in-service training programme) esekelwe kwiumfuno ezifumaneku kuhlalutyo lohlolo lolwimi lwamaBanga 3,6 nele 9 kunye ne ANA.</li></ul></li><li>2. Phuhlisa wenze umsebenzi wobuchule bemathematika oqinisekisa ukuba;<ul style="list-style-type: none"><li>- Kukho ukugxininisa bokujonda iziseko zekhonsepti zeMathematika kwi Foundation Phase. Kwidinyaka ephambi kweyesikolo (pre-school years) ingakumbi iBanga R, kukho ugxininiso kumakhono andulela ukubala (pre-nueracy skills).</li><li>- Kukho ukugxininisa ekuphuculen iumgangatho wokufundisa iMathematika kuwo onke amabanga kugxilwe kwi-Intermediate Phase</li><li>- Abafundi baseHigh school abathembisayo ukuba bangayenza iMathematika bayachongwa babhaliswe kwizifundo zeMathematika.</li></ul></li><li>3. Phuhlisa wenze umsebenzi wolawulo lwsicwangciso sekharityhulam sokuphuhlisa izifundo zeScience neTeknoloji</li><li>4. Phuhlisa wenze umsebenzi wolawulo lwsicwangciso sekharityhulam ukusombulula iingxaki ezhile kwiFoundation Phase nakwi-Intermediate Phase.</li><li>5. Phuhlisa wenze umsebenzi wesicwangciso samanyathelo aza kwenziwa ekuxhaseni izikolo ekucwangciseni ukunikezwa kwekharityhulam.</li></ol> |
| <b>Injongo</b>  | <b>Qinisekisa ukuphucuka kolawulo lwsikolo</b>   |

<sup>4</sup> Iprogram ezisekelayo ziyingxalenye yetemplethi yamacandelo kazwelonke yaye ziziintlelo zenkxasomali yeSebe likaNondyebo (Treasury fund categories). Iimali ezikwiProgram 2 zinikelwe ukujongana nebajethi engundoqo kwiSebe iWCED yaye iquka imivozo yootitshala, iziseko zophuhliso (infrastructure) kunye neendleko zokunikwa kwezihobo (resourcing) kunye nenqubo yokutyiswa Kwezikolo

<sup>5</sup> Iinkonzo zasesikolweni zemidlalo ezenkcubeko nezamajelo osasazo azibandakanywa njengeprogram esekelayo narjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi ungena phantsi kweSebe lezobuGcisa, iNkcubeko nezemIdalo

<sup>6</sup> linjongo zesiCwangciso soBuchule sika 2015 -2019 sis hicilelw apha ngokupheleleyo

|  |   |
|--|---|
| <b>eCwangcislew<br/>ngobuChule 2.2</b>             |   |
| <b>Injongo<br/>yesitetimenti</b>                   | <p>Phuhlisa uxhase amaxesha eenkqubo zongenelelo, ashwankathelwego kwisiCwangciso sesiThili Sokuphucula, esinikezela oku:</p> <p>1. Ukuqinisekisa ulawulo lwekharityulam kuwo onke amabanga esikolo, ingakumbi iFoundation Phase</p>  |
| <b>Injongo<br/>eCwangcislew<br/>ngobuChule 2.2</b> | <b>Qinisekisa ukuphucuka kolawulo Iwesikolo</b>   |
| <b>Injongo<br/>yesitetimenti</b>                   | <p>2. Izicwangciso zoLawulo IweSikolo ziyakujongana neemfuno zokufunda zabafundi ngempumelelo ehigh school.</p> <p>3. Ikrayiteriya yokuqesha iyakuquka umsebenzi wenqununu ube kukulawula inkqubo zekharityulam ezikolweni</p> <p>4. I-SMT izu kuxhaswa ekujongeni yonke imiba yolawulo Iwesikolo, kuquka isimilo esiphazamisayo kune nokungayi esikolweni(absenteeism), etc.</p> <p>5. Ulawulo Iwesikolo luyakuqinisekisa ugxininiro olujoliswe kubafundi</p> <p>6. Ulawulo Iwesikolo luyakuqinisekisa ugxininiro olujoliswe kubafundi</p> <p>7. Uqequesho nenkxaso yamalungu oMbutho woLawulo IweSikolo(School Governing Bodies), nokumonitha indima yabo nomsebenzi wabo.</p> <p>8. Ukuphucula ukuxhaphaka nomgangatho wokumonitha iinkonzo zenkxaso ezinikezelwa zii-ofisi zezithili ezikolweni</p>   |
| <b>Injongo<br/>eCwangcislew<br/>ngobuChule 2.3</b> | <b>Qinisekisa ukuba kuniqewa imfundu ekwinqanaba eliphezulu kubo bonke abafundi ingakumbi abona bahluphekayo.</b>   |
| <b>Injongo<br/>yesitetimenti</b>                   | <p>1. Yandisa ukufikeleleka kumathala eencwadi nakwizixhobo zokufunda ngeprogram yokwakha nokuphucula izakhiwo, intsebenzwano namathala eencwadi ephondo nakamasipala, ukuthengwa kwematiriyeli yamathala eencwadi ngemali-nkxaso ye norms and standards nokwenziwa komsebenzi wobuchule be-elearning.</p> <p>2. Lungelelanisa intsebenzwano ukuze kuxhamle abafundi kune nabo bonke abadlala indima, amanye amasebe karhulumente, oomaspala nabazali. Iprogram kufuneka iphucule umgangatho noqequesho labalawuli bezikolo wandise inkxaso yabazali kubantwana babo nakubantwana besikolo.</p> <p>3. Yenza umsebenzi wokuhlanganisa izikolo (school mergers)ekuza kuxhamla kuzo abafundi, ucwangcise ukusetyenziswa kwehostele zonke kwakunye nempumelelo yokwenza iiruti zezithuthi</p> <p>4. Qinisekisa ukugxininisa emaphandleni xa kuniqewa isicwangciso semfundo.</p> <p>5. Qinisekisa ngokufikeleleka kokunikezelwa kwekharityulam. Oku kuquka ukunika iingcebiso ekukhethweni kweesabhxjeti kune nezfundo zevocational neziteknikal kubafundi bonke kwindawo ezikhethiweyo.</p> <p>6. Nikezela ngezakhiwo (bona iProgram 6) nezihobo (equipment) ukuxhasa ukufunda nokufundisa kwakunye nokunyusa iziphumo zokufunda.</p> <p>7. Yenza umsebenzi weprogram ye-elearning ukomeleza ukusebenza kwemfundo</p> |
| <b>Injongo<br/>eCwangcislew<br/>ngobuChule 2.4</b> | <b>Nikezela inkxaso yentlalo neplatform yokuphuhlisa ulutsha</b>  |
| <b>Injongo<br/>yesitetimenti</b>                   | <p>1. Qinisekisa ukuba zonke izikolo zifumana inkxaso engephi ngomfundi ngamnye.</p> <p>2. Nikezela ngemfundo esisimahla kubafundi abanabazali abangawkazi ukuhlawula imali yesikolo ebizwa sisikolo, ezo zikolo zenze icicelo zokungahlawuli imali yokufunda ( fee-exemption)</p> <p>3. Yandisa inani lezikolo ezingahlawulisi mali ("No Fee" schools), ukuba ikhona imali.</p> <p>4. Yonyusa ukufikeleleka kwenkonzo zempilo ezikolweni ngenkqubo yokutyisa abafundi nangekliniki ezihambayo( mobile clinics)</p> <p>5. Jongana neemeko zokhuseleko ngeprogram yezikolo ezikhuselekileyo (safe schools programme) ngokubambisana namanye amasebe</p> <p>6. Nikezela inkxaso esebezinyo malunga nokukhethwa kweesabhxjeti nengcebiso zamakhono. Xhobisa ootishala ukuze bakwazi ukujongana neemfuno zabafundi bagxinise kumfundi omnye: bancedise ekukhetheni isabhxjeti kwibanga le 9; banikezela ngengcebiso zokufunda; nolunye ulwazi oluyimfuneko baze baqinisekise ngenxaxheba yabazali nonxibelelwano.</p>   |

| <b>INjongo eCwangciswa ngobuChule 2.4</b> | <b>Nikezela inkxaso yentlalo neplatform yokupuhlisa ulutsha</b>  |
|---|--|
|   | <p>1. Yenza umsebenzi wesiCwangciso sokuPhuhlisa uLutsha ngokwenza oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- Xhasa iSupport for Mass Opportunity and Development Centres, nokunikezela inkxaso kubantwana emva kwesikolo (after-school support) ingakumbi kwindawo ezingakwaziyo ukugcina abafundi kumagumbi okufundela.</li> <li>- I-Internships (Premiers Advancement of Youth, Graduate Internship Project, Western Cape Youth Gap Year Project) – phuhlisa amakhono nolwazi olujoliswe ekulungiseleleni umsebenzi nokwandisa ingeniso (income generation).</li> <li>- Uphuhliso Iwamakhono (Youth Focus Project and Schools of Skills) – ukufunda umsebenzi wezandla nowe-occupational (vocational learning and occupational pathways).</li> <li>- ULawulo loKhuseleko IweMfundu (Education Safety Management) – phuhlisa iinkqubo zongenelelo ezinyusela izikolo ezikhuselekileyo, ukhuselo Iwezikolo zasekuhlaleni nokhuseleko lawbafundi.</li> <li>- linkoheli zoLutsha neKhansile zabaMeli babafundi ( Youth leadership and Representative Council of Learners -RCL) – phuhlisa amakhono nolwazi olujoliswe kupuhuhliso Iwenkokheli.</li> <li>- Ezempilo, ukunanekela nekxaso – HIV/AIDS neeprogram ze peer education</li> <li>- I-School enrichment – phuhlisa amakhono nolwazi olungajoliswanga ekwandiseni ingeniso, umz. Icivic education, ukunqanda unqazulwano, imali/ ukulawula amatyala, exemplilo.</li> </ul> |

***linjongo ezicwangciswa ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo***

**Amanani obhaliso Iwabafundi**

abantu baseNtshona Koloni bakhule nge28.7% phakathi ko-2001 no-2011 kwaye elinani liqhubeka ngokukhula. Ngokokubalwa kwabantu ngo-2011 yi Statistics South Africa (StatsSA), iNtshona Koloni likhaya kubantu abangama-5 822 734, bamele i-11% yabantu baseMzantsi Afrika bephelele.

Njengokuba kulindelekile, landile inani labafundi ababhalise kwizikolo zikarhulumente.

| <b>Icandelo</b>               | <b>2012</b> | <b>2013</b> | <b>2014</b>         | <b>2015 ASS</b> | <b>Umahluko</b>    |
|-------------------------------|-------------|-------------|---------------------|-----------------|--------------------|
|                               |             |             |                     |                 | <b>2012 – 2015</b> |
| IBanga R kwizikolo ze PO      | 58 953      | 59 565      | 63 492              | 64 648          | 5 695              |
| IBanga – 7 kwizikolo ze PO    | 592 033     | 603 430     | 617 424             | 639 197         | 47 164             |
| IBanga 8 – 12 kwizikolo ze PO | 342 959     | 343 616     | 346 017             | 344 906         | 1 947              |
| Izikolo ezineemfuno ezizodwa  | 19 470      | 19 627      | 18 702 <sup>7</sup> | 18 777          | -693               |

Owona mba mnye mkhulu ufuthela lonke ucwangciso nolungiselelo kwezemfundo ngulowo wokubhaliswa kwabafundi. ISeba iWCED lisebenzise idatha yeSaveyi yamakhaya jikelele (General Household Data) kune nokucazululwa kwezinye izinto ezibonakala kule datha ukwenzela ukuncedisana nezo ngqikelelo zobhaliso Iwabafundi eziyinxalenye engundoqo yokuqhuba iinkonzo zezemfundo kweli phondo. Ukufunda nokufundisa okusebenzayo kuxhomekeke ekufumaneni umlinganiselo (ratio) ofanelekilyo phakathi kotitshala: nomfundi, izixhobo zokuncedisa ukufunda kune neetextbook. Ukwanda kubhaliso Iwabafundi kule minyaka idlulileyo kubangele uxinzelelo lendawo yokuhlala nabasebenzi kwidolophu ezinkulu ezifana neKapa. Okona kukhula kukhulu kubonakala kwizikolo zeprayimari. Ngaxeshanye, ukuncipha kwamanani kuyabonakala kwezinye iindawo kwiphondo.

<sup>7</sup> Ukuhla okubonakalayo kobhaliso Iwabafundi ng2014 kubangelwe kukutshintshwa (re-classification) kwezikolo ezintathu zikarhulumente.

Ucwangciso lobhaliso lwabafundi lufuna ukusetyenziswa kwedata ekhoyo. Ukwanda kwabafundi kwiphondo kuza kuqhube ka ngokubeka uxinzelelo kwindawo zokuhlala ezikolweni iminyaka eliqela ezayo.




| Amanani obhaliso lwabafundi kwizikolo zikarhulumente |                |                |               |               |               |               |               |               |               |               |               |               |                |
|--|----------------|----------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|---------------|----------------|
| UNyaka   | Bng 1          | Bng 2          | Bng 3         | Bng 4         | Bng 5         | Bng 6         | Bng 7         | Bng 8         | Bng 9         | Bng 10        | Bng 11        | Bng 12        | Bebonke        |
| 2004 <sup>8</sup>                                    | 104 105        | 82 130         | 81 489        | 76 781        | 66 060        | 82 574        | 89 614        | 85 053        | 78 964        | 80 756        | 54 199        | 39 451        | 921 176        |
| 2005   | 93 515         | 94 231         | 80 695        | 80 809        | 74 984        | 66 141        | 81 953        | 88 778        | 82 169        | 81 577        | 56 657        | 39 303        | 920 812        |
| 2006   | 87 650         | 85 972         | 89 828        | 80 443        | 77 811        | 73 106        | 65 347        | 78 926        | 80 595        | 83 529        | 57 536        | 40 198        | 900 941        |
| 2007   | 92 818         | 82 562         | 83 914        | 89 973        | 78 674        | 78 021        | 72 733        | 66 406        | 80 697        | 86 495        | 61 938        | 42 624        | 916 855        |
| 2008   | 91 853         | 83 267         | 79 454        | 85 891        | 87 116        | 78 290        | 76 146        | 71 410        | 72 914        | 79 133        | 63 819        | 43 470        | 912 763        |
| 2009   | 93 601         | 82 158         | 80 385        | 83 150        | 82 382        | 85 621        | 76 262        | 75 227        | 79 795        | 68 405        | 60 812        | 45 692        | 913 490        |
| 2010   | 98 086         | 83 046         | 79 155        | 84 234        | 80 290        | 81 402        | 82 777        | 75 426        | 85 114        | 70 630        | 53 799        | 44 876        | 918 835        |
| 2011   | 100 423        | 85 216         | 79 489        | 83 490        | 80 205        | 79 022        | 78 207        | 81 312        | 84 957        | 73 470        | 56 995        | 38 990        | 921 776        |
| 2012   | 103 444        | 88 536         | 81 415        | 83 922        | 79 900        | 78 384        | 76 432        | 77 561        | 90 815        | 72 714        | 58 758        | 43 111        | 934 992        |
| 2013   | 104 678        | 93 506         | 85 762        | 85 599        | 79 210        | 78 437        | 76 238        | 75 528        | 87 132        | 78 812        | 56 109        | 46 035        | 947 046        |
| 2014   | 106 917        | 97 647         | 89 385        | 90 617        | 81 441        | 76 690        | 74 727        | 76 000        | 82 714        | 75 838        | 64 619        | 46 846        | 963 441        |
| 2015   | <b>108 233</b> | <b>101 934</b> | <b>94 342</b> | <b>95 212</b> | <b>84 554</b> | <b>79 250</b> | <b>75 641</b> | <b>75 753</b> | <b>79 114</b> | <b>72 430</b> | <b>63 220</b> | <b>54 390</b> | <b>984 073</b> |

Umthombo weengcombol: 2015: iSavey yoNyaka yeZikolo (Izikolo zeSiqhezo zikaRhulumente (abafundi beyunithi iLSEN ababalwanga)


Le theyibhile ikweli phepha lidlulileyo ibonisa ukuba inani eliphelelyo labafundi linyuke ngama - 62 897 kumjikelo weminyaka eli-12 (2004-2015). Into eqaphelekayo kukukhula okukhulu ekubhalisweni kwabafundi beBanga loku-1 kulomjikelo, kunye nefuthe lokuphuculwa kokukugcinwa kwabafundi beqhuba esikolweni abaphakathi kweBanga le-10 nele-12.

Ukukhula kwamanani abafundi abafudukela kweli phondo, isengoyena nobangela ubalulekileyo wokukhula kwamanani obhaliso nodala uxinzelelo olumandla kuzo zonke izixhobo eziiseteyenziswayo


<sup>8</sup> lipatheni zamanani obhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likazwelonke, umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi abakwiBanga loku-1esikolweni ngo-2000, nto leyo eyadala ukuba izikolo zibhalise kuphela abafundi abaneminyaka esixhenxe kubhaliso lokuqala. Ngenxa yoku amanani obhaliso eBangala loku-1 aba ngaphantsi kwalawo eminyaka edlulileyo. Ekubeni kuphindwe kwatshintshw iimfuno zeminyaka yobhaliso ngo-2004, kwabuyela kwiminyaka yangaphambili, kubekho ukunyuka kumanani obhaliso kwakhona. Oku kubonisiwe kule theyibhile.



Intshona Koloni ikwi ndawo yesibini kumaPhondo akhula ngokukhawuleza



Kupo onke amaphondo, iNtshona Koloni ifumana isahlulo esikhulu senani lababafundi abafudukela kweli phondo




Abantu abadala eNtshona Koloni bagqibe umyinge weminyaka eli-9.9 esikolweni. Eli nani lodlulwa kuphela lelo laseGauteng leminyaka eli-10.5. Umyinge kaZwelonke yiminyaka eli-9.3 (SA Census 2011).

### IziPhumo zeeMvavanyo

Le grafu ingezantsi ishwankathela inkqubela yakutsha nje yezinga lokupasa. Amanani ewonke kwiBanga 1 nakwele 9 abonisa ukuba bakhona abafundi abaphindayo. Le yimiba enikwe ingqwalaselo nongenelelo olulodwa lokonyusa izinga lokupasa.



Ezi ziimpawu zokupuhliswa kogcino lwabafundi beqhuba esikolweni, ezibonakaliswa zezinkcukacha-manani zilandelayo.



linkcukacha zentsebenzo kwiimvavanyo zokujonga inkqubo (systemic tests) zeWCED nakwiSatifikethi Matrikhi sikaZwelonke zikwi Ngcaciso yeNtsebenzo kwicandelo leNtshayelelo yalomqulu wengxelo.

## **Uqequesho**

### *Ootitshala*

Ngo-2015, inkaso yesithili igxile kwizikolo neetitshala eziludinga kakhulu uncedo. Uqequesho lonke lootitshala luxhaswa yiprogram yenkxaso eqhubeka kumagumbi okufundela.

Ootitshala besiGaba esisiSeko, isiGaba esiPhakathi nesiGaba esiPhezulu banikwe iikhosi zoqequesho ezili -19 zeveki ezimbini kune neesemina neenkomfa ezi-5 zosuku olunye okanye ezeentsuku ezimbini zoqequesho kwiiLwimi neMathemathika. IMFundo eQukanisayo (Inclusive Education) kune nokusetyenziswa kwe ICT kuyinxalenye yolungelelo.

*AbaLawuli beZikolo (kuquka neenqununu)*

Ngo-2015 iSebe iWCED linike uqequesho nenkxaso kubalawuli bezikolo abangenamava, befuna inkaso eyongezelelweyo yabacebisi (mentoring), nakwabo bazimisele ukuqhubeke nokuziphuhlisa ngokwasezifundweni. Ikhosi zabalawuli bezikolo ziye zagxininisa kwizihloko ezibandakanya iiNdima neMisebenzi yamaSekela-Nqununu (Roles and Responsibilities of Deputy Principals), iiNdima neMisebenzi yeeNtloko zamaCandelo eziFundo (Roles and Responsibilities of Heads of Departments), iiNqununu ezibonisa umdra nolangazelelo (Aspiring Principals), iiNkokeli zeZikolo ezibonisa umdra nolangazelelo (Aspiring School Leaders), uQhelaniso lweeNqununu ezsanda kuqeshwa (Induction of Newly Appointed Principals), uqequesho lweeKomiti zoLawulo lweZikolo (School Management Teams) naBasetyhini abaNgena baPhathe kwizikhundla zoLawulo nezobuNkokeli (Women in and into Management and Leadership Positions). Ngama - 771 amalungu eeKomiti zoLawulo lweZikolo abaxhamle kwiikhosi zeCTLI zoLawulo nezobuNkokeli ezikolweni.

### *IProgram yeZakhono zaseMsebenzini (Workplace Skills Programme)*

Kubekelwe bucala imali elingana ne-1% kwimali yemivozo (payroll) yeSebe iWCED, ngokwesiCwangciso seZakhono zaseMsebenzini (Workplace Skills Plan) ukuphucula izakhono nobuchule kubo bonke abasebenzi beSebe iWCED. Ngama-12 516 abasebenzi abaxhamle kwiikhosi ezimfutshane nokolunye uqequesho ngo-2015/16.

### *Iziqinisekiso zemfundo ezivuniyiweyo (Accredited qualifications)*

Ikhosi zeSatifikethi seMfundu yabaPhambili (Advanced Certificate in Education) (ACE) ezixininisa kuBunkokeli eSikolweni ziye zasiwa kumaziko emfundo aphakamileyo. Ezi khosi ziye zaxhaswa ngemali liSebe iWCED zukwenzela ukuphucula umgangatho wobunkokeli nolawulo ezikolweni. Ngama-93 ootitshala abaye babhalisela iACE ngo-2015/16. Kwabo, ngama-88 abazigqibileyo kwaye baziphumelela izifundo zabo.

## **INkxaso eNikiweyo**

### *Ezemali*

Imali ebekelwe iMimiselo nemGangatho (Norms and Standards) yolwabiwo-mali ezikolweni ilinganiselwa ngokwemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu. Kwixa elingaphambili, izikolo kuZwelonek ezukumaNqanaba (National Quintiles (NQ)) 1 - 3 zifumene imilinganiselo ehambelana nokuhlupheka (pro-poor weighting). Izixa "ngomfundi ngamnye" ezhlawulwe izikolo zikarhulumente kumaNqanaba kaZwelonek (National Quintiles) 1, 2 no-3 ziye zenziwa zalingana ukususela ngo-2013/14; ngamnye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no-3 ziye zafumana isixa-mali sifanayo nesezikolo eziku-NQ 1.

| <b>Izabelo zeethagethi zikazwelonke</b>          |                |                |                |
|--|----------------|----------------|----------------|
|  | <b>2013/14</b> | <b>2014/15</b> | <b>2015/16</b> |
| INqanaba 1                                       | R1 010         | R1 059         | R1 116         |
| INqanaba 2                                       | R1 010         | R1 059         | R1 116         |
| INqanaba 3                                       | R1 010         | R1 059         | R1 116         |
| INqanaba 4*                                      | R 550          | R 831          | R 882          |
| INqanaba 5*                                      | R 239          | R 317          | R 334          |
| <i>* lindleko eziphakathi kuzo zonke izikolo</i> |                |                |                |

|                        |                             |
|------------------------|-----------------------------|
| Imeko yeefizi          | Inani elipheleleyo lezikolo |
| Ezingabizi fizi        | 882                         |
| Izikolo ezibiza iifizi | 569                         |
| Xa zizonke zidibene    | <b>1 451<sup>9</sup></b>    |

Enye yezinto ezibalulekileyo ezbentsha ngo-2014 ibikukwandisewa kweprogram yezikolo ezingabizi fizi. Izikolo ezingama-216, ezinabafundi abangama-172 541, ezikwiNqanaba 4 no-5 ziye zenziwa zabazikolo “Ezingabizi Fizi”, ngoba ziye zafaka izicelo zokubekwa kwimeko yokungabizi fizi. Ziqale ngoko ke ukuxhaswa ngandlela zonke, kwaye zixhamla ngukufanayo nezikolo ezingahlawuli fizi.

Izikolo ezibiza iifizi, zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo, xa abazali abangenako ukuhlawula iifizi bexolelwé ekuhlawulen iifizi. Ngo-2015, zizigidi ezingama-R43.7 ezhlawulelwé ukuxhasa ukuxolela abafundi abangama- 73 342 bezikolo ezingama-548 ukuba bangazihlawuli iifizi

#### *Ulingo (pilot) Lwezikolo zoBambiswano*

Ngenxa yefuthe ilide lentlupheko no kungalingani ngemivuzo, izikolo zikarhulumente ezinanzi kwiindawo zoluntu olohluphekayo zifuna inkxaso ethe catha yoku lawula izikolo, yootitshala, yabafundi kunye neyezibonelelo ngemali.

Iqela labantu abanika inkxaso-mali (funders) nemibutho yeninxaso, beza kwiSebe iWCED malunga nokuvavanya imodeli ethile “yezikolo zikarhulumente ezingabizi fizi” kwakunye nokunika uncedo ngemali. Oku kubangele ukuba kubekho ulingo (pilot) lweprojekthi yeZikolo Zambiswano (Collaboration Schools).

Amalungu asebenzela (Operating partners) olu bambiswano azakuqjinisekisa ukuba ezizikolo zifumana inkxaso enzulu ezikolweni, kootitshala neenqununu, ngoqequesho ngezixhobo ezongeziwego, ngokubeka esweni kwenqubela nangokufumana iingxelo rhoqo ngokuqhubeckayo. Inkxaso ephuma kwiWCED izakudityanisa naleyo izanelungu elisebenzela (operating partner) olu bambiswano, iZikolo zoBambiswano zono zibe ziqhubekeka nokufumana inkxaso-mali, iziseko neenkozo ezinjenje ziithuthi, nokondliwa ngendlela ehambelana nomgaqo-nkqubo olandelwayo weSebe leWCED

---

<sup>9</sup> Qaphela ukuba izikolo ezitsha zilungiselelwa (accounted for) ngokwahluyleyo.

Iprogram yolinga (pilot) IweZikolo zoBambiswano igqale koku:

- Ukuphucula umgangatho wemfundu kwizikolo zikaRhulumente
- Ukubonisa ngeemodeli eziyimpumelelo zokubambisana ngemfundu
- Ukomeleza ulawulo nokuthatha uxanduva kwizikolo zikarhulumente
- Ukupuhlisa ootishala; noku
- Qhuba ungenelalo ngoncedo olujongene nokuphucula umgangatho wemfundu kwizikolo zikaRhulumente zabafundi abaphuma kuluntu olungathati ntweni.

Olu lingo luqhutywa ezikolweni zaseprayimari nezasesekondari kwaye luquka izikolo ekudala zikho nezisandula ukusekwa. Olu lingo luzakuqalisa ezikolweni ezi-5 ngo 2016 kwaye luzakuqhubekeka iminyaka emi-5, ngokuxhomekeke kwintsebenzo yaloo malungu nezozikolo.

#### *UbuChule kwezoLwimi neMathematika*

Umba ophambili kwiSebe iWCED kukuphucula izakhono kwezoLwimi neMathematika kubafundi abasaqalayo esikolweni. Kwenziwe isiCwangciso esiDibeneyo (Integrated Strategy) sokupucula izisekelo zokufunda, ukwenzela ukuba kupheliswe ukuqeletelelana kwemizamo yophuhliso. IsiCwangciso seeLwimi sango 2015-2019 nesiCwangciso seMathematika sango 2015-2019 zilungiselelwe iminyaka elishumi elinesithathu yokuhamaba isikolo ukususela kwiBanga R uyokuma kwiBanga le-12. Ezizicwangciso zihlola iingcombolo (data), zinike umkhomba-ndlela ngophado lolwazi lwalamaxsha olumalunga nemiba enefuthe elikhulu ekuphucelini ukufunda. Ezizicwangciso zinika icebo lokwenza kubekho umgaqo-sikhokelo omnye wokuhlalutya imo yezikolo, ngokwesekethe, nangokwesithili ukuze kuyilwe isicwangciso esibanzi. Esisicwangciso sokuphucula singenelela kwimiba emine eyenza ukuba abantwana bakwazi ukufunda. Lemiba nantsi: ukupuhliswa kwabantu, amacebo okufundisa asebenzayo, ukunikwa nokusetyenziswa kwsixhobo/indawo (facility), ukubeka esweni novavanyo (evaluation).

Ngo 2015/16 IWCED ibambe iintlanganiso kuzo zonke izizthili kuxoxwa ngobuchule. Ubuchule buye bafumaneka kwi-intanethi ezinye iikopi ziye zaprintelwa zonke izikolo ngelwimi ezinthathu zePhondo leNtshona Koloni.

#### *IProgram yeZikolo eziPhakamileyo*

IProgram yeZikolo eziPhakamileyo (High School Programme) ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonek nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi. IProgram yenkxaso jikelele (general support programme) ijongana nawo onke amabanga asezikolweni eziphakamileyo. Ngo-2015, iprogram yeZikolo eziPhakamileyo iye yasebenzisa indlela enomahluko yokuxhasa izikolo eziphakamileyo kweli phondo. Izikolo ezipaselwe ngabafundi abangaphezu kwe-90% kunyaka odlulileyo zinikwe inkxaso encinci; izikolo ezipaselwe ngabafundi abangama-70% - 89% zinikwe inkxaso ephakathi ejoliswe kwisisfundo ngasinye, kwaza kwanikwa inkxaso enkulu yesikolo sonke kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi kuka-70%.

NgoJanyuwari ka-2016, iSebe iWCED liye lahlalutya iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonek kwisikolo ngasinye, kwisisfundo ngasinye nakwiphepha lembuzo ngalinye. Kuye kwenziwa izicwangciso ezineethagethi eziijoliswe kwisikolo ngasinye nakwifundo ngasinye, ngokusekelwe kolo hlalutyo. Isikolo ngasinye, nesithili ngasinye zinikwe iithagethi zamanani abafundi amabapasa ngeSathifikithi seMatriki sikaZwelonek, nabafundi amabapasele ukufumana amanqaku okungena kwizifundo zeqidanga zokuqala (B-degrees).

Kukho inkqubo yokuncedisana nabafundi (tutoring programme), esebeanza iingcaphephe zeetitshala eziphuma kwiSebe iWCED nezangaphandle. Kusetyenziswe oomabonakude beintanethi (telematics) ukufundsa abafundi kwizikolo ezili-147 ngo-2015, baza abaCebisi ngeZifundo (Subject Advisers) banika inkxaso emandla kwezo zikolo bezifumene impumelelo engaphantsi komyinge (average) wephondo kwizifundo ezibhaliselwa kakhulu (high enrolment subjects). Umfundu ngamnye weBanga le-12 unikwe incwadana yamacebo okufunda kanye nomqulu wemibuzo yeemviwo.

Ngo-2016 izithili zisebenzise ithempleyithi efanayo yeziCwangciso zoPhuculo lweZithili, ebijolise ekuphculeni izinga lokupasa kwisiGaba esisiSeko, kwiBanga le-8 nele- 9, nakumaBanga e-10, 11 nele-12. Kuvezwe icebo elitsha, lokusebenzisa iithagethi nezicwangciso ejolise ekuphculeni iiLwimi neMathemathika, ngokuhambelana neziCwangciso zango-2015 zoLwimi neMathemathika, eziyinxaleny yondoqo wesiCwangciso sokuSebenza sika 2015-2019. Izikolo eziqhube kakubi kwizifundo ezibhaliselwa kakhulu ziye zachongelwa inkxaso ejoliswe kwizifundo ezo.

#### *Ukufunda nge-intanethi (e-learning)*

Le projekthi yokufunda ngeinteanethi ichongwe njengo "Mguqli Zinto" ("Game Changer") wephondo kwaye inikwa inaqgwalaselo ephambili. Iprojekthi yeWide Area Network yephondo ibeliqalela lesiseko seprojekthi yokufunda nge-intanethi, iprojekthi leyo ifikelele kwisigaba sokuqala ukusebenze ngo-2014, apha izikolo ezingama-248 zixhamle ku"magumbi okufundela achubekilyo" ("smart classrooms").

Ubume (scope) bale projekthi buquka:

|  |
|--|
| <b>IProjekthi yeWide Area Network (WAN)</b> – iprojekthi kaRhulumente wePhondo. Zizikolo ezinga ma-680 ebesezfakelwe iinkonzo zoqhagamishelwano (connect) ekupheleni kuka 2015/2016  |
| <b>IProjekthi yeLocal Area Network (LAN)</b> - iprojekthi yeSebe iWCED. Zizikolo ezili-52 ebesezfakelwe iinkonzo zoqhagamishelwano (connect) ekupheleni kuka 2015/2016.  |
| <b>IProjekthi yokuKhumbuza ngolwazi lwekhompyutha (computer Refresh Project) kwiTeknoloji yeeAplikheyishini zeKhompyutha (Computer Applications Technology), iTeknoloji yezolwazi (Information Technology ) kanye nobuNjineli, iGrafiki noYilo (Engineering, Graphic and Design)</b><br><b>(CAT/IT/EGD)</b> Zizikolo ezingama-54 ezhlaziwel ilebhu zazo ukwenzela ukuba abafundi ababhalise kwizifundo zesatifikethi seMatriksi sika zwelonke (NSC) ezisekelwe kwikhompyutha (computer based) baxhamle kwizixhobo (equipment) zekhompyutha zangoku.  |
| <b>IProjekthiiEdulab computer Refresh</b> inika izikolo iteknoloji yangoku nefanelekileyo ukwenzela ukuba abafundi bakwazi ukufikelela ngqo kwiteknoloji kwimeko elungiselwe ilCT. Zizikolo ezili-125 ezixhamle kwiLAB Refresh ngo2015/16.   |
| <b>IProjekthi yeeKlasi ezineIntanethi (Smart Classroom Project)</b> inka izikolo iteknologi yangoku nefanelekileyo. Le teknologi inesixhobo sikatitshala sokusebenzisa ikhompyutha (teacher computing device), isixhobo sikatitshala sokuprojektha (teacher projection device), isixhobo sikatitshala sokunxibelelana nabafundi (teacher interactive device) kanye nesixhobo sokubonisa (visualizer device) esikwaziwa njengekhamera yamaxwebhu (document camera)). Uninzi lwale teknoloji alusebenzisi ntambo zombane yaye iyaphatheka ngendlela yokuba uyakwazi ukuyipakisha uhambe nayo (pack-up-and-go mobility). Zizikolo ezingama- 310 ebezine intanethi kanye namagumbi okufundela angama-2850 ebene intanethi ekupheleni kuka Matshi ngo2015/16. |
| <b>IProjekthi yeKhathalogu yeziXhobo zelntanethi (e-Resources Catalogue Project)</b> yiprojekthi engemixhola efumaneka kwi-intanethi (online digital content. Iqlalwe ngo2015 kwaye ayongezeleleka amanani abafundi abayisebenzisayo.  |
| <b>IProjekthi yeSistim yoLawulo lokuFunda (Learning Management System)</b> (LMS) iquka uvimba wezixhobo zasekhompyutheni (digital resources repository) yaye ijonge ukunka ootitshala, abafundi nabazali izixhobo zokufunda nokufundisa zeintanethi (digital).   |

*liteksti, kune neencwadi zokusebenzela (workbooks)*

ISebe leMfundu esisiSeko kuZweloneke linike izikolo zeSebe iWCED iincwadi zokusebenzela (workbooks) ngokoluhlobo lulandelayo:

| Izifundo  | AmaBanga                                |
|---|---|
| uLwimi lwaseKhaya (HL), isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelwego (FAL), iMathematika neZakhono zoBomi | IsiGaba esisiSeko (IBanga R - 3)        |
| iMathematika, uLwimi lwaseKhaya nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelwego                             | IsiGaba esiPhakathi (IBanga lesi-4 - 6) |
| iMathematika  | IsiGaba esiPhezulu (IBanga lesi-7 - 9)  |

Umqulu (volume) woku-1 wencwadi yokusebenzela (workbook) wekota yoku-1 ne ye-2 olungiselelwwe amaBanga R-9 wawusele ufikile ezikolweni ngomhla we-7 Okhthobha 2015 kwaye umqulu we-2 wencwadi zokusebenzela wekota- 3 ne 4 ka 2016 olungiselelwwe iBanga R-9 wasiwa ezikolweni ngomhla we-12 Februwari 2016. I-odolo yeencwadi zokusebenzela zika 2016 zeBanga R-9 zongezwe nge5% ukuze kukhawulelwane nokunqongophala kwazo okubangelwa kukhula kwenani labantwana ababhaliswayo. Ukuhanjiwsa kweencwadi zokusebenzela ezongeziweyo kuqgityezelwe ngomhla wama-25 ku Janywari 2016. Amagosa eSebe iWCED, ngawo azakuxhasa aphinde abeke esweni ukusetyenziswa kweencwadi zokusebenzela.

ISebe iWCED lenze oku ngenjongo yokunika umfundi ngamnye incwadi yesifundo (textbook) ehambelana ne CAPS, kwisifundo (subject) ngasinye asifundayo. Ngo June 2015, zonke izikolo zinikwe ithuba loku odola ukuze zongeze kwiincwadi zeZifundo zeCAPS zonyaka ka 2016. Izikolo ezaa odolayo zazifumena ngomhla we-25 ku Novemba 2016 ezoncwadi. Imali esetyenzisiweyo yokongeza iincwadi zeZifundo ime ku-52 million yeeRandi kumjikelo wonyaka-mali ka 2015/16.

iKhathalogu yoncwadi (literature), IweMfundu noQeqesho oluQhubekay (Further Education and Training (FET)) IweSebe leMfundu esisiSeko (DBE) yamiselwa ngo Epreli 2015 ukwenzela isetyenziswe ngonyaka ka 2016 opheleleyo wesikolo, kuqalwe ngeemviwo zango 2016 zetekst yoncwadi (literature) olomiselweyo IweBanga le-11. Ngokwesicelo esifakwe zizikolo, iSebe iWCED lithenge itekst yoncwadi yeBanga-11 leFET. Uhambiso Iweencwadi ezi odolwego luqgityezelwe ngomhla wama-26 kuFebruwari 2016.

IDBE ibonelele ngeKhathalogu kaZweloneke yeBanga-10 le CAPS ukuba isetyenziswe kwizikolo zobuchwepeshe (technical schools) konyaka opheleleyo wesikolo ngo-2016. Izikolo zobuchwepeshe zithengelwe iincwadi zeZifundo zobuchwepeshe (technical textbooks) ezizezi; iMathematika yobuChwepeshe, Technical Science, Civil Technology, Mechanical Technology ne Electrical Technology zeBanga-10. Uhambiso Iweencwadi ezi odoliwego luqgityezelwe ngomhla wama-26 kuJanyuwari 2016.

Izikhokelo zemimiselo nemigangatho yeSebe iWCED (WCED norms and standards) zicebisa ukuba ngaphezu kwe-40% yesabelo-mali kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, i-10% yesabelo igcinelwe imathiriyeli yethala leencwadi (library). Ezizikhokelo zithi umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye kway istokhwe semathiriyeli yethala leencwadi lezikolo kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani elipheleleyo lezinto (items) eziselayibrari libonise umgangatho (standard) wezinto (items) ezili-10 kumfundi ngamnye.

Umgaqo-sikhokelo (framework) wokulawulwa nokubuyiswa kweencwadi zezfundo (textbooks) ngabafundi saqaliswa ngoNovemba ka-2013 ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zezfundo ekupheleni konyaka ukuze ezo ncwadi ziphinde zisetyenziswe nyaka nonyaka. Izinga langoku lokubuyiswa kweencwadi ngu-87%.

#### Iziseko Zophuhliso (*Infrastructure*)

Isicwangiso sika-2015 zophuhliso lweziseko sibeke phambili ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukwakhiwa kwezikolo ezintsha ukwenzela ukuncitshiswe uxinzelelo olukwindawo zokufundela
- Ukususa izikolo ezikhua namagumbi okufundela akhyo, akhiwa ngezixhobo ezingekho mgangathweni, endaweni yazo kwakhiwe izikolo ezintsha namagumbi amatsha.
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukubonelela ngamagumbi okufundela eBanga- R

Ngapha koko, ukunikwa nokusetyenziswa kwamagumbi okufundela ajikelezayo (mobile classrooms) kusabalulekile kunceda xa kuthe gqi iimfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ukukhula okuqhubekekayo kwamanani abafundi, okumalunga nama-20 000 ngo-2015 nango-2016 kufake uxinzelelo ekunikeni iziseko zophuhliso. Ingxelo ephangaleleyo malunga nokunikwa kweziseko zophuhliso ikwiProgram 6, phantsi kweNgongoma 6.1. Ayingabobonke abafundi abahlala kufuphi nezikolo ezsengangathweni ofanelekileyo, ngoko ke abafundi abathuthwayo ukuya nokubuya esikolweni bebengama-57 517 ekupheleni kwalo nyaka-mali kunikwa ingxelo yawo.

#### Ukuxhaswa nokuwongwa kootitshala

iSebe iWCED liqhubekile ngokunika inkaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala. Ngaxeshanye, iSebe iWCED liye lagxila ekunciphiseni uxinzelelo kootitshala oluquka ukwenza imisebenzi yezolawulo (administrative) nokuhamba iiwekshophu neentlanganiso. ukunceda izikolo zicwangcisele u-2016 kwangetuba, ngenyanga ka Agasti 2015 kuthunyelwe ezikolweni iikhala zoCwangciso (Planning Calendars), ezidwelise imihla ebalulekileyo, efana naleyo yokuqalwa nokugqitywa kweemviwo, neminye imihla ebekiwego yezolawulo.

NgoNovemba ka-2015 bekubanjwe Umsitho woNyaka wokuWonga ooTitshala bePhondo wetyeli le-16 (16th Annual Provincial Teaching Awards Ceremony), aphoono bekubhiyozelwa kukwawonga iimpumelelo zootitshala kweli Phondo. Ootitshala banikwe iimbaso emva kwenqubo eyenziwe ngobunono yokuhluza nokuqhuba udliwano-ndlebe. Ezi mbasa ziwonga impumelelo neziqalo ezitsha kulamacandelo ali-10; ooTitshala beBanga- R, abeeMfundu zeMfundu eziZodwa, ukufundisa ngokungenamkhethi, iSikolo sasePrayimari, iSikolo saseSekhondari; ukuGqwsa kwiTeknoloji - ukufunda nokufundisa okuphuculiwego, iMathematika (GET), Natural Sciences, ubuNkokeli beSikolo sasePrayimari; ubuNkokeli beSikolo saseSekhondari kune nembaso yeMpumelelo yoBomi bonke. Ootitshala ababini baseNtshona Koloni bagqithela phambili baphumelela kwisigaba sokuwongwa ngeembasa kwiIMbasa zikaZwelonke zokuFundisa ku 2015. Kwabhengezwa uGafieza Ismail-Le Chat wase Spine Road High njengoyena ubalaseleyo kuko konke okumalunga nokuGqwsa kwiTeknoloji-ukufunda nokufundisa okuphuculiwego. UCharles Marthinussen wase Atlantis

Secondary waphumelele kwindawoyesibini yokuGqwesa kubuNkokeli beSikolo saseSekhondari.

*liBhodi eziLawula iZikolo*

Unyulo IweeSGB oluthembekileyo Iwephondo lubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ukuba kukho izitraktsha zolawulo ezikwaziyo ukuthatha uxanduva ezikolweni. Iinqununu namaqela onyulo Iwezikolo baye baqeQeshwa ziQfisi zezithili ukulungiselela unyulo olukhululekileyo nolufanelekileyo ezikolweni. Ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba okuphangaleleyo, ngethuba lonyulo kuye kwasetyenziswa amaphulo ohlukaneyo obuchule bokukhuthaza abazali ukuba bathathe inxaxheba. Obu buchule bebuquka iiphamflethi, izibhengezo kunomathotholo nakumaphephanda kunye neengxoxo ngalomba. Ngapha koko, imiButho yeeSGB, awona mahlakani abalulekileyo kulawulo olufanelekileyo, iye yancedisa ekwenzeni kubaabantu bazi malunga nokubaluleka kokuthatha inxaxheba kolunyulo.

Ukulungiselela unyulo IweeSGB Iuka-2015 IwangoMatshi ka-2015, kuye kwasekwa iqela lonyulo lephondi ukuba liqwalasele le nkqubo yonyulo. Umsebenzi wokuqala wesi sitraktsha ibikukuqoshelisa ukuBeka iiNkqubo eziza kulandelwa ekuSekeni nasekoNyulweni kweebhodi eziLawula eZikolweni zikaRhulumente (Determination of the Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools). Oku kubekwa kweenkubo (Determinations) kwenze ukuba izikolo zikwazi ukutyeshela intlanganiso yokhetho-nonyulo lwabaggatswa ukwenzela zifake isicelo sokubamba unyulo lwemini yonke. Zingamashumi amathandathu anesine izikolo ezifake izicelo zonyulo lwemini yonke. Izikolo ezininzi (ezingama 804) zilugqibe ngenyanga ka Epreli 2015 unyulo Iweebhodi zolawulo. Ekupheleni kuka Juni 2015, izikolo zonke besezilugqibile unyulo lwazo Iweebhodi zolawulo. Izikolo ezsibhozo zemfundu eneemfuno ezizodwa, azibinalo unyulo ngenxa yomgama ophakathi kwazo noluntu ezilusebenzelayo. Izitrakhtsha eziLawula izikolo ziQeshwa iyiNtloko yeSebe (Head of Department (HOD)).

Ngokwemimiselo yeemfuneko zonyulo kumele kubekho ikhoram yabazali abaza konyula iSGB. Ukuba ayikho ikhoram konyulo lokuqala, kumelwe ukuba kubizwe intlanganiso yesibini.

| Inani elipheleleyo lezikolo | Inani lezikolo olube yimpumelelo kuzo unyulo | Inani lempumelelo yonyulo lokuqala | Inani lempumelelo yonyulo Iwesibini | Inani lezikolo eziye zaqwalaselwa ngeli thuba |
|-----------------------------|--|------------------------------------|-------------------------------------|---|
| 1 516                       | 1 508  | 710                                | 804                                 | 388   |

Ngo-2014 kuyilwe umgaqo-sikhokelo (framework) wephondo woqeQesho Iweminyaka emithathu IweeSGB, kwiindlela ezahlukaneyo zoqeQesho. Ezona nkalo zingundoqo zika-2015 zezi (i) ukuqonda iindima noxanduva IweeSGB, okuquka umahluko phakathi kolawulo nokuphatha (management and governance), (ii) umgaqo-siseko weeSGB kunye nokunqonda indlela yokuziphatha (code of conduct) kweeSGB eziphetheyo, (iii) ucwangciselohophuhliso, ukwenziwa kwebhajethi kunye nokunyuswa kwengxowa (fundraising) yesikolo, kunye (iv) nokukhankaselwa nokukhethwa kwabasebenzi besikolo.

Le theyibhile ingezantsi ibonisa inani labalawuli ngokohlanga, ngokwesini nangokukhubazeka.

| UBume babemi abakwi SGB (Demographics of the SGB) |              |              |                     |               |                |              |              |            |                  |
|---|--------------|--------------|---------------------|---------------|----------------|--------------|--------------|------------|------------------|
| <b>Uhlobo</b>                                     | <b>Isini</b> |              | <b>Ukukhubazeka</b> |               | <b>Uhlanga</b> |              |              |            |                  |
|   | Amadoda      | Abasesyhini  | Ewe                 | Hayi          | AmAfrika       | Abelungu     | Abelungu     | AmaNdiya   | Abangacha-zwanga |
| Isihlalo  | 935          | 426          | 7                   | 1 354         | 238            | 188          | 917          | 11         | 7                |
| Nobhala   | 311          | 1 082        | 5                   | 1 388         | 248            | 263          | 867          | 8          | 7                |
| Nondyebp  | 628          | 678          | 2                   | 1 304         | 209            | 232          | 846          | 12         | 7                |
| Abafundi  | 385          | 447          | 1                   | 831           | 216            | 110          | 491          | 6          | 9                |
| Abanye  | 4 444        | 4 537        | 33                  | 8 948         | 1 506          | 1 658        | 5 677        | 70         | 70               |
| <b>Bebonke</b>                                    | <b>6 703</b> | <b>7 170</b> | <b>48</b>           | <b>13 825</b> | <b>2 417</b>   | <b>2 451</b> | <b>8 798</b> | <b>107</b> | <b>100</b>       |

#### UkoNdliwa kwabantwana esikolweni

Ngo-2015/16 iNkqubo kaZwelonke yokoNdla iZikolo (National School Nutrition Programme) (NSNP) yondle abafundi abangama- 469 721 (ebengama-456 520 ngo-2014/15) ngokutya okunempilo mihla le, kwizikolo ezili-1 023 ezithagethiweyo zeePrayimari nezeeSekondari zeMfundu eneeMfuno eziZodwa. Ngabafundi abangama-557 beNqanaba (Quintile) 1-3, bezikolo zasePrayimari, bali-111 kwezaseSekondari (zeNqanaba 1-3), bangama-44 kwezeMfundu eneeMfuno eziZodwa kune nabangama-311 bezikolo ezikwiNqanaba le-4 nele-5, abondliweyo ngo 2016. Ababenzi beNSNP benzelwe iiwekshophu ngemiba yezabasebenzi ngokuphathelene namavolontiya asebenza ngokutya (volunteer food handlers) (VFs) – umzekelo walemiba luqequesho malunga nokwenzakala emsebenzini, iges yokubasa nezicimi-mlilo. liVFH ziphinde zanikwa uqequesho ngokhuseleko lokuphatha ukutya neges yokubasa, ucoceko, ukulungisa ukutya kune nokulinganisela (portion sizes). Zingamashumi amabini anesibini (22) iiwekshophu zoqequesho ngezemveliso yokutya ezenzelwe ootitshala, abazali nabafundi abanagama-463. Kuye kwaphakwa isidlo sakusasa phakathi kuka-7.30 no-8:00, phambi kokungena kwasikolo kusasa, saza isidlo esingundoqo saphakwa lingedlulanga i-12:30.

#### Izikolo eziKhuselekileyo

ISafe Schools Programme inendlela engunxantathu (three-pronged approach) (i) ULawulo loLwaphulo-mthetho ngokunikwa kweendlela ezingundoqo zokhuselo (core security mechanisms), (ii) iiProgram zokuxhasa iinguqu ngendlela yokuziphatha nendlela yokucinga (behavioural and attitudinal change) (iii) liNdlela ezibandakanya isikolo sonke nokunxibeletana neearhente ezichaphazelakayo ezincedisa ekwenzeni imeko ekhuselekileyo yasesikolweni.

ISebe iWCED liqhuba iZiko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools Call Centre), elinika unxibeletwano lwefowuni olumahala, noluyimfihlo kubafundi, abazali nootitshala abafuna uncedo, iingcebiso nengcaciso emalunga nokuthile. Kukhuthazwa ukuba abafowunayo bafowunele inombolo yamahala engu-0800 45 46 47 ngokunxulumene noku kulandelayo: liMeko/iingxaki eziNgxamisekileyo, ubuNdlobongela beeNdlovini, uMothuko omkhulu, uLwaphulo-mthetho eSikolweni, iMpatho-gadalala neMibuzo ngokubanzi.

Abafonayo banikwa ingcaciso efowunini (telephonic debriefing) kwiimeko zeefowuni ezingxamisekileyo kuze kwiimeko zeefowuni ezingangxamisekanga, apha kuyimfuneko khona, bathunyelwe kwii-arrhente ezinika iingcebiso (counselling agencies) zeSebe leMfundu

leNtshona Koloni, ii-arthente ezingekho phantsi kolawulo lukarhulumente nemibutho yasekuhlaleni. IZiko lwemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo liye lafumana iminxeba engaphezu kwama-14 000 kwithuba lekhalenda yonyaka ka-2015. lifowuni ezingama-3 890 kwezi fowuni bezifuna ukulandelelwu nenkxaso. Engama-738 kule minxeba ibizizehlo ezinxulumene nolwaphulo-mthetho. Kuye kwaxelwa iimeko ezingama-439 zempatho gadalala, apho iminxeba engama-277 ibifuna iingcebiso zeengcali nenkxaso ngokwasengqondweni (counselling and psychological support). Inxaso ngokwasengqondweni yabasebenzi ikwanikwa phantsi kweNkqubo yeNtlalo-ntle yabaSebenzi yeSebe yaye ikwasebenza njenkxaso eyongezelweyo yeNkqubo yeZikolo eziKhuselekileyo.

Eli Ziko lemiNxeba liqokelela lize lihlalutye idatha yephondo jikelele. Kusetyenziswa iinkcukacha-manani ukunika uthintelo, ungenelelo kune neendlela zokujongana nemingeni (reactive strategies).

Zingamashumi amahlanu izikolo ezongeziweyo eziye zafumana iindlela ezingundoqo zokhuselo (iigeyithi ezizivulekelayo (motorized gates); iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (pedestrian monitoring gates); ialam eziqhagamshelwe kwiinkonzo zoonogada abaxhobileyo (armed response); ucingo oluhlabayo kune ne-mesh wire; ukufakelwa kweentsimbi emacangweni) ngo-2014/15. Kuye kwalungiswa iingcingo kwizikolo ezisemngciphekweni omkhulu kwaza kwanikwa nokhuseleko lwangeeholide, apho bekuyimfuneko khona. Kunikwe uqequesho olumalunga neMpilo noKhuseleko kwakune noLawulo lweeNtlekele eMsebenzini (Occupational Health and Safety and Disaster Management), ngokunjalo noqequesho olumalunga nomgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi kune nokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo ezivuniweyo zokuvavanyela iziyobisi ziye zanikwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsha nokohlutha iziyobisi Izikolo ezikhethiweyo ziye zanikwa izikhangel-i-ziyobisi eziphathwa ngesandla (hand held metal detectors). Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo, izicwangciso zolawulo lolwaphulo-mthetho nezeeprojekthi ezithile (ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uphuhliso lolutsha, ukusonjululwa kweengxabano, ulawulo lokhuseleko) ngokusebenzisana namasebe karhulumente nee-NGOs.

Ukongeza kweli Ziko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo nenkxaso yeendlela zokhuselo, ngo-2015/16 iSebe iWCED linike abafundi iinkqubo zezemfundu lisenzela ukukhuthaza izenzo ezakhayo ezifana nezemidlalo, ubugcisa, imidlalo yeqonga nolwazi malunga nazakhono zexesha elizayo (future careers). Ezi nkqubo ziye zagxila kutshintsho lwendlela yokucinga okanye indlela yokuziphatha; iindlela zobugcisa nezakhayo zokujongana nolawulo lweengxabano; kune noqequesho kuthetha-thethwano. Kuye kwaqeshwa ii-fieldworker zokhuseleko ukwenzela ukuxhasa izikolo ngeekomiti zokhuseleko ezikolweni nangezicwangciso zokhuseleko ezikolweni; ukuseka inkxaso kune/okanye neenkqubo zokuthintela kwanokuba yimizekelo emihle (positive role models) nabacebisi abathantamisayo (mentors) ezikolweni.

IiFieldworker zoKhuseleko eZikolweni zilandelela abafundi abatshungayo esikolweni zize zikhangele ukuba yintoni ingxaki ebangela oku. Zikunika uthantamiso (mentoring) nokukhokela (coaching) abafundi abasemngciphekweni ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukufikelela kwiinkonzo abazifunayo. IiFieldworker zoKhuseleko zincedisa kwiiYouth Club zeeSafe School njengenxalenye yenqubo yeeholide neyokuphuma kwesikolo. Le projekthi ijonge ukugxininisa ukuziphatha kakuhle neengcinga ezakhayo

ngokuthathwa abafundi abasemngciphekweni basiwe kwizitraksha ezifanelekileyo zezemfundo nokupuhhlisa izakhono zokuqhuba iiprojekthi zoluntu.

*Inkubo yaseMvakokuphuma kweSikolo*

Njengenxalenyenqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokulwa nendlela yokuziphatha engeyiyo, nokunika amathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (Department of Cultural Affairs and Sport) (DCAS), lisebenzisana neSebe iWCED, ekuqaliseni inkubo yeMOD (uThatho-nxaxheba, amaThuba nofikelelo kwakunye noPhuhliso) (Mass participation, access to Opportunity and Development) kwizikolo ezili-181 kwizithili zemfundo zosibhozo. Amaziko angama-98 asekwe kwizikolo zaseprayimari. Ezi nkubo ziqhutywa emva kokuphuma kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nokuthatha inxaxheba kwezinye izenzo zokupuhhlisa izakhono zabo. Zombini ezi program, eyeZikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools) kunye neyoKhuliso IweziKolo (School Enrichment) zeSebe iWCED ziqaqhagamashelana namaziko azii-MOD.

Ukuxhasa inkubo yeeMOD, iSebe iWCED ngo-2015 lenze oku;

1. Lilawule laxhasa ubhaliso Iwamaziko eeMOD ukuze athathe inxaxheba kwimiDlalo yamaQela eZikolo (School Sports Leagues)
2. Lixhase ukuqhutywa kwemidlalo yamaqela ezikolo ephakathi kwamaqela esikolo ngasinye nephakathi kwezikolo (intra and inter school sports leagues)
3. Linikise ngezixhobo.
4. Liqinisekise ukuba amaziko eeMOD ayafikeleleka kwizikolo eziwangqongileyo
5. Lixhase inkubo yeYebo- kwiiklasi ze Mathmathika ne Science zasemvakwemini.

Kuye kwafikelelwano kwisivumelwano phakathi kweSebe iWCED neSebe leMiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo ukwenzela kubambiswane kwiiprojekthi zeziseko zophuhliso (infrastructure) zezemidlalo yezikolo ezenziwa kumaZiko eeMOD. Oku kuquka ukwakhiwa nokulungiswa kweeholo zezikolo, amabala ezemidlalo, izixhobo zokuncedisa ekudlalweni kwemidlalo yesikolo kunye nabancedisi babafundi abanezidanga (graduate tutors).

Inxalenyenqubo yemali eyabelwe iziko leMOD iye yabekelwa ukwenziwa kweziseko zophuhliso eziluhlobo Iwamaholo ezikolo ngonyaka-mali ka-2014/15. Iye yandiswa le nkubo ikhoyo yokwakhiwa kwamaholo ezikolo. Kuye kwakhethwa izikolo eziqabuza eziza kucwangciselwa zakhelwe ngo-2014/15 kusetyenziswa iArchway Foundation, yaye ulwakhiwo luya kugqitywa ngo-2015/16. Zezi izikolo ezichaphaelekayo:

1. Manenberg Senior Secondary (Metro Central)
2. Robinvale High School (Metro North)
3. Hillwood Primary School (Metro South)
4. Phakamisani Primary School (Eden/Central Karoo)
5. Cavelleria Primary School (Metro East)
6. De Kruine Secondary School (Winelands)
7. Helderkruijn Primary School (Metro East)

Inkxaso-mali yeziko leMOD iye yanikelwa nokuhlaziya amabala ezemidlalo. Ulwakhiwo luqale kwiprojekthi yaseBernadino Heights Secondary School ngo-2014/15 yaye luya kugqitywa ngonyaka-mali ka-2015/16. Izikolo ezingabamelwane, iWatsonia Primary School ne Cavalleria Primary School nazo ziza kuxhamla kule projekthi.

### ***iiNjongo eziCwangciswe ngobuChule (Strategic Objectives)***

| <b>IProgram 2</b>   |                           |                               |   |  |  |
|---|---------------------------|-------------------------------|---|--|--|
| <i>iiNjongo eziCwangciswe ngobuChule</i>  | Eyona Mpumelelo 2014/2015 | Ilhagethi eCerywayo 2015/2016 | Eyona Mpumelelo 2015/2016               | Ukfushintsha kusukwe kwihagethi eCwangciselweyo kuyiwa kweyona ngo 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho   |
| 2.1. Izicwangciso zekkharithylam eziyiliweyo zaze zaqhutywa                       | Intsha                    | Iphuhliswe                    | Izicwangciso ezipuhliswe ngokwe zithili | Azikho   |  |
| 2.2. Inani lezikolo ezityelelwego ngekota zonke ukuze zifumane inkxaso yabalawuli | Intsha                    | 1 539                         | 1 522                                   | -17  | Li 100% lezikolo ezivuliweyo ebezityelelwego qho ngekota. Li-1522 umyinge wenani lezikolo ezivuliweyo (ziquka nokongezwa kwezikolo zezibhedlele eziz4 ezibekewewe bucal) Kusetyenziswe umyinge kuba amanani ebemane etshintsha phakathi enyakeni.  |
| 2.3. Inani lezikolo ezixhamle ekusetyenzisweni kwe e-learning.                    | Intsha                    | 0                             | 63                                      | 63   | Kongezwe inkxaso-mali  |
| 2.4.1. Inkxaso-mali esetyenziswe kumaziko eMOD nasekuxhaseni uPhuhliso loLutsha   | Intsha                    | 110 680                       | 73 145                                  | 37 535   | Ukusilela ekusebenziseni imali yeziko le MOD kubangwe kukuba kuye kwafuneka kwenziwe inkqubo yebhidi ngenxa yeshishini elinika iinkonzo elingakwazanga ukufezekisa imimiselo yalo yesivumelwano. Inkqubo ejolise kulutsha (Youth Focus Programme) ifumene isongezelelo semali esivele kwaSETA. Amabango (claims) ekota ye abhatelwe ngoEprili 2016       |
| 2.4.2. Ukubonelela izikolo ngenkxaso ngokwentalo neyemali                         | Intsha                    | 676 736                       | 757 199                                 | -80 463  | Imali eya ngokukhawulezileyo kwizibonelelo zemiMiselo nemigangatho ka 2016/17 inikwe izikolo zeNQ1. Inani labafundi ngo2015/16 likhule ngaphezu kokuba bekulindelwe. Likhule ngaphezu kokuba bekulindelwe. Kufunyenwe inkxaso-mali eyongezelelwego yokubonelela iprojekhti yokuxolelwga ekuhlawulen iifizi kuhalawulwe i100% yamabango avela ezikolweni. |

## Izalathi zentsebenzo

| IProgram 2   |                              |                                      |                             |   |  |
|--|------------------------------|--------------------------------------|-----------------------------|---|--|
| UMlinganisel<br>weNtsebenzo<br>yeProgram   | Eyona Mpumelelo<br>2014/2015 | Ithagethi<br>eCetyiwego<br>2015/2016 | Eyona<br>Mpumelelo2015/2016 | Ukutshintsha kusukwe<br>kwithagethi<br>eCwangciselwe yo<br>kuyiwe kwEyona<br>Mpumelelo ka-<br>2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho   |
| PPM201: Inani lezikolo ezbonelela ngazo zonke iinkonzo zokufundisa ezinika inkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufnda                           | 40                           | 48                                   | 40                          | -8  | Kugqitywe kwelo kuba kugxiwe ekubeni komelezwe umgangatho wezikolo ezikhoyo kulo nyaka.  |
| PPM202: Inani leePrayimar ezipase konke kuANA ngezinga elingama-40% nangaphezulu   | Intsha                       | 300                                  | Ayikho                      | Ayikho  | Ngo 21015/2016 iphondo alizo kwenza ngxelo ngezalathisi ezinxulumene noANA kuba khange kubhalwe uviwo kwizikolo ebezimelwe koko.   |
| PPM 203: Inani leeSekondari ezipase konke kuANA ngezinga elingama-40% nangaphezulu   | Intsha                       | 30                                   | Ayikho                      | Ayikho  | Ngo2015/16 iphondo alizokwena ngxelo ngezalathisi ezinxulumene noANA kuba khange kubhalwe uviwo kwizikolo ebezimelwe koko  |
| PPM204: Inani leeSekondari ezipase iSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC) ngezinga elingama-60% nangaphezulu                                     | Intsha                       | 410                                  | 413                         | 3   | Kugqithisiwe kwithagethi ngenxa yokusebenza kakhulu kwezikolo kunye nabasebenzi abaxhasayo.  |
| PPM205: Ipresenti yabantwana abag-qibe iminyaka eli-9 kunyaka opeli-leyo kwaye bebhaiswe kwibanga le-4 (okanye eli ngaphezulu) kulo unyaka.          | Intsha                       | 64%                                  | 68.42%                      | 4.2   | Ukuphuculwa kwezinga lokupasa kwibanga lo-1 lubenegalelo ekonykeni kwale pesenti. Yiminyaka mi-4 sikhona isicwangciso sokuphucula ibanga lo-1.   |
| PPM 206: Ipresenti yabantwana abag-qibe iminyaka eli-12 kunyaka owandulela lo, babe ngoku bebhaiswe kwibanga le-7 (okanye elingaphezulu) kulo unyaka | Intsha                       | 64%                                  | 61.76%                      | - 2.24%   | Abaninzi kwababafundi sele bephinde unyaka kwisGaba esisiseko. Akufikelelwanga kwithagethi ebithekelelwe.  |
| PPM207: Inani lezikolo ezinikwe izixho-bo zamajelo osasazo (oku kubheisele kumagumbi okufundela ane-intanethi)                                       | Intsha                       | 0                                    | 63                          | 63  | Ithagethi ibili-0 kuba zinanzi izikolo ezixhotisyiweyo kunyaka opeli-leyo. Inkxaso-mali yabelwe ukuxhasa izikolo elingama-60 ezongeziweyo.   |
| PPM208: Ukungahambi sikolo kwabafundi  | 6%                           | 7%                                   | 5.82%                       | 1.22%   | Kugqithisiwe kwithagethi. Kukho impazamo encincinane eqatshelweyo ekufakweni kweenckukacha.  |
| PPM209: Ukungahambi sikolo kootitshala   | 3%                           | 3%                                   | 3%                          |   |  |
| PPM210: Inani labafundi abakwizikolo zesiqhelo zikaRhulumente abaxhamla kumgaqo-nkqubo wezikolo eziNgabizi zifizi                                    | 554 523                      | 562 940                              | 566 968                     | 4 028   | Inani labafundi abaxhaswayo linxulumene nenani lababhaliswayo, inani lababhaliswayo ligqithile kweli thekelelweyo.   |
| PPM211: Inani lootitshala abaqe-shwe kumxholo nendlela yokusebenza ngolwazi lokufunda nokubhala(literacy) ngolwimi*                                  | Intsha                       | 650                                  | 853                         | 203   | Ziye zongezwa icicelo zendawo, yokuhlala baze abafake icicelo bayifumana indawo.   |
| PPM212:Inani lootitshala abaqe-qeshwe kumxholo nendlela yokuseben-za (methodology) ngolwazi lwama-Nani (Numeracy)/neMathematika*                     | Intsha                       | 600                                  | 1 094                       | 494   | Ziye zongezwa icicelo zendawo yokuhlala, baze abafake icicelo bayifumana indawo.   |
| PPI 2.1. Ipesenti yabafundi abagcinwe beqhuba esikolweni ukususela kwibanga le-10-12   | 64%                          | 65%                                  | 68%                         | 3%  | Zibenegalelo kule mpumelelo iprogram eqhutywayo yokukhuthaza abafundi baqhubekeke nesikolo kunye nenguqulo kumgaqo-ndlela ezingabavumelanga abafundi ukuba bahlale kwsisigaba ixesha elingaphezulu kweminyaka emi-4. |

\*Qaphela ukuba oku kubhekisele kuqeqesho olufomali olwenziwa eCappe Teaching and Leadership Institute

***Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo***

- Ukuqhuba izicwangciso (strategies) ezitsha zephondo zokuphucula ulwimi nemathematika.
- Ugxilo kwiziCwangciso zoPhuculo IweziKolo neZithili kugxininiwa nangakumbi kwiBanga loku-1, 9 nele-11.
- Ukuqhubeke neProgram yeZikolo eziPhakamileyo.
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo (textbooks) kumagumbi okufundela.
- Ukuqhutywa koqequesho lootitshala oluthagethiweyo.
- Ukugxila kubukho bootitshala esikolweni nokusetyenziswa ngentsuku zonke zokufundisa.
- Ukuxhaswa kolawulo lwemali ezikolweni.
- Ukusetyenziswa ngokugqibeleyo kwendima nefuthe lomguqli zinto wephondo (provincial game changer) kwi-e-learning, nto leyo eya kuzanofikeleka kwe-intanethi, amagumbi okufundela aneintenethi, kunye namathuba aphuculiweyo okufunda ezikolweni.
- Ukusetyenziswa ngokugqibeleyo kunye nokuxhaswa kwamaZiko eMOD kunye nokutshintsha kwezinto ezenziwa lulutsha ukuphuma kwesikolo ephondweni kubanjiswene neSebe lezeNkcubeko nezemiDlalo nezoPhuhliso IwezeNtlalo.
- Ukuqala iNkqubo ye Service Learning njenge ndlela yokuphucula uphuhliso lobunkokheli kulutsha ngoku bandakanywa nokuphakamisa uluntu.
- Ukusebenza namanye amasebe noomasipala ukuxhasa ukhuseleko esikolweni, ukugcinwa kwabafundi beqhuba esikolweni, ukuhamba isikolo kunye neenkqubo ezelungiselelwel ulutsha olusemngciphekweni.
- Ukuqalisu ulingo IweNkqubo yeZikolo Zobambiswano

***Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo***

Alukho

***Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi***

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 2 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukwandisa inani lezithuba zootitshala zika-2014 zibe ngama-31 357
- Ukunika iincwadi zezifundo (textbooks), izikhokelo zootitshala kunye neencwadi
- zokufunda ezingundoqo (core readers) ukuze kuxhaswe ukuqhutywa kweCAPS
- kwisigaba esiphezulu (iBanga lesi-7 - 9) neBanga le-12
- Ukunika imiMiselo nemiGangatho (Norms and Standards allocations) kwizikolo
- eziqhelekileyo zikarhulumente
- Ukunika ukuya okunezakhamzimba abafundi abakudingayo
- Ukwandisa inkqubo yezikolo ezingahlawuli fizi (no-fee schools)
- Ukugcina inkqubo yokubuyekezwa kwabo baxolelwa ekuhlawuleni iifizi
- Ukugcina Inkqubo yezikolo ezikhuselekileyo

***Inkcitho yeprogram esekelayo***

| Igama leProgram eSekelayo                           | 2015/16                   |                |                                       | 2014/15                   |               |                                       |
|---|---------------------------|----------------|---------------------------------------|---------------------------|---------------|---------------------------------------|
|   | Ulwabi-womali lokugqibela | Inkcitho Eyiyo | Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi | Ulwabi-womali lokugqibela | Eyona Nkcitho | Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi |
|   | R'000                     | R'000          | R'000                                 | R'000                     | R'000         | R'000                                 |
| 2.1 IZikolo zasePrayimari zikaRhulumente            | 7,801,424                 | 7,771,390      | 30,034                                | 7,276,039                 | 7,276,039     | -                                     |
| 2.2 IZikolo zaseSekondari zikaRhulumente            | 4,874,281                 | 4,789,855      | 84,426                                | 4,489,245                 | 4,489,245     | -                                     |
| 2.3 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi                | 81,664                    | 60,777         | 20,887                                | 76,011                    | 76,011        | -                                     |
| 2.4 Igrant ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile | 337,611                   | 333,575        | 36                                    | 315,412                   | 315,231       | 181                                   |
| Zizonke   | 13,094, 980               | 12,959,597     | 135,383                               | 12 156,707                | 12 156, 526   | 181                                   |

#### 4.3 IProgram 3: liNkxaso-mali kwizikolo eziZimeleyo

##### Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsiAfrika (South African Schools Act).

##### Iprogram yeZikolo eziZimeleyo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 3.1: IsiGaba sePrayimari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7.

Iprogram esekelayo 3.2: IsiGaba seSekondari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

##### liNjongo eziCwangcislewe ngobuChule (Strategic Objectives)

| IProgram 3: liNjongo eziCwangcislewe ngobuChule (Strategic Objectives) |  |
|--|--|
| INjongoCwang-cislewe ngobuChule 3                                      | Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinela nemithetho ewisiweyo ukuqinisekisa ukuba abafundi kwezikolo bafumana imfundu esemgangathweni.  |
| INjungi yesitimenti  | <ol style="list-style-type: none"><li>Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana imfundu ehambelana neNational Curriculum Statement ngokuzixhaska rhoqo nozikubeka esweni izikolo ezizimeleyo.</li><li>Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe kwaye ziyabuzalisekisa ubuncinane beemfuneko zomthetho wonke onxulumene nezikolo.</li><li>Ukunikwa kwenkxaso-mali kwizikolo ezifundisa abantwana bamakhaya angathathintweni.</li></ol> |

##### linjongo ezicwangcislewe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo

##### Amanani obhaliso lwabafundi

Zonke izikolo ezingama-240 ezibhalisiweyo ezizimeleyo (ezesiqhelo ne ELSEN) eNtshona Koloni ziyanzile iSavey yoNyaka yeZikolo (Annual School Survey) ka-2014. Bebengama-48 153 abafundi kwezi zikolo zingama-240. Kwezi zikolo, i-36% okanye abafundi abangama-17 498 bebebhalise kwizikolo eziZimeleyo ezixhaswa ngemali nguRhulumente. Abangama-11 291 bebebhalise kwizikolo zaseprayimari ezixhaswa ngemali nguRhulumente yaye abangama-6 207 bekwizikolo eziphakamileyo ezixhaswa ngurhulumente. Ngama-30 655 abafundi ababhaliswe kwizikolo ezizimeleyo ezingafumanu nkxaso-mali kuRhulumente.

##### IziPhumo zeeMvavanyo

ImiMiselo eNxulumene nobhaliso, ukuXhaswa ngemali, kweZikolo eziZimeleyo (ngaphandle kweZikolo zasePriPrayimari), ifuna ukuba isikolo esizimeleyo sithathe inxaxheba kuHlolo loNyaka lukaZwelone (Annual National Assessments) kunye/okanye uvavanyo Iwenqubo yezikolo (systemic testing) IweSebe iWCED ukwenzela ukuba zifaneleke ukuba zibe nokufumana inkxaso-mali. Zibe ngama-67 ezibhale iimvavanyo zeBanga lesi-3, zangama-57 ezibhale iimvavanyo zeBanga lesi-6 zaza zangama-40 ezibhale iimvavanyo zeBanga le-9. Ukubhalwa kweemvavanyo ku ANA akuhambunga ngokwezicwangciso ngo 2015.

Amanqaku ezikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali nezingafumani nkxaso-mali zinikwe kule theyibhile ingezantsi. Qaphela ukuba le sampule ayikubonakalisi ukumelwa kwazo zonke izikolo (not a representative sample) nanjengoko ezinye zezizikolo ezingafumani nkxaso-mali kuRhulumente, zazinyanzlekanga ukuba zithathe inxaxheba, ngelixa kwezinye ukuthatha inxaxheba kunyanzelekile.

### Iziphumo zolwimi ngo 2015

| IziPhumo zeNkqubo yeMfundo yeWCED kwiBanga lesi-3, 6, nele-9 kwiZikolo eziZimeleyo ezithathe inxaxheba ngo-2015 |                            |      |      |      |          |       |       |       |                 |      |      |      |
|---|----------------------------|------|------|------|----------|-------|-------|-------|-----------------|------|------|------|
| IBanga  | ILitheresi/ULwimi Language |      |      |      |          |       |       |       |                 |      |      |      |
|   | Izikolo                    |      |      |      | Abafundi |       |       |       | Izinga lokupasa |      |      |      |
|   | 2012                       | 2013 | 2014 | 2015 | 2012     | 2013  | 2014  | 2015  | 2012            | 2013 | 2014 | 2015 |
| IBanga lesi-3 kwezfumana inkaso-mali  | 46                         | 50   | 46   | 49   | 1 222    | 1 381 | 1 416 | 1 567 | 54.9            | 51.7 | 56   | 59.9 |
| IBanga lesi-3 kwezingafumani nkxaso-mali  | 27                         | 27   | 28   | 18   | 779      | 844   | 979   | 742   | 85.2            | 88.6 | 86.7 | 92.3 |
| IBanga lesi-6 kwezfumana inkaso-mali  | 41                         | 38   | 38   | 40   | 1 009    | 1 068 | 1 074 | 1 036 | 67              | 61.4 | 65   | 68.2 |
| IBanga lesi-6 kwezingafumani nkxaso-mali  | 22                         | 24   | 25   | 17   | 705      | 80    | 873   | 647   | 95.1            | 91.2 | 92.1 | 94.1 |
| IBanga le-9 kwezfumana inkaso-mali  | 30                         | 30   | 27   | 28   | 1 229    | 1 333 | 1 155 | 1 111 | 82.3            | 82.7 | 84.6 | 86   |
| IBanga le-9 kwezingafumani nkxaso-mali  | 17                         | 18   | 16   | 12   | 799      | 787   | 789   | 513   | 95.1            | 96.6 | 97   | 94.5 |

### Iziphumo zeMathematika ngo 2015

| IziPhumo zeNkqubo yeMfundo yeWCED kwiBanga lesi-3, 6, nele-9 kwiZikolo eziZimeleyo ezithathe inxaxheba ngo-2014 |                         |      |      |      |          |       |       |       |                 |      |      |      |
|---|-------------------------|------|------|------|----------|-------|-------|-------|-----------------|------|------|------|
| IBanga  | INyumeresi/IMathematika |      |      |      |          |       |       |       |                 |      |      |      |
|   | Izikolo                 |      |      |      | Abafundi |       |       |       | Izinga lokupasa |      |      |      |
|   | 2012                    | 2013 | 2014 | 2015 | 2012     | 2013  | 2014  | 2015  | 2012            | 2013 | 2014 | 2015 |
| IBanga lesi-3 kwezfumana inkaso-mali  | 46                      | 50   | 46   | 49   | 1 222    | 1 381 | 1 416 | 1 567 | 62.8            | 65.8 | 68.6 | 71   |
| IBanga lesi-3 kwezingafumani nkxaso-mali  | 27                      | 27   | 28   | 18   | 779      | 844   | 979   | 742   | 91.7            | 93.6 | 92.5 | 96.2 |
| IBanga lesi-6 kwezfumana inkaso-mali  | 41                      | 38   | 38   | 40   | 1 009    | 1 068 | 1 074 | 1 036 | 47.8            | 50.2 | 50.3 | 61.8 |
| IBanga lesi-6 kwezingafumani nkxaso-mali  | 22                      | 24   | 25   | 17   | 705      | 80    | 873   | 647   | 89.1            | 86.7 | 84.3 | 93.2 |
| IBanga le-9 kwezfumana inkaso-mali  | 30                      | 30   | 27   | 28   | 1 229    | 1 333 | 1 155 | 1 111 | 26.8            | 26.2 | 31.2 | 48   |
| IBanga le-9 kwezingafumani nkxaso-mali  | 17                      | 18   | 16   | 12   | 799      | 787   | 789   | 513   | 73.4            | 76.1 | 73.8 | 86.2 |

Iziphumo zango-2015 zeNSC zezikolo ezizimeleyo bezime ngoluhlobo:

| IziPhumo zeNSC zezikolo ezizimeleyo zeNtshona Koloni: 2015 |                    |                       |                                 |                            |
|--|--------------------|-----------------------|---------------------------------|----------------------------|
| Ababhalileyo   | INani labaPasileyo | IPesenti yabaPasileyo | Inani labanoku-fundela isidanga | % yabanokufundela isidanga |
| 2 552  | 2 371              | 92.91                 | 1 729                           | 67.75                      |

Qaphela: Aba ngabafundi bezikolo ezizimeleyo ababhale iimviwo NSC kwiimviwo zeWCED. Ngaphezu koko, bebeli-176 abafundi bezikolo ezili-14 zaseNtshona Koloni ababhale iimviwo ezisetwe yiBhodi yeeMviwo eziZimeleyo (Independent Examination Board).

### UPhuhliso looTitshala

Ngo 2015/16 ootitshala bezikolo ezizimeleyo baye kwindindi zeewekhishophi zekharithyulam, ebeziqquzezelwe liqumrhu lezikolo ezizimeleyo kwakunye nee-ofisi zesithili zemfundo zeWCED.

### **INKXASO ENIKIWEO**

Kutyelelwe izikolo ezizimeleyo ezili-162 ukwenzela ukuzinika inkxaso

- Kulawulo,
- Kwikharityhulam
- Ekuphatweni kwazo apha ekuhambeni konyaka ka-2015/16.

Ukongeza apha, kumsebenzi owenziwa qho ngonyaka ukulungiselela le njongo, iqela lamagosa eWCED liye latyelela izikolo ezingama-61 ngoFebruwari nangoMatshi ku-2016 ukuze liqwalasele:

- Ukufezelekisa kweemfuno zesaveyi (Survey compliance) - iAnnual School Survey (ASS)neSnap Survey (SS)
- Ubhaliselo IweCEMIS
- Ukufezelekisa kweemfuno zezemali (Financial compliance) – inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi
- Ukwanelo kwamagumbi okufundisela nokusebenziseka kwavo ngokwaneleyo
- Ukufundiswa kwekharityhulam
- Ukwanelo kweziXhobo eziXhasa ukuFundisa (Learning andTeaching Support Materials) (LTSM) nokusetyenziswa kwazo ngokufanelekileyo.
- Ubhaliselo IweSACE
- Ukurhoxa kwabasebenzi emsebenzini
- iSistim zokuLawula iNTsebenzo (Performance Management Systems)
- Uphuhliso Iwabasebenzi
- Indlela abaqhuba ngayo abafundi
- Iziphumo zeemvavanyo ezsistimikh zeWCED zenqubo yeBanga lesi-3, 6 nele-9 (WCED systemic test results)

Izikolo ezintathu ezizimeleyo ezingaqhubanga ngokusemgangathweni ziyezafumana inkxaso eyongezelwe kubacwangcisi bekharithyulam abakhulu. Kuye kwafuneka bangenise icebo labo lokungenelela konyaka wokufunda ka-2016. Imingeni yokuphatha nokulawula kwezikolo kuyekwanikwa ingqalelo.

Ngaphezu koko, kumaziko (sites) amane kuye kwenziwa uqinisekiso lwemigangatho yezicelo zokubhalisa neyezikolo ezifake icicelo zokwandisa amabanga nekharithyulam.

Ngama-30 ezikolo eziye zaphandwa ngenxa yezinto ezahlukeneyo ezifana nokugxothwa kwabafundi, ukungalandelwanga nkqubo zoluleko; izikhalazo ngotitshala; abangenaziqinisekiso zemfundo; ukunqaba kokufundisa, apha kungafane kufundiswe kwaye kungafane kufundwe khona.

Undoqo wenkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo, yinkxaso-mali (subsidies). linkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ezifanelekileyo yi-60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% inkqikelelo yenkcitho yephondo kubafundi (provincial per capita expenditure for learners) (PAEPL) abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL yango-2015/16 ibe yi-R11 471 (Kwizikolo zaseprayimari) ne-R13 631 (Kwizikolo zasesekondari) ngokulandelelanayo. Ngo-2015/16 iSebe iWCED lihlawule iinkxaso-mali kwizikolo ezingama-99, nebeziquka isikolo esinye esitsha. lintlawulo zenziwe kwangethuba nangokwemithetho echaphazelekayo.

ISebe iWCED likhuthaza zonke izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ukuba zisebenzise iinkxaso-mali zazo ekuthengeni iiLTS (60%); iinkonzo zikamasipala (municipal services) (20%) neemfuno zokwenza umsebenzi (operational needs) (20%).

ISebe iWCED likwaphande izikhala zo ezivela eluntwini kunye/okanye nasebazalini malunga nezikolo eziZimeleyo ngokunxulumene neefizi zesikolo, iinkqubo zololuleko ezingabonisibulungisa (unfair disciplinary processes), ukungaqhubi kakuhle ezifundweni, ukungalawulwa kakuhle kwezikolo kunye nokuqhutywa kweenkqubo ezikolweni ezingabhaliswanga.

INkqubo eLandelwayo yesiQhelo yokuSebenza ngeNkxaso-mali (Standard Operating Procedure for Subsidisation) igqitywe ngoncedo IweCandelo: iProcess Design elikwiSebe le Ofisi ye Primiya

### **INjongo eziCwangcislewe ngobuChule (Strategic Objectives)<sup>10</sup>**

| IProgram 3  |                           |                              |                           |  |   |
|---|---------------------------|------------------------------|---------------------------|--|---|
| INjongo eCwangcislewe ngobuChule  | Eyona Mpumelelo 2014/2015 | Thagethi eCetywayo 2015/2016 | Eyona Mpumelelo 2015/2016 | Ukutshintsha kusukwe kwithagehi eCwangciselwego kuyiwa kweyona ngo 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho  |
| Ipesenti yezizikolo ezizimeleyo ezbhalisiwego ezifumanana inkxaso-mali kuRhulumente | Intsha                    | 44%                          | 40%                       | -4%  | Zonke izikolo ezizimeleyo zicalulwe ngokwe fizi zika 2013 njengonyaka omtsha wesiseku ukuze kukhangelwe ukuba zisafanelwe kukufumana inkxaso-mali na. Ngokwale nkqubo intsha phinda kucazululwe, zisibhozo izikolo ezikhiqiwego ebezikade zifumana inkxaso-mali kuRhulumente. |

### **Izalathi eNtsebenzo yeProgram**

| IProgram3  |                     |                     |                     |                         |  |
|--|---------------------|---------------------|---------------------|-------------------------|--|
| Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram  | Mpumelelo 2014/2015 | eCetywayo 2015/2016 | Mpumelelo 2015/2016 | eCwangcislewe 2015/2016 | Izimvo malunga notshintsho   |
| PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali abasezikolweni ezizimeleyo ezbhalisiwego        | 18 024              | 18 310              | 17 498              | -812                    | Ukubhaliswa kwabantwana ezikolweni ezizimeleyo kuxhomekeke ebazalini. Ukwela kweli nani bekugalindilekanga.  |
| PPM302: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezbhalisiwego ezifumanana inkxaso-mali                   | Intsha              | 44%                 | 40%                 | -4%                     | Zonke izikolo ezizimeleyo zicalulwe ngokwe fizi zika 2013 kusetyenziswe unyaka omtsha osisisekelo ukuze kukhangelwe ukuba zisafanelwe kukufumana inkxaso-mali na. Ngokwale nkqubo intsha phinda kucazululwe, zisibhozo izikolo ezikhiqiwego ebezikade zifumana inkxaso-mali kuRhulumente. Olucazululo lutsha luqaliswe kunyaaka-mali 2015/16 ukuya phambili. |
| PPM303: Ipesenti lezikolo ezizimeleyo ezbhalisiwego eziyezatyelwa ukuze hlolle kwaye zixhaswe. | Intsha              | 90%                 | 90%                 | -                       |  |

<sup>10</sup> Ziprintwe apha zonke INjongo eCwangcislewe ngoBuchule ngokweeNjongo eziCwangcislewe ngoBuchule zika 2015-2019

***Isicwangciso sokoyisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo***

- Ukuzimisela ngokunika inkxaso eyandisiweyo kwiZikolo eziZimeleyo ezifumene umyinge wokupasa ongaphantsi kwezinga lokupasa lephondo kwiNSC.
- Ukuxhasa zonke iZikolo eziZimeleyo ezitsha neziqhuba ngaphantsi kwenqanaba elilelona liphezulu.
- Ukuqwalasela yonke imibuzo nezikhalazo malunga nokuqhutywa kwemimiselo.

***Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo***

Alukho

***Ukunxulumanisa intsebenzo neebhajethi***

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 3 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- linkxaso-mali ezinikwe izikolo ezizimeleyo ezinika imfundo esemgangathweni kubantwana abahlelekileyo.

***Inkcitho yeprogram esekelayo***

| Igama leProgram<br>eSekelayo | 2015/16                         |                  |   | 2014/15                         |                  |  |
|------------------------------|---------------------------------|------------------|---|---------------------------------|------------------|--|
|                              | Ulwabiwo<br>mali<br>lokugqibela | Eyona<br>Nkcitho | Inkcitho<br>(eGqithisileyo)/e<br>Ngaphantsi | Ulwabiwo-<br>mali<br>lokugqjela | Eyona<br>Nkcitho | Inkcitho<br>(eGqithi<br>sileyo)/<br>eNgapantsi |
|                              | R'000                           | R'000            | R'000                                       | R'000                           | R'000            | R'000  |
| 3.1 IsiGaba sePrayimari      | 57,480                          | 57,480           | -   | 49,358                          | 49,358           | -  |
| 3.2 IsiGaba seSekondari      | 37,904                          | 37,904           | -   | 40,487                          | 40,487           | -  |
| Zizonke                      | 95,384                          | 95,384           | -   | 89,845                          | 89,845           | -  |

#### **4.4 Iprogram 4: IMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfundo eziZodwa**

##### **Injongo:**

Ukunika imfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente zeMfundo eneemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act) noXwebhu IweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga neMfundo eBandakanya bonke abafundi. Oku kuquka ie-learning nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

##### **Iprogram yezeMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfundo eziZodwa iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo<sup>11</sup>:**

###### *Iprogram esekelayo 4.1: Izikolo*

Ukunika izixhobo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Oku kuquka ie-learning ne nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

###### *Iprogram esekelayo 4.2: UPhuhliso IweCandelo lezabaSebenzi (HR Development)*

Ukunika iinkonzo zesebe zokupuhlisa kwezobungcali kwezemfundo nolunye uphuhliso loottitshala nakwabo bangezotitshala abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa (oku kuquka nemfundo ebandakanya bonke abafundi).

###### *Iprogram esekelayo 4.3: liGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango*

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 4 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile (conditional grants). (Oku kuquka nemfundo ebandakanya bonke abafundi).

##### **IIInjongo eziCwangcislewe ngobuChule (Strategic Objective<sup>12</sup>)**

| <b>Iprogram 4: IIInjongo eziCwangcislewe ngobuChule (Strategic Objectives)</b> |   |
|--|---|
| <b>IIInjongo eCwangcislewe ngobuChule</b>                                      | Ukwandisa uthatho-nxaxheba Iwezfundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elaneldelwayo nekharityhulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda (Education White Paper 6)   |
| <b>IIInjongo yestetimente</b>  | <ol style="list-style-type: none"> <li>Ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukufumana ikharityhulam kwaye baphakamise ngokwaneleyo indlela abaqhuba ngayo kulgimi neMathematika.</li> <li>Ukuqinisekisa ukuba abafundi abajongene nemiqobo ebathintelayo ekufundeni okanye baneemfuno ezizodwa zemfundo bafumana ikharityhulam eyodwa ukuze bakwazi ukuqhuba ngelona nqanaba liphakamileyol;</li> <li>Ukupuhlisa inkqubela ekudityanisweni esekelwe kxisxhobo iSIAS ukuze abafundi bafumane inkxaso ekumgangatho ophezulu neluhlobo olfanelekileyo. Kuzo zonke iinkalo zezikolo zesiqhelo,ezinika iinkonzo ezipheleleyo kunya nezemfundo yeemfuno ezizodwa</li> <li>Ukunyusa inani labafundi abagcinwe kumagumbi okufundela beqhuba ngokuxhaswa ngeenkonzo ezikhethekileyo kusetyenziswa amaqela nezitraktsha ezikhoyo ezifana namqela enkxaso asezikolweni, amaqela enkxaso esekethe, izitraktsha zezithili, izikolo ezineemfuno ezizodwa, amaziko exihobo ezikolo ezineemfuno ezizodwa, izikolo ezineenkonzo ezipheleleyo/ezidibenisayo.</li> <li>Ukunika iinkonzo zenkxaso ekhethekileyo- inkxaso yemfundo eneemfuno ezizodwa, inkxaso yokufunda,iinkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni, iinkonzo zentlalo yasesikolweni, iinkonzo zonyango lomzimba, nezonyango lomphefumlo (therapy).</li> <li>Ukuseberzisana namanye amasebe namacandelo karhulumente ukunqanda nokuchonga ngethuba imiqobo ethintela ukufunda nenkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufunda kwabo okanye abaneemfuno ezizodwa</li> </ol> |

<sup>11</sup> linkonzo zasesikolweni zezemidlalo, ezenkcubeko nezamajelo osasazo azibandakanywa njengeprogram esekelayo nanjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi ungena phantsi kweSebe lezobuGcisa, iNkcubeko nezemidlalo

<sup>12</sup> Ziprintwe apha zonke IIInjongo eCwangcislewe ngoBuchule ngokweeNjongo eziCwangcislewe ngoBuchule zika 2015-2019.

***linjongo ezicwangcisiwe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi zifezekisiweyo***

Ngo-2014 iSebe leWCED belinezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezingama-72, zinabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa abangama-20 139.

Njengokuba isonyuka inkxaso efunyanwa zizikolo zesiqhelo, ngabafundi abaneemfuno ezizodwa abafuna inkxaso ezikwizinga eliphakamileyo abafakwa kwinkqubo yenxaso kwizikolo zeeMfuno eziZodwa nakumaZiko eziXhobo eZikolo zeeMfuno eziZodwa. Urukukwamkelwa kwezizikolo kuhlaziya qho ngonyaka ukuqinisekisa ukuba abafundi bagcinwa kwezizikolo kulungiselelwa xa kunokwenzeka kufuneke inkxaso emandla.

**IziPhumo zoVavanyo IweZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa**

Ngo-2015, ngama-1149 abaviwa abavela kwizikolo ezili-9 zemfundo eneemfuno ezizodwa ababhale iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Ezozikolo yiVista Nova, Tafelberg, Pioneer, Langerug, De la Bat, Athlone, Dominican Grimley (Hout Bay), ne Dominican (eWittebome). Zi-6 kwezili-9 izikolo eziphumelele ngezinga lokupasa elili-100%. IDominican iSikolo sabaNgevayo eWittebome, ibiqala ukubanabafundi bematrikhi, oko kwaqala isigaba se kholeji zeFET ngo 2013.

Kubafundi abangama-149 ababhale iimviwo, ngama-32 abafundi iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, bangama-81 abapase bafikelela kumanqaku okufundela iDiploma, basixhenxe abapase bafumana amanqaku okufundela isiDigri (Bachelor's pass). Isikolo iJan Kriel, siwongwe nguMphathiswa kaZwelonke wezeMfundu, ngokuba sesona sikolo seMfundu eneemfuno ezizodwa, esipaselwe kakhulu kwilizwe lonke ngo 2015.

**Uphuhliso IweZakhono zootitshala**

NgoDisemba ka-2014, kuye kwabhegezwa kwigazethi uMgaqo-nkqubo wokuHluza, ukuChongwa, ukuHlola neNkxaso (Screening, Identification, Assessment and Support) (SIAS). USIAS sisxobo sokuqondisisa abobafuna inkxaso, uhlobo lwenkxaso abayifunayo, nendlela yokunikwa kwayo. USIAS uzakuqinisekisa ukuba imiqobo ethintela ukufunda ibonwa kwanethuba ukwenzela abafundi abafuna inkxaso bathathelwe ingqalelo efanelekileyo kwanethuba.

Ngo-2015, iqela elenza umsebenzi oxananazileyo (transversal team) lifumene uqequesho kwiSIAS nakubuchule bokoHlukaniswa kweKharityhulam (Curriculum Differentiation strategies). Uqequesho ekoHlukanisweni kweKharityhulam luzakuxhobisa ootitshala ukuba bakwazi ukusingatha iimfuno ezalhukeneyo zokufundisa nokuhlola abafundi. IQela loQeqesho LwePhondo (Provincial Training Team (PTT)) lokuqequesha kuSIAS nasekwaHlukanisweni kwe Kharityulum, liquka abamele amacandelo eKharityulum, Uhlolo, uLawulu, uPhuhliso lootitshala, aQukanisayo naXhasa iMfundu yabaneeMfuno eziZodwa.

IPTT ikwiphulo lokuqequesha eliqua ukuqequesha kwabasebenzi besithili abanika inkxaso ekhethekileyo nonkwabamele izikolo ezingama-40 ezinika inkonzo epheleleyo (full-service)/equkanisayo. Oluqequesho luqukanise uqequesho kwinkqubo echasene nomkhetha ezakusetyenziswa kunya nabafundi.

Ootitshala bokunika iNkxaso kwezeMfundo (Learning Support Teachers (LSTs) bangaboludwe lokuqala Iwenkxaso eyongezelelweyo eziprayimari. Ngama-50% ootitshala be LST abaqeqeshwe ngo 2013/14 nango-2014/15 ngobuchule obikwizinga eliphezulu lokungenelela kupuhliso Iwezfundo zolwazi lokufunda nokubhala (literacy) nezolwazi lokusebeza ngamanani (numeracy). Ngo-2015/16 bangama-25% ootitshal beLST abafumene uqequesho. Ugenelolo IweeLSTs lunegalelo elihle ekupuhhliseni izakhona zabafundi kwizifundo zolwazi lokufunda nokubhala (literacy) nezolwazi lokusebeza ngamanani (numeracy), kwisiGaba esisiSeko, ingakumbi abafundi beBanga-1.

Ngobambiswano neCTLI, kuye kwaziswa iikhosi ezahlukeneyo ezimayelana neMfundo eQukanisayo (Inclusive Education) kwakunye nokujongana nemiqobo ethintela ukufunda. OOtitshala baqequeshwae ngokumsebenzi wamaqela enkxaso ezikolo.

Ngo-2015 izikolo ezibekwa phambili (flagship) ezinika inkonzo epheleleyo/ezidibenisayo ziye zanika iiwekshopu malunga neMfundo eQukanisayo kungachithwwanga mali" ("Inclusive Education at no cost") kunye "noLawulo kumaGumbi okufundela kwiNdawo eQukanisa abafundi bonke" (Inclusive Environment).

IKharityulam yo Lwimi loMjeku IwaseMzantsi Afrika (South African Sign Language (SASL), iyaqhutywa kwizikolo zontlanu zemfundo yeemfuno ezizodwa kusenzelwa abaNgevayo kusetyenziswa uSASL. Ngaphezu koqequesho IweSASL yeQela loQequesho likaZwelone, iSebe leWCED yenze ukuba kubekho uqequesho olongezelelweyo. Ngootitshala abangama-22 (80%) bezizikolo zikhankanywe ngentla apha abazigqibileyo izifundo ngoqequesho kwiSASL Linguistics, kwiYunivesithi yase Free State okanye kweyaseStellenbosch.

Amaziko eziXhobo (Resource Centres) zeZikolo zeeMfundo eziZodwa enze iwekhshop ngezinto abanobuchwephesh kuzo, umz. imingeni eThile yokuFunda Specific (Learning Disability), ukungakwazi ukufunda (Learning Disorder), UkungabinakuZinza eNgqondweni (Attention Deficit Disorder), nangezinye iindlela zokuHlola. Iqela lephulo labamaNqanaba okuSilela ekuThetheni nasekwakheni ubuHlubo (Autism Spectrum Disorder) liyle ikhosi yoPhuhliso oluQhubeketayo lobuNgcali (Continuous Professional Development (CPD)), khosi leyo eakhredithiwe liBhunga IaseMzantsi Afrika leeNgcali kwezeMpilo (Health Professions Council of South Africa (HPCSA)). Enye ikhosi eyilwe lelicandelo eyaakhredithwa yiCPD, yikhosi yoqequesho kwiMikhwa eseSikweni yePsychologists (Ethics for Psychologists). Ezikhosi zibangele ukuba abasebenzi abakhethekileyo bakwazi ukufumana amanqaku eCPD ayimfuneko kumalungu eHPCSA.

OnoNtlalontle baqequeshwae kwimiGaqa (Protocol) ehlaziywego, yeWCED, yokuXhatshazwa kwabaNtwana (Child Abuse) nangeendlela ezintsha zokungenelela ngoncedo emva kwasiganeko esixhela umphefumlo (post traumatic) ebantwaneni nasemakhayeni. UkuXinzelelo lokuxheleka komphefumlo zizophumo ezingathandekiyo zentlalo yobundlobongela kwindawo zoluntu, kwaye zinefuthe elingelihlanga ekufundiseni nasekufundeni.

UQequesha kwiSASL kwabafundi boPhuhliso IweMfundo yabaNtwana abasaQalayo (Early Childhood Development) (ECD) nakumaNqanaba okuSilela ekuThetheni nasekwakheni ubuHlubo (Autism Spectrum Disorder) kuqalsiwe kwikholeji zeFET ezintlanu zeSebe iWCED. liprekhtishina zokuqala ezixhotyiswe ngoluqequesho zifumene izidanga zazo ekupheleni kuka

2015. Zingama-76 iiprekthishina ezifumene uqequesho kwi SASL, ngama-35 eziqequeshe kumaNqanaba okuSilela ekuThetheni nasekwaKheni ubuHlobo (Autism Spectrum Disorder).

### **Inkxaso**

Ukungezelelwa amandla okujongana nemiqobo ethintela ukufunda nokufundisa okudibanisa ngaphezulu kunakuqala. iINkonzo eziKhetekileyo zokuXhasa (Specialised Support Services), ziguqule ukugxila kwazo ukwenzela ukuba zisolise ekuqwalaseleni ngethuba nakungenelelo olunqanda okungekehli (preventative interventions), ingakumbi kumaBangar nel-1. iISayikholojist zezikolo, oonoNtlalontle, abaCebisi bezifundo kumaziko ezeMfundoo neeTheraphisti, baphuhlisa izakhono zootitshala zokusebenzisa amangenelelo kumagumbi okufundela. AbaCebisi bokunika iNkxaso (Learning Support Advisors) kumaZiko ezeMfundoo nootitshala bokunika iNkxaso kwezeMfundoo eZikolweni, bagxile kakhulu ekuphuculeni indlela ekuqhutuwa ngayo kulwimi nakwimathemathika.

likomiti zesithili zisekiwe ukwenzela ukuba zijongane nokufunda, ukufundisa kune nokuhlolola ukulungiselela ukuze ukusingatha ukohluka kwabafundi umz., ukusetyenziswa kweendlela zokuhlolola ezizezinye nokulinganisela abanfundi. linkcukacha malunga nemiqobo ethintela ukufunda zifumaneka kwi-website, kwiiphampulethi, nakwiDVD. Kuyilwa, ngoku ikhos iyeintanethi engeMfundoo eQukanisayo.

Kuyilwa iisistim ezizakulandelela kwaye zishicilela kuCEMS iindlela ekuqhutuwa ngazo ungenelelo lokunceda abafundi, ukwenzela kuqondisiswe ngazo ukuze kuphuculwe izicwangciso zongenelelo olufanelekileyo no kuphuculwe nokusetyenziswa kwezixhobo ezikhethekileyo ezingqabileyo.

*UkuPhuhliswa kwezikolo zesiqhelo zibe zezinika iinkonzo epheleleyo (full-service)/ezidibeneyo*

Izikolo ezingama-40 izikolo ezichongelwe ukunika inkonzo epheleleyo (full-service)/eziqukanisayo zinewe uncedo lokuphuhlisa izixhobo zazo zokunika iinkonzo kwiimfuno zonke ezipodwa, kugxilwe kakhulu kwinqanaba eliphantsi neliphakathi lenxaso. Ingxelo ngezoqequesho olunikiwe izikolo sele ichaziwe kwicandelo elingentla apha loPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi (Human Resource Development). Inkxaso enikwe izikolo, ingakumbi kumaqela enkxaso asezikolweni iiphinde yanikwa liqela lesithili leenkondo ezikhethekileyo kune neqela lephulo lemfundo equkanisayo elikumaziko ezixhobo (resource centres) ezikolo zemfundoo eneemfuno ezizodwa.

Zili-107 izikolo zeliphondo ezine "unit classes" "amagumbi okufundela anabafundi abaneemfuno ezifanayo", ezinika inkxaso ekhethekileyo neyongezelelwego. La magumbi okufundela anabafundi abaneemfuno ezifanayo ayaguqlwa ukwenzela ukuba abe "ngamagumbi okufundela ancedisayo" ("resource classes") nanika inkxaso kubafundi abafuna inkxaso ekwinqanaba eliphakathi. Laa magumbi okufundela akwanguvimbawoncedo kubo bonke ootitshala abafuna iingcebiso, nakubafundi abakwesisikolo abanemiqobo ethintela ukufunda.

Njengokuba iminyaka ihamba, zonke izikolo zizakuphuhliswa nangaphezulu zibe zizikolo eziquka imfundu yeemfuno ezizodwa, ukuze izikolo ezinika inkonzo epheleleyo (full-service)/eziqukanisayo zibezizikolo zebhongo (flagship schools). Ezikolo ziphuhliselwa ukuba zide zibe ziindawo zezithili ekudityanelwa kuzo eziquka bonke (inclusive hubs), nalapho kukhuthazwa khona ukwabelana nezikolo zesiqhelo ezingqongileyo, ngamava nezixhobo zemfundu ezisebenzayo.

*Utshintsho Iwezikolo eziZodwa zibe ziZikolo eziZodwa eziNamaziko ezixhobo zokufunda (Special School Resource Centres)*

Izikolo ezingama- 24 eziZikolo eziZodwa ezinamaziko ezixhobo zokufunda (Special School Resource Centres) ziye zaxhamla kuphuhliso lwabantu, Iwezakhwiwo kunye nematiriyeli ukuzinceda ukuba zandise ukufikelela kwazo kwezinye izikolo zinikeze uncedo. Angama-21 amaqela oncedo eMfundu eQukayo (Inclusive Education outreach teams) amiselwego nezikolo zeemfuno ezizodwa ezi-3 ezinematiriyeli ezinceda ezinye izikolo. I-Assistive devices loan centres ziye zamiselwa kwiZikolo eziZodwa ezinamaziko ezixhobo zokufunda (Special School Resource Centres) ezi-8 , isenta inye kwisithili. I-Assistive devices ziyabolekiswa kubafundi abakwizikolo ezizodwa okanye eziqhelekileyo.

#### *Inkxaso yeZikolo zeMfundu eneeMfuno eziZodwa*

Uxanduva lokuphendula ngokwenziwayo lunatyiswa ngemisebenzi yokongamela edlalwa liSebe likaNondyebo wePhondo nokaZwelone (Provincial and National Treasury) ngokwemingxilo enyanzelekileyo yemijikelo yokucwangcisa nokunika ingxelo, mijikelo leyo iquka imiba yezemali nengeyoyamali. Izithuba zokunikwa kwengxelo zezenyanga (umz. eyeemali), ikota okanye unyaka. Onke amacandelo aphantsi kweSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundu esisiseko okanye iSebe leMfundu ePhakamileyo noQeqesho) (Higher Education and Training) aphoon kugcinwa khona iingxelo ezilandeelanayo, ingcaciso ngocazululo Iwentsebenzo noqikelelo lokuza kwenziwa. ISebe lenkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela kwiiprojekthi eziphambili zeSebe iWCED. linkqubo zophicotho IwangaPhakathi nolwangaPhandle zongeza ekulawuleni iinkqubo zolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselwego obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelone elijongene neziphumo zokufunda. Obu budlelwane busekelwe ekumodareyithweni kwangaphakathi kweenkqubo zokuhlola kanye nokunika kweenkqubo ezamkelekileyo zeemviwo.

Ngokufanayo nawo onke amasebe karhulumente elizwe jikelele, iWCED iye yathatha inxaxheba kukubeka esweni iziqalo ezitsha (innovation) zeSebe likaMongameli (Presidency), isiXhobo sokuHlola iNtsebenzo yabaLawuli (Management Performance Assessment Tool (MPAT) eye yaphonononga iinkalo ezi-4 zolawulo, ezizezi: uCwangciselokusebenza (Strategic Planning), iCandelo lezabasebenzi, uLawulo nokuThatha uXanduva (Governance and Accountability) kanye noLawulo IweeMali. Ibingumsebenzi oxabisekileyo lo.

UkuHlolwa kweSikolo siPhela (Whole School Evaluation) kusaqhuba nokunika umfanekiso ongapheleli nje kwiimfuno zenxkaso zesikolo ngasinye, kodwa nayo nemiba ebonakalisa inkqubo yezemfundu (systemic issues). Izihlandlo zotyelelo ezimfutshane zenziwe kwizikolo ezincinci okanye ezo beziqhuba kakuhle. Ubude obungalinganiyo bezihlandlo zotyelelo benze ukuba kutyelwe nezinye izikolo. Izikolo zinika iikhowudi ngokwemilinganiselo (ratings) yeWSE. Okufunyanisiweyo kuye kwasasazwa kuluhlu lweengxelo ezongeza kwiingxelo ezinzulu, ezinkwe eso sikolo kuthethwa ngaso.

Zonke izikolo ziye zagcwalisa iziCwangciso zoPhuculo IweSikolo (SIPs) kwi-intanethi, zinethagethi yeminyaka emi-3, apha bekuchatshazelwa inkqubo yezemfundu; ukugqibelela kolawulo (njengokulawulwa kokungahambi sikolo kootitshala nabafundi kune nocwangciselokufunda); ukufumaneka kwezixhobo kune nokulungiswa kwesikolo. Izalathi ezingqinelana neethagethi zikazwelonke zihambelana neenkalo ezili-9 ekugxilwa kuzo xa kusenziwa ukuhlolwa kwesikolo siphela. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esinje lelokuba zonke izikolo zigxininisa ekuqhubeni amaphulo ongenelelo loncedo oluphambili lophuculo (key improvement interventions). iSIP zikwayinxaleny yendlela yokumelwa kukuphendula (accountability system), nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyinqununu, iSGB neSebe iWCED. Izikolo ziye zanika neziCwangciso zokuSebenza (Action Plans) ezibonisa amanyathelo ezinokuwathatha ukufezekisa iithagethi ezibekiweyo.

Ngo-2015/16 kuye kwaBekwa eSweni uPhuculo Iwezikolo (School Improvement Monitoring) Iwekota, apha bekubekwa imiba ephambili yokuxhasa ngezixhobo ukusebenza kwesikolo, umz. ukonyulwa kweeSGB, ukulungela ukuqala unyaka. Ngenxa yokuba iingxelo zifakte kwi-intanethi, idatha ibinokufumaneka ize isetyenziselwe ukuphucula inkxaso. Ngokukodwa, umzekelo, idatha iye yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa ezikolweni kweencwadi zokusebenzela (workbooks).

## 2. ULawulo IwemiNgcipheko

IGosa IoCwangciso-mali leSebe leMfundo lithatha uxanduva lokusebenzia i-Enterprise Risk Management ngokungqinelana neNational Treasury Public Sector Management Framework kune neDirectorate Enterprise Risk Management kwiSebe leNkulumbuso inikeza eli Sebe inkonzo yenqxaso ecwangcisiweyo elawulwa kwandlunkulu.

Ngokuhambelana nenational Treasury Public Sector Risk management Framework kwanokumilisela ngaphezulu ulawulo lolahleko kwiSebe leMfundo, URhulumente waseNtshona Koloni uvume ngokusemthethweni uxwebhu IoMgaqo-nkqubo weERM olucacisa injongo yeWCG ngokunxulumane neERM ngokupheleleyo. ISebe eli liye lathatha phantsi kwalo isiCwangciso-nkqubo se-ERM seminyaka u-2015/16 no2016/17, esivunywe liGosa IoCwangciso-mali ngomhla wesi-6 kuCanzibe (May) ka2014 kune nesiCwangciso sokuQhutywa kwe kwe-ERM esivunywe liGosa IoCwangciso-mali ngomhla wesi-28 kuTshazimpuzi (April) ka-2015. Esi siCwangciso sokuQhutywa kwe-ERM siye savulela ukusetyenziswa kuMgaqo-nkqubo weWCG ERM kune nesiCwangciso-nkqubo se-ERM yaye sicacisa indima noxanduva Iwabalawuli nabasebenzi abathwaliswa uxanduva lolawulo Iwemingcipheko kwiSebe.

Qho ngekota, eli Sebe lihlola imingcipheko ebalulekileyo enokuba nefuthe ekufezekekisweni kweemfuno zalo, kakubini nangokwengccaciso-nkqubo neyeeprogram. Imingcipheko

ibekwe ngokokubanako ukwenzeka kwanefuthe layo (angundoqo naseleyo) kwaza kwavunywa indlela zokuyithomala lisa ukwenzela ukunciphisa imingcipheko ibe kumanqanaba amkelekileyo. Imingcipheko emitsha/esavelayo iye yachongwa ngethuba lenkqubo yokuhlala kwekota.

ISebe liye laseka iKomiti IwemiNgcipheko yiZiko (Enterprise Risk Management Committee) ukuba lincedise iGosa loCwangciso-mali ekwenzeni uxanduva Iwayo ngokunxulumene nokulawula kwemingcipheko. Le Komiti iseberenza phantsi kwemiMiselo yokuSebenza (Terms of Reference) evunywe liGosa loCwangciso-mali ngomhla wama-30 kuTshazimpuzi (April) ka-2015. I-EMRCO iye yamkela uvavanyo Iwemiphumela yeziwangciso ezibekelwe ukujongana nemingcipheko ngakwiSebe yaze yafaka isindululo sokwenziwa apho kufanelekileyo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye yajonga ngokuzimeleyo ukuseberenza kwendlela yolawulo Iwemingcipheko IweSebe. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi iye yanikwa iingxelo zeKota zenkqubo yeERM kune nobume (profiles) nobhaliso (registers) Iwemingcipheko yamasebe ukuze le komiti ikwazi ukwenza umsebenzi wayo wokujonga ngokuzimeleyo indlela aqhuba ngayo amasebe. Uhlolo IweKomiti yoPhicotho-zincwadi olujongane nenkqubo yolawulo Iwemingcipheko Iujoliswe kwinkqubo yokuqhutywa kweSicwangciso sokuQhutywa kweERM nemingcipheko ejongene neSebe kwaye nesicwangciso-nkqubo/iindlela zokujongana nemingcipheko zalo.

### **Ifuthe kwintsebenzo yeziko**

Ngokuxelwa siskhokelo soNgxelo yoNyaka esiphunyezwe yiNational Treasury kufuneka kubekiwe ukuba isebe/iziko liyayibona na inkubela-phambili yolawulo Iwemingcipheko okanye ayiluboni, ichaze ukuba le nto iyizalisekile na ukwenza ngcono kwindlela isebe lenza ngayo, kwaye ukuba akunjalo, ibeke izicwangciso zoba izojongana njani nengxaki leyo. AmaSebe ayabongozwa ukuba ayicinge le nto aze anikeze ingxelo emfutshane ukuba babona imfuneko.

### **3. Ubuqhetseba nobuqhophololo**

URhulumente waseNtshona Koloni wamkele ngokusemthethweni isiCwangciso-nkqubo esiChasene nobuQhetseba (Anti-Corruption Strategy) esingqina isiggibo sokunganyamezeleki nakanye (zero tolerance) kobuqhetseba nobuqhophololo kweli Phondo. ISebe livume ngokusemthethweni isiCwangciso sokuQhutywa kokuThintelwa kweNkohliso (Fraud Prevention Implementation Plan) nesisiqhamo sesiCwangciso sokuThintelisa iNkohliso (Fraud Prevention Plan).

Amajelo ahlukeneyo okuchaza izityholo zenkohliso nobuqhophololo akho kwaye yaye acaciswe ngokupheleleyo kwisiCwangciso-nkqubo esiChasene nobuQhetseba sePhondo (Provincial Anti-Corruption Strategy) nakwisiCwangciso seSebe sokuThintelisa iNkohliso (Departmental Fraud Prevention Plan). Isityholo ngasinye esifunyenweyo yiForensic Investigation Unit sirekhodwe kwiSistim yokuLawulwa kwamaTyala (Case Management System) nesetyenziswa njengesixhobo sabaphathi sokuchaza inkubela esele yenziwe malunga namatyala anxulumene nesebe eli kwanokukhupha iinkcukacha-manani zePhondo nezeSebe.

Thina siyabakhusela abasebenzi abahlaba umkhosi (blow the whistle) malunga nezenzo ezikrokreleka njengeziyinkohliso, ubuqhophololo nobusela ukuba ingxelo leyo yingxelo ekhuselekileyo (o.k.t. efezekisa iimfuno zemithetho, umz. yenziwe ngokungaxhibanga kwenza nkohlakalo). Ithuba lokungazichazi igama liyanikwa kuye nawuphi na umntu onqwenela ukuchaza izenzo zenkohliso, ubusela nobuqhophololo kwaye kufuneka oko kwensiwe nguye buqu, iinkcukacha zokuba ungubani zigcinwa ziyimfihlo ngumntu lowo anika ingxelo kuye.

Thina siyabakhusela abasebenzi abahlaba umkhosi (blow the whistle) malunga nezenzo ezikrokreleka njengeziyinkohliso, ubuqhophololo nobusela ukuba ingxelo leyo yingxelo ekhuselekileyo (o.k.t. efezekisa iimfuno zemithetho, umz. yenziwe ngokungaxhibanga kwenza nkohlakalo). Ngenxa yoko, uMgaqo-nkqubo woHlabelo-Mkhosi wavunywa ngomhla wama-24 kweyoMdumba (February) ku-2016 ukuze inikeze abasebenzi izikhokelo ngokunyusa iinkxalabo nabaphathi abafanelekileyo, specific designated persons kuRhulumente waseNtshona Koloni okanye kumaziko angaphandle, apha kukholelekayo ukuba izenzo zobugwenxa bezenziwe okanye ziyanziwa ngaphakathi koRhulumente. Ithuba lokungazichazi igama liyanikwa kuye nawuphi na umntu onqwenela ukuchaza izenzo zenkohliso, ubusela nobuqhophololo kwaye kufuneka oko kwensiwe nguye buqu, iinkcukacha zokuba ungubani zigcinwa ziyimfihlo ngumntu lowo anika ingxelo kuye.

Yakuba iqinisekisiwe inkohliso okanye ubuqhophololo, emva kokwensiwa kophando, abo basebenzi bachaphazelekayo abaye baxelwa njengabathathe inxaxheba kwezi zenzo baya kuthathelwa amanyathelo ngokubizelwa kwiingxoxo zoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG oqalisa ngamanyathelo oluleko kufuneka acebise malunga nokugxothwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apha kukho ubungqina obuphathekayo besenzo solwaphulo-mthetho buqatshelwego, isenzo eso solwaphulo-mthetho sichazwa kwiINkonzo zaMapolisa laseMzantsi Afrika (South African Police Services).

Ngalo nyaka-mali, iPFS igqithise ngeCase Movement Certificate ebonisa oku kuhamba kwamatyala eSebe:

|   |           |
|---|-----------|
| Amatyala aphandwayo nge-1 kuTshazimpuzi (April)ka2015                     | 14        |
| Amatyala amatsha axeliwego ngonyaka2015/16                                | 29        |
| Amatyala avaliweyo (2015/16)  | (17)      |
| Amatyala adlulisiwego (2015/16)   | (15)      |
| Amatyala adityanisiwego (2015/16)   | (1)       |
| Amatyala aphinde anotshintsho (reclassified cases)(2015/16) <sup>15</sup> | 1         |
| <b>Amatyala avuliwego njengoko kubhaliwego ngama-31 ku(March) ku2016</b>  | <b>11</b> |

Le tafile ilandelayo ichaza kabanzi ngala matyala avaliweyo axelwe ngentla:

| Iziphumo zamatyala avaliweyo   | Inani |
|--|-------|
| <b>Isiphumo</b>  |       |
| Iztyholo acacisiwego (Allegations substantiated)   | 7     |
| Kuphandwe amaqalela kuphela akwabikho ziphumo(Only preliminary investigation with no findings)   | 6     |
| Kuphandwe amaqalela kuphela akwabikho ziphumo kodwa kwakho iingcibiso (Only preliminary investigation with no findings but with recommendations) | 4     |

<sup>15</sup>Lo mba wadluliselwa kwiSebe, elathi emva kophando lwamaqalela,lachaza ukuba kudingeka uphando lweforensic.

#### **4. Ukunciphisa uNgqubano Iwemidla**

Ele konyaka, okanye xa iimeko zithe zatshintsha, amalungu enkonzo yabalawuli abaphezulu kumele bazalise baze bangenise ingxelo 'yokungangachaphazeleki ekungqubaneni kwemidla'. Onke amalungu eKomiti eBhidi nabo bonke abasebenzi kwiCandelo lokulawula uthengo-mpahla kumele beyele ukhangelo lokungachaphazeleki emva kokuba bengenise iingxelo ezidingekayo ezilindeleke kubo, ukuze kungabikho naliphi na igosa elizothatha inxaxheba kuwo nawuphi na umsebenzi apha kungakho ungquzulwano Iwemidla. ISebe libongoza zonke iinkampani ezifaka ibhidi zichaze ubudlelwano obunabakho nomqeshi okanye abasebnzi. Amalungu eKomiti yoPhicotto-zincwadi nawo kufuneka engenise ingxelo 'yokungachaphazeleki ekungqubaneni kwemidla'. Kulo nyaka-mali sitetha ngawo, bekungekho ngquzulwano Iwemidla efana nale.

#### **5. Imigaqo yokuziphatha**

ISebe liyayilandela imiGaqo yokuziphatha yeeNkonzo zikaRhulumente

UMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kweZipho ngamaGosa ase-Ofisini eSebe lemfundo lentshona Koloni ugqithisiwe. UMgaqo-nkqubo ujongene, phakathi kwezinye izinto, izikhokelo ngokubanzi, uBhaliso IweZipho, iindlela zokuzaliswa kweeFomu zokuXela, ImiBuzo eThanda ukuBuzwa kunye netemplate yoMgaqo-nkqubo yoBhaliso IweZipho.

#### **6. Ezempilo, ezoKhuseleko nemiba yendawo esihlala kuzo**

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mceli-mngeni mkhulu yaye neSebe lakhe ubudlelwano namanye amaSebe ephondo achaphazelekayo ukuze bajongane nalo mba. UkuZibandakanya koluntu ushiyeka ungowona mba uphambili ekulweni ubudlobongela obuchaphazela ezinye izikolo eseziphekcwani. ISebe likwanazo neekhamera zeCCTV elizifake kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo ziyibeka esweni intshukumo eyenzekayo.

#### **7. Likomiti zeePotfoliyo**

Awuzichaphazeli lo mba.

#### **8. Izigqibo zeScopa**

Ingxelo yeKomiti esisiGxina yezeMfundu (Standing Committee on Education) emalunga neNgxelo yoNyaka yeSebe leMfund leNtshona Koloni iphele ngowama-31 ku (March) ka-2015 ebhalwe ngokuba ingosuku lwama-25 kweyeNkanga (November) ku-2015 ishwankathelwe apha ngezantsi.

IKomiti iluthathele ingqalelo ulovo lokuphicotha loMphicotti-zincwadi Jikelele malunga neeNgxelo zeMali zoNyaka (Annual Financial Statement) zeSebe leMfund zonyaka-mali ka-2014/15, inikwe ulovo lophicotzo-zincwadi olungenachaphaza. Olu luvo lophicotzo-zincwadi ibe loluncumisayo ngoba ngonyaka-mali ka2013/14, ISebe leMfund lazifumana lingenamakhwiniba (unqualified opinion), njengobekufunyaniswe kwimithetho nemimiselo,

iingxelo-mali ezazifakiwe ezazingabhalwanga ngokukonke kunye nemiba yokunikwa iinkonzo.

ISebe leMfundu laseNtshona Koloni lichithe iR17, 001bn kwiR17, 026bn ebibekiwe, nto leyo ebangele uchitho-mali olungaphantsi ngeR25,059m (0,15%), njengoko kutshiwo kwiphepha 168 leNgxelo yoNyaka 2014/15. Njengoko kutshiwo kwizinto emaziqatshelwe, eyesi24.3 yeengxelo-mali, inkcitho-mali engenananzozo ekwisixa seR1,575m ibichongwe ngethuba lonyaka-mali ka2014/15.

ISebe liye lanazo neereceipt ezichaza iR34,689 million enerevenue esuka kwezi zilandelayo:

- Iintengiso zempahla neenkonzo ngaphandle kweecapital assets;
- Izohlwayo nokulahlekelwa;
- Inzala, izahlulo nokuqashwa komhlaba; kunye
- neetransaction kwii-asset zezimali namatyala.

Malunga nezinto zolawulo zokuphuculwa, iKomiti iye yakhuthaza iSebe ukuba lijonge ezi ndawo zidinga ukuphuculwa ebezikhankanyiweyo, ezifana nezi:

- IProjekthhi yeziKolo eziKhuselekileyo;
- I-Early Childhood Development (ECD) Transfer Payments;
- ISupply Chain Management (SCM) Operations kunye
- neSCM Operations: iProcurement engaphantsi kweR30 000.

IKomiti ikhuthaze iSebe leMfundu ukuba lihlale lijongane nezinto ezifuna ukuphuculwa esezipikiwe ngentla. Ukuba alenzi njalo, iSebe lingabuyela kuphicotho-zincwadi olungenamakhwiniba olunezimvo malunga nenjongo ezicwangciswe ngaphambili. IKomiti iye yavuyisana neSebe ngokuphucula ithuba layo lokuqokelela amatyala ebejisuka kwiintsuku ezingama55,4 ukiza kwamabini (2).

IKomiti akhange yenze zandululo kwisebe.

ISebe leMfundu laseNtshona Koloni linikeze iKomiti olu lwazi lulandelayo njengoko belubongozive:

- Uluvo lomthetho luvela ngomba weLearner Transport Scheme kuquka nengxelo yophando kwa kulo mba umnye, njengokuba ibhalwe kwiphepha 123 kwiNgxelo yoNyaka ka-2014/15.
- Zonke izicwangciso zokuphumeza malunga neendibano zokuqinisekisa ebezivuniwe kwisiCwangciso soPhicotho-mali sangaPhakathi sango 2014/15, esiqua iSafe Schools, ECD neSCMO, njengokuba kuchaziwe kwiphepha 123 leNgxelo yoNyaka.
- Uluhlu lwabo bonke abacebisi abatyunjwe ngenkqubo yeSCM, njengoko kuchaziwe kwiphepha 208 loNgxelo yoNyaka 2014/15.

## **9. UTshintsho IwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi**

Isebe lilungisa isiCwangciso sokuPhuculwa kokuLawulwa kweMali (Financial Management Improvement Plan) (FMIP) esijonge kwimiba yokungalandelwa kwemithetho exelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Esi sicwangciso siqinisekisiwe ngokomgangatho yaye

noMphicothi-zincwadi Jikelele kuyathethwa naye ngalo mba. Ukunikwa kweengxelo kwengxelo malunga nenqubela kwikomiti yophicotho lwesebe (Departmental audit committee) nako kwenziwe.

| <b>Uhlobo lwekhiniba (nature of qualification), iinkcukacha ezingaphelelanga (disclaimer), ukungangqinelani kwengxelo nemali (adverse opinion) kunye nemiba yokungalandelwa komthetho (and matters of non-compliance)</b> | <b>Unyaka-mali ekuqale ngawo ukwenzeka oku</b> | <b>Inkqubela esele yenziwe ekucaciseni/ekusombululen lo mba</b>   |
|---|--|---|
| Icereal/isidlo sasekuseni asiphakwa ezikolweni  | 2013/14  | Ukuze kujongwane nale miba ivusiweyo, iSebe lathatha inyathelo lokudlulisa uMinute 0001/2015 kwizikolo zonke.   |
| Izidlo zilungiselelw ngokungahambelani nokutya okubekiweyo kunye nemenyu evuniyiweyo  | 2014/15  | iSebe laya kuDBE ukuze lohlwaye inyathelo elathathayo kwiveki yokugqibela yethemu ukuze kungabikho nkcitho. Iprotocol yeemviwo ekhokela ulawulo leNSNP ngexesha leemviwo yenziwa. yenziwa   |
| Abantwana besikolo abatyiswa yonke imihla   | 2014/15  | Ukuqinisekisa ulandelo ezikolweni ngokujoliswe kuzo ukuze zibekwe iliso kwiisethyula ezikhoyo ezijongene notyiswa njengomlinganiselo ozonceda.  |
| Uchitho-mali olutenxileyo olungafakangwa ndaweni iyiyo Iwangachazwa ngendlela eyiyo   | 2014/15  | IYunithi yoLawulo yoLahleko ijonge futhi indlela ekubekwa ngayo izinto ezingenayo kwirejista yochitho-mali olutenxileyo kunye nesibhalo esitsha sochitho-mali esingaqhelekanga ebesityaniselwe ukuchazwa kwiingxelo zemali.   |
| Inqaku elichazayo lenkcitho-mali etenxileyo   | 2014/15  | Imigaqo kaNondyebo kaZwelonke yenkcitho engalindelekanga ithi: "itemplate yamaxwebhu eengxelo zemali onyaka(annual financial statements) funeka asetyenziswe ngokuhambelana nemCS anikeze iformati apho inkcazo ngenkcitho engaqhelekanga ibhalwa khona kumaxwebhu eengxelo zemali onyaka." Imisstatement yenzeka ngenxa yokublokwa kwecell kwitemplati kaNondyebo kaZwelonke. iSebe alikwazanga ukwahlula amanani angenisiweyo kodwa linawo amanani azimeleyo. Ixwebhu leWord (word document) lalungiswa ukuze libonise amanani nenkcazelozilungileyo. |
| Ukuchazwa kwekcitho engeyonzozo enganyanisekanga  | 2014/15  | ILoss Control Register entsha yenziwa nguCe-I kunye neProvincial Treasury yaye inikeza ngolwazi njengokucelwe kwirejista emiselweyo yeNational Treasury. linkqubo zengxelo-mali nengxelo yenziweyngemiqathango yemigqaliselo zikaZwe. IYunithi yLawulo zeLahleko izojonga onke amatyala abekwe kwirejista kwaye apho kufanelekileyo, iyotshiwo futhi ingcaciso yeengxelo-mali.  |
| Ischedule yokuzibophelela enganyanisekanga  | 2014/15  | iSebe liyokujonga futhi ngakutsha ubume beekontrakhi zonke. Ingceaciso kwiingxelo zemali iye yachazwa futhi iSebe liye lenza uvavanyo qho ngeekota ukuze liqinisekise ukuba zonkeimbophelozecapital ezichaziweyo ziinyani, zichanekile kwayezigqityiwe.   |
| Udluliso lwee-asset ezimileyo   | 2014/15  | Inqaku eli lalungiswa yaza ugqithiselo lwenziwa ngonyaka-mali ka2015/16.  |
| Inkcitho-mali yeLearner Transport Scheme- Inkcitho engenanzozo ayibekwanga  | 2013/14  | Uxanduva ngoko kwii-ofisi zesithili zokuqinisekisa iindlela zokufaka isicelo lusamile kwaye lujongwe esweni. Ifomu yokufaka isicelo yeLTS iye yalungiswa yacela izithili zibe nabantu ababini, ukusukela komnye, ukuba benze imilinganiselo baqinisekise imida yemizila.  |
| Ukwahluka okukhoyo kumaXwebhu eNgxelomali   | 2013/14  | iSebe lizoghubeka nokubeka phantsi kweliso ukungabikho mpazamo kulwazi olubhalwe kwiingxelo-mali zalo zolawulo zangaphakathi.   |
| Ukungabikho komthetho wengxelo yabaphathi ababalulekileyo   | 2013/14  | Umthetho we-accounting wakhutshelwa kwitemplate yeNational Treasury ebingenayo iKey management Personnel kuyo. I-AFS iye yaphinda yalungisa ukuze iquke umthetho weKMP.   |

## 10. IYunithi yoLawulo IwangaPhakathi

IDirectorate yoLawulo yangaPhakathi yenze le misebenzi ilandelayo:

1. Iye yaqhuba inkqubo yokuxhasa ulawulo olululo
2. Yaseka iSistimu yoLawulo IwangaPhakathi oluDibeneyo (Integrated Internal Control System): yagcina yaza yahlaziya idathabheyisi yemiGaqo-sikhokelo yezoMthetho yaza yaqinisekisa nangokuqhutywa kokutshintshaniswa kwemigaqo-sikhokelo.
3. Yagcina irejista yoPhando malunga nemiCimbi yeMali (Forensic Audit): yanika kwiingxelo zenqubo zamatyala eFIU eya kuNdlinkulu nakwiZithili yaza yaxela kwiSebe leNkulumbuso namalunga nerejista yeFIU yesebe ehlaziywego.
4. Iqlunqe imigaqo-nkqubo, iindlela emazilandelwe neenkqubo eziphathelene neyunithi yolawulo Iwangaphakathi.
5. Yabeka esweni ukulandelwa kweendlela ezibekiwego: yalawula yaza yayila isixhobo sokusebenza ngokulandela iindlela ezibekiwego; yahlaziya esi sixhobo ngokuhambelana nomthetho okhoyo ngoku ukwenzela ukubhaqa iindlela ezinokukhokelela ekuqatshelweni kobuthathaka kule sistim yolawulo Iwangaphakathi.
6. Yaphonononga ukusebenza nokuqhutywa kweendlela ezibekiwego kwezemali: yaggiba ukuhlola okwenziwa ngaphakathi esebe; yabeka esweni indlela eziqhuba ngayo iiNkokeli (Champions) zeSCM.
7. Yaphononongo iirejista zemingcipheko yesebe: yalungisa yaza yagcina irekhodi yeengxelo zemingcipheko; yasebenza neyunithi yeERM kune noPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi malunga nemingcipheko yesebe.
8. Ukunikwa kweeNkonzo zoQinisekiso IwemiGangatho Iququzelele uPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi nolwangaPhandle: ibeke esweni inkqubela malunga neengcebiso kwingxelo yabaphathi nakwiingxelo zophicotho-zincwadi Iwangaphakathi; icazulule yaza yaphumeza iimpendulo zabaphathi; inike izimvo nengcebiso.
9. Ichaze imiba kwikomiti yoPhicotho-zincwadi i-AC: yanika izimvo (comments) malunga nobume besicwangciso sophuculo lolawulo Iwemali kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

## 11. IKomiti yoPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi neKomiti zoPhicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi IwaNgaphakathi lunika iinkonzo ezizimeleyo, ukuqinisekisa kolawulo lwelahleko olungakhokela luluvo kune neenkonzo zengcebiso ezenzelwe ukongeza ixabiso nokuphucula okokoko imisebenzi yeSebe leMfundu. Kufuneka incedise iSebe leMfundu ekuphumezeni iinjongo zalo ngokuzisa inkqubo enobucule, enocwangco ukuphonononga nokuphucula ukusebenza ngempumelelo kwezokuPhatha, uLawulo IweLahleko kune neeNkqubo zolawulo (Governance, Risk Management and Control processes). Le misebenzi ephambili elandelayo yensiwa ngokubhekiselele koku: Ukuhlola nokunika iingcebiso ezifanelekileyo zophuculo lweenkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe lemfundo;

- Ukuvavanya nokuza neengcebiso ezifanelekileyo ukuphucula inkqubo yolawulo; Ukuhlola ukwanelisa nokusebenza ze zibe negalelo ekuphuculen inkqubo yolawulo; Ukuncedisa iGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) ekulondolozeni iinkqubo ezisebenza ngobuchule nangempumelelo ngokuhlola ezo nkqubo zolawulo ukuqinisekisa ukusebenza kwazo ngempumelelo nangobuchule, kanye nokunika iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi wangaPhakathi owaggitywa kuNyaka-mali lo, weSebe, ubuquka iziqinisekiso zokwenza ezintlanu nendibano yeengcebiso enye. linkcukacha zezi ntlangano ziukiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengebhunga elongameleyo, elibonelela ngokongamela okuzimeleyo kwezolawulo, kulawulo lwelahleko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe leMfundu, ezibandakanya imisebenzi eluxanduva olunxulumene nokulandelayo:

- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaPhakathi;
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaphandle (nguMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali kwanokunika ingxelo yeSebe leMfundu;
- Imigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe leMfundu;
- Ukuhlaziywa (review) kolawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Ukuhlaziywa kokuBekwa eSweni kweSebe Phakathi enyakeni;
- Ulawulo IwemiNgcipheko yeSebe;
- ULawulo IwaNgaphakathi;
- IiNjongo ebeziMiselwe kwaNgaphambili;
- Imisebenzi yophando malunga nolawulo nosetyenziso lwemali kakuhle kanye nophando ngokusetyenziswa gwenxa kwemali (Ethics and forensic investigations).

Le theyibhile ilandelayo icaza iinkcukacha zamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

| Igama                | Iziqinisekiso zemfundo  | Ngowanga phakathi okanye ngowangap handle | Umhla wokuqeshwa<br><br>Ukuha ngowangaphakathi iskhundla | Umhla wokurhoxa  | Inani leentlanganiso aye kuzo                               |   |
|----------------------|---|---|--|--|---|---|
| Mnu. Ronnie Kingwill | CA(SA); CTA; BCom   | Ngowanga phandle                          |  | 01 kweyoMqungu (Jan)ku2014 (2 <sup>nd</sup> term)      | Awukho  | 8 |
| Njing Estian Calitz  | DCom (Economics); BCom (Honours) (Econometrics); MCom (Economics); BCom (Honours) (Economics); BCom | Ngowanga phandle                          |  | 01 kweyoMqungu (Jan) ku2013 (2 <sup>nd</sup> term)     | I-2 <sup>nd</sup> term yaphelelw ngama-31 kweyoMnga ku-2015 | 5 |
| Nkosz Zulpha Abrams  | CA(SA) & FIIA SA, CIA   | Ngowanga phandle                          |  | 07 kuTshazimpuzi(A priku 2014 (2 <sup>nd</sup> term)   | Awukho  | 7 |
| Mnu Linda Nene       | CCSA; CRMA; CCP; FIIA SA; Post Grad Diploma in Management – Corporate; Governance; BComm (Acc)      | Ngowanga phandle                          |  | 01kuTshazimpuzi (A pril) ku2014 (2 <sup>nd</sup> term) | Awukho  | 6 |
| Nkosz Rozan Jafftha  | CA (SA) & FIIA SA; CIA  | Ngowanga phandle                          |  | 01 kweyeDwarha(October) ku2014                         | Awukho  | 8 |

## 12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Sinenyhweba yokunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kwegoKwindla (March) ka-2016.

### Uxanduva IweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ichaza ukuba iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela **kwiSiqendu 38(1)(a)(ii) soMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act) noMmiselo weSebe likaNondyebo 3.1.** IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivume ngokusemthethweni imimiselo eqingqiwego yokusebenza njengemimiselo yokusebenza (Terms of Reference), iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nale mimiselo kwaye iyenze yonke imisebenzi yayo njengoko ibhaliwego apha ngaphakathi.

### Ukusebenza ngeMpumelelo koLawulo IwangaPhakathi

Ngokuhambelana nePFMA neKING III Report kwiimfuno zeCorporate Governance uPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi lunikeza iKomiti yoPhicotho-zincwadi nabaPhathi ngokungathandabuzekyo ukuba ulawulo Iwangaphakathi luyanelisa kwaye luyasebenza. Le iveliswa sisicwangciso soPhicotho-zincwadi saPhakathi esivuniwego neesisekelwe. Oku kuphumelele ngenxa yesicwangciso sangaphakathi sophicotho-zincwadi zokuhilisa umngcipheko esivuniwego, uphocotho-zincwadi Iwangaphakathi luhlola ukusebenza kwecontrols ukucutha imingcipheko, kunye nekomiti yophicotho-zincwadi ibeka iliso ekwenziweni kwezilungiso.

Olu Phicotho-zincwadi lulandelayo lugqitywe ngalo nyaka-mali ophantsi kwengqwalasela

### Iziqinisekiso zokwenza:

- Imali eziya kwizibonelelo-Izikolo eziZimeleyo
- Inkxaso yabaFundi
- IRegistry yeHR
- linkonzo zeClient (Walk-in Centre)
- liGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile (iMathematika, iScience and Tecknoloji)

### Iindibano zeengcebiso

- Izikim zoThutho IwaBafudi
- Isicwangciso sophicotho-zincwadi IwangaPhakathi salo nyaka sigqityiwe. AbaLawuli bazivumile iinkalo ezifuna uphuculo, njengoko ziphawulwe luPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi ngethuba lokuqhube kwabo umsebenzi wabo.. IKomiti yoPhicotho-zincwadi isaqhuba nokubeka esweni ukuqhutywa kwemisebenzi ekuvunyelenweyo ngayo ukuba yenzeke ngokuhubekayo.

### Ulawulo IwaPhakathi enyakeni neNgxelo yeNyanga/yeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokubhaliwego nangumgangatho weengxelo zekota zemali zolawulo nezokusebenza ebezikhutshwa kulo nyaka ophantsi kwengqwalaselo ebezikhutshwa liGosa loCwangciso-mali leSebe leMfundu ngokokuhambelana noNational Treasury Regulations neDivision of Revenue Act.

### **UkuHlolwa kwamaXwebhu eNgxelo-mali**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye:

- yahlola yaza yaxoxa neGosa loCwangciso-mali (Accounting Officer) kune noMphicothi-zincwadi jikelele malunga namaxwebhu engxelo-mali onyaka azakuqukwa kwingxelo yonyaka;
- yahlola ingxelo yolawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele kune neempendulo zabalawuli malunga nayo;
- yacinga malunga notshintsho kwimigaqo-nkqubo yolawulo losetyenziso lwemali kune neenkqubo, apha kufanelekileyo yanika ingxelo malunga noku kumaxwebhu engxelo-mali yonyaka;
- yahlola izilungiso malunga nokubhaliwego (material adjustments) olususela kuphicothozincwadi lweSebe (apho kuyimfuneko);

### **Ukulandelwa komthetho**


IKomiti yoPhicotho-zincwadi iphinde yaonga iinkqubo zokulandela umthetho zeSebe leMfundu njengokuqhelekileyo nokuhamba komthetho.

### **inkcukacha Zokusebenza**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iphinde yajonga inkcukacha kwiinjongo eziqinisekiswe kwangaphambili njengokuba zixeliwe kwiNgxelo yoNyaka.

Ele kwekota, besiye sajonga isicwangciso sokusebenza sezinto ezingancumisiyo zophicotho-zincwadi seSebe ebezivuswe konyaka ophelileyo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iye yahlangana ne-AGSA ukuqinisekisa ukuba akukho zinto zivelileyo ezingasonjululwanga ebezikuphicotho-zincwadi olwenziwa qho.

IKomithi yoPhicotho-zincwadi iyavumelana noku yaye iyazivuma iziphumo zoMphicothi-zincwadi jikelele kumaxwebhu engxelo-mali onyaka, yaye inoluvo lokuba la maxwebhu engxelo-mali onyaka aphicothiweyo makamkelwe aze afundwe kune nengxelo yoMphicothi-zincwadi jikelele.



**Ronnie Kingwill**

**USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi**

**yeSebe leMfundu: URhulumente weNtshona Koloni**

**Usuku: 2016:08:0**



I Candelo D  
**ULawulo kwiCandelo  
lezaBasebenzi**

## 1. IMithetho eLawula uLawulo Iwe-HR

Le ngcaciso inikwe kweli candelo imiselwe yiMimiselo yeeNkonzo zikaRhulumente (Public Service Regulations) (iSahluko 1, iCandelo III J.3 no-J.4).

UMthetho wemiQathango esiSiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act), 1997 (uMthetho wama-75 ka-1997),

UMthetho wobuDlelwane phakathi kwabaQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act), 1995 (uMthetho wama-66 ka-1995),

UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Eauity Act), 1998 (uMthetho wama-55 ka-1998)

UMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (Occupational Health and Safety Act), 1993 (uMthetho wama-85 ka-1993),

UMthetho wokuBuyekezwa ngeeNgozi nokuSuleleka ziZifo eMsebenzini (Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act), 1993 (uMthetho we-130 ka-1993),

UMthetho wezoMhlala-phantsi waBasebenzi bakaRhulumente (Government Employees Pension Law), 1996 (isiBhengezo sama-21 sika-1996),

UMthetho wezeNgqesho yooTitshala (Employment of Educators Act), 1998, (uMthetho wama-76 ka-1998),

UMthetho weeNkonzo zikaRhulumente (Public Service Act), 1994 (IsiBhengezo se-103 sika-1994), kunye noMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996),

UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Eauity Act), 1998 (uMthetho wama-55 ka-1998)

UMthetho wokuKhuthaza ukuLingana nokuThintela uCalulo oLunomkhetha (Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act), 2000 (uMthetho wesi-4 ka-2000),

UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (Promotion of Access to Information Act), 2000 (uMthetho wesi-2 ka-2000),

UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo (Promotion of Administrative Justice Act), 2000 (uMthetho wesi-3 ka-2000).

## 2. INtshayelelo

### Isishwankathelo semiba yokuLawulwa kwaBantu kwiSebe leMfundo

Ulawulo Iwezithuba ezinokwabelwa ootishala kwisebe (affordable educator basket) kweli sebe ngumba obaluleke kakhulu kwimpumelelo yemfundo ezikolweni. IWCED iye yakupha ezinye izithuba ezingama-32 039 zonyaka zokufunda ku-2016. Ngenxa yokunqongophala kwemali kwiMTEF ka2015/2016 ukuya ku2016/2017, iWCED ikwaze ukuba inyuse ingxowa yezithuba zoqesho zootitshala uebisuka kuma32 033 yaya ku32039. Kuthathwe amanyathelo okuqinisekisa ukuba umyinge wootitshala/nabantwana ngu-1:36 ezikolweni zaseprayimari kunye nongu-1:34 kwizikolo eziphakamileyo.

ISebe liphinde lenusa inani lootitshala abasisigxina, ngokwenjenjalo linika uzinzo olukhulu apha kwisebe. ISebe leMfundo kwakhona lizibandakanye kwisicwangciso esinenjongo esigxinisa ekusasazweni kootitshala abagqithisileyo kumlinganiselo wezikolo, nto leyo ikhokelele ekucuthweni kootitshala abali-136 abagqithisileyo kumlinganiselo wezikolo kunyaka-mali ka-2015/16, ngokwenjenjalo liqinisekisa ukuba kungadalwa izithuba zootitshala abaza kunikwa izikolo ebezisoloko zibadinga kakhulu.

ISebe linike izintlu ezintathu zezithuba zootitshala kunya ka-wesikolo ka-2015, ngokunjalo nezintlu ezikhethekileyo ezintathu ezifuneka ngamandla zezikhundla zeenqununu.

**Imiba ephambili yoLawulo IwaBantu kunya ohlolwayo kune nefuthe lale miba iphambili**

1. Ubunkokheli nolawulo Iwesikolo:

Ngo-2015 kuye kwanikwa ingqwalasela eyodwa kwizibhengezo nokuqeshwa kwamaSekela-Nqununu kune neeNqununu. Ezi zithuba zibhengeze kuluhlu ngalunye Iwezintlu zezithuba zengqesho nakwizintlu ezikhethekileyo zezithuba zengqesho kwaze yaye bezikuluhlu olubekwa phambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuhamba kwakuhle kwenqubo yokufakwa kwezicelo. Oku kunciphise amathuba athathwe ngootitshala kwizithuba zokubambela, kwanciphisa ukusetyenziswa kwabasebenzi bethutyana, kwafaka igxalaba nakuzinzo Iwezikolo.

Ziye zomelezwa iikhrayitheriya zokuqesha kune nenqubo yokuqeshwa kweenqununu, oosekela-nqununu, neentloko zeSebe. Isixhobo soHlolo oluSekelwe kwiZakhono (Competency-Based Assessment) (CBA) sinikwe abalingwa (candidates) aba-94 ukwenzela ekukhankasweni kweeNqununu ngo-2015/16. Ingxelo enikwe abantu abafake izicelo ikwancede ekwenziweni kweziCwangciso ezisekelwe kulwazi zokuziPhuhlisa zomntu ngamnye, zisenzelwa iinqununu, oosekela-nqununu neentloko zeSebe ezisandula kuqeshwa.

2. Ukunciphisa inani lootitshala bethutyana:

Isebe liqeshe ootitshala bePL1 abali1 128 ngokusigxina ukususela ngosuku loku-1 kweyoMqungu (January) ka2016.

3. Ukuncitshiswa kwenani labasebenzi abakwikhefu elongezelelwego:

Le nto iye yabekwa phambili ukwenzela ukuhlisa uxinzelelo Iwezemali apha kwisebe nokuqinisekisa ukuba abafundi bayaxhamla ekufundisweni ngendlela eyiyo kune neemeko zokufunda ezizizo. ISebe iWCED lilawula uMgaqo-nkqubo weKhefalu lokuNgakwazi kusebenza noMhlala-phantsi othathelwa iMpilo enkenenkene (Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement) (PILIR) ngokuqinisekisa ukuba eli khefalu linikwa kuphela abo bafanelekileyo kulo, yaye akukho kulibaziseka kungeyomfuneko ekuhloleni ukufaneleka kwekhefu okanye akukho zintlawulo zingaphezulu zinikwa abo bangafanelekanga kweli khefalu. Ukuqhutywa kwangoko kwamatyala nako kuye kwancedisa ekubuyiseni uzinzo ezikolweni nasekwandisweni komgangatho wokufunda.

Ukucwangciselwa kwabasebenzi kune nezicwangciso-nkqubo eziphambili zokunika umdla nokukhankasela abasebenzi abanezakhono nabawaziyo umsebenzi

Isebe lisebenzise iinkonzo kune nobukho babo babetweswe izidanga befundiswe yiBhasari iFunza Lushaka elungiselelwgo liSebe likaZwelone leMfundu esisiSeko. Ngethuba elisuka kowoku-1 kuTshazimpuzi (April) ka-2015 ukuya kowama-31 kweyoMnga (December) ka-2015, ngama-623 (76%) abafakte ezikolweni ngempumelelo kwabo bafumene ibhasari iFunza Lushaka kubebengama-819 baka-2014. Ngethuba elisuka kowoku-1 kweyoMqungu (January) ka-2016 ukuya kowama-31 kweyoKwindla (March) ka-2016,

ngama-304 (45%) afakwe ezikolweni ngempumelelo kwizithuba zootitshala, kwabo bafumene ibhasari iFunza Lushaka kubebengama-676 baka-2015. Abanye abafikayo banikwe amathuba alinganayo engqesho esisigxina njengootitshala.

Emva kokuzaliswa kwezithuba zabalawuli abaphezulu, isebe ligxininise kwizigqibo zohlolo olusekelwe kwizakhona (competency based assessment) oluye lwagqitywa ngabafumene aphezulu kwabo bebebandalanyeka.

#### *Umgaqo-sikhokelo wolawulo Iwentsebenzo yabasebenzi*

Isebe lemfundo lamkele laza lathobela imigaqo-nkqubo emiselwego ngokunxulumene nolawulo Iwentsebenzo laza laqinisekisa ukuba bonke ootitshala, abasebenzi, abangootitshala kwakunye nabasebenzi benkonzo karhulumente bakwazi kakuhle okulindelwe nguMqeshi. Ngelixa abagqwesileyo ngentsebenzo bewongwa ngeebhonasi zentsebenzo, abangaqhobi kakuhle bayanyanzeleka ukuba bangene kwiinkqubo zokuziphucula.

#### *liprogram zentlalo-ntle (wellness) yabasebenzi*

Umniki-nkonzo wangaphandle unike inkonzo ngokumalunga noRhulumente wePhondo leNtshona Koloni Le nkqubo inika inkaso eqhubelekayo ngokunxulumene neemfuno zengqondo,ezeemvakalelo neemfuno zeendlela zokuphila zabasebenzi (lifestyle needs). Yiprogram gxininisa, phakathi kwezinye izinto, kwiHIV neAIDS, isitresi, ulawulo Iwemali, ubudlelwane(relationships), ezomthetho, imicimbi yasekhaya, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisineengcebiso ezinikwa emva kokwehlelwa sisenzo esothusayo (trauma debriefing). Le program kwakhona isingatha imiba yezempilo nentlalo-ntle yabasebenzi (health and wellness of employees) ngokusebenzia iiNtsuku zoKwazisa ngeMpilo Qete yaBasebenzi (Employee Health and Wellness Awareness Days). Injongo yezi ntsuku kukukhuthaza iindlela zokuphila ezipemilweni nokwazisa ngeenkonzo ezinikwa abasebenzi liSebe iWCED. Ngaphezulu, amaphulo okuKhuthaza iMpilo (Health Promotion Awareness) ayenzeka kwiintsuku eziphawulwe kwiKhalenda yeMpilo yeSebe lezeMpilo. Isebe iWCED belisingathe amaphulo angama-31 eeNtsuku zokuKhuthaza iMpilo neNtlalo-ntle yabasebenzi (Health and Wellness Awareness Days) laza lanika ulwazi ngokulungiselela iiseshoni ezingama-25 zamaphulo enkxaso yasesidlangularalen (25 advocacy sessions) kwiprogram yentlalontle yabasebenzi enikwe abasebenzi beSebe iWCED ngeli thuba lokunika ingxelo, kwaza kwanikwa inkaso nakubasebenzi abangama-793 ngethuba leeseshoni ezingama-24 zeeNgcebiso ezinikwa emva kokweHlelwa sisenzo esothusayo (Trauma Debriefing sessions).

#### *Imiphumelelo nemicelimingeni*

Isebe lemfundo linike ngamanani ezithuba ezabelwe zonke izikolo ngo-2016 phambi kokuphela kweyeThupha (August) ka-2015. Oku kwenze ukuba izikolo ziqale ngexeshu uwangciso lwazo oko zikwenzela u-2016 zaza kwakhona zadala ithuba elaneleyo ezikolweni lokucela ukuba kubekho izithuba ezingaphezulu aphi oko kuthathwe njengokuyimfuneko. Izithuba ezabelwe izikolo ngo-2016 bezisekelwe kumanani abafundi aqinisekisiwego ngomhla wama-31 kweyeKhala (July) ka-2015.

Isistim yokugaya abasebenzi nge-intanethi (e-Recruitment system) ("Sikhangelia oomakhwekhwetha") ("Recruiting the best") iye yaqhutya ukususela kwegoMqungu ka-2013. Le sistim ivumela ukuba bonke ootitshala, kuquka nabatsha abasandula kuthwesa izidanga, ukuba bazalise iiprofayile zabo apha kwisistim baze basebenzise eli qonga ukufaka izicelo kwi-intanethi xa kukho izithuba ezibhengeziweyo. Le sistim ize nogqibelelo olukhulu ekulawulweni kwezicelo zomsebenzi. Zonke izithuba ebezingenamntu ngo-2015/16 ziye zapapashwa ngesistim ye-intanethi (on-line system).

ISebe iWCED lisebenzise isistim yokuLungiselela umHlala-phantsi eyenziwa kwi-intanethi (Pensions e-Channeling system ukususela ngo-2013. Le sistim ivumela ukutsalwa (withdrawal) kweemali zomhlala-phantsi kusetyenziswa i-intanethi ngabo baxhamlayo yaye le nto iye yalinciphsa kakhulu ithuba elilindwayo lokuhlawula kwezi zibonelo.

ISebe iWCED liqinisa unxibelelwano ukuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi abafumana imbuyekezo ngokusebenza ngaphandle kwakwarhulumente baqala bafake isicelo sokuvunyelwa.

Ngoncedo loPhicotho-zincwadi IwangaPhakathi, isebe liye lenza uMgaqo-sikhokelo wamaQela aChaphazelekayo (Stakeholder Framework) yokuphucula ubudlelwane bomsebenzi kune namaqela achaphazelekayo angaphandle afana neemanyano (unions), iqumrhu leenqununu (principals' forum) kune nemibutho yeebhodi ezilawula izikolo (school governing body associations).

Izicwangciso/iinjongo zeXesha elizayo zokuLawula aBantu

IWCED iza:

- 1.Ukuqhuba nokwenza uphase II weE-Recruitment Sistim, iqalisa inkqubo yeSGB ngokwenza uluhlu olufutshane, amanqaku kune namagama achongiweyo.
2. Ukuqaliswa kwesistim ye-e-Recruitment ukusingatha izithuba zomsebenzi zootitshala abasezi-ofisini kwanezabasebenzi beenkonzo zikarhulumente.
3. Ukuveliswa komba wokufakwa kwezicelo zomsebenzi kwi-intanethi (online applications) okwensiwa ngootitshala abakumaziko emfundu xa befuna ukuya ezikolweni.
- 4.Ukuboniswa kweenkcukacha (profiling) kwabo bonke ootitshala ngokwezfundo nezigaba abazifundeleyo kune nangokwezfundo okanye izigaba abazifundisayo ukwenzela ukuchaphazela ucwangciselol olululo Iwabantu ukwenzela iimfuno zexesha elizayo zootitshala.

### **3. liNkukacha-manani eziPhosakeleyo zemiCimbi yoLawulo IwaBasebenzi**

#### **3.1 Inkitho enxulumene nabasebenzi**

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inkitho yokugqibela enxulumene nabasebenzi ephicothiweyo ngokweprogram namacandelo emivuzo. Zicacisa ngokukodwa oku kulandelayo:

- Isixa esichithwe kubasebenzi
- Isixa esichithwe kwimivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi(overtime), izibonelelo zokuthenga izindlu (homeowners' allowances) kunye ne-medical aid.

|           |   |
|-----------|---|
| INkqubo   | Ekujoliswe kuyo le nkqubo                                   |
| INkqubo 1 | Ezolawulo   |
| INkqubo 2 | IMfundu yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo              |
| INkqubo 3 | IMfundu yeZikolo EziZimeleyo                                |
| INkqubo 4 | IMfundu yeZikolo zikaRhulumente zemfundo eneeMfuno eziZodwa |
| INkqubo 5 | UPhuhliso lweMfundu yabasaQalayo                            |
| INkqubo 6 | Uphuculo lweziseko zophuhliso                               |
| INkqubo 7 | linkonzoeziNcedisayo neenkonzo eziNxulumene nazo            |

#### **ITheyibhile 3.1.1 Inkitho yezabasebenzi ngokweprogram kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2015 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2016**

| INkqubo     | Inkcitha ephelleyo (R'000) | Inkcitha yezabaseb enzi (R'000) | Inkcitha yezoqe qesho (R'000) | Inkcitha yeenkonzo zootitshala neenkonzo ezizodwa (R'000) | Inkcitho yezabaseb enzi njenge-% yenkcitho ephelleyo | lindleko ezipifikathi zomsebenzi ngamnye (R'000) | Inani labasebenzi |
|-------------|----------------------------|---------------------------------|-------------------------------|---|--|--|-------------------|
| INkqubo 1*  | 1 230 688                  | 797 635                         | 1 173                         | 0   | 4.52   | 425  | 1 878             |
| INkqubo 2   | 12 959 597                 | 11 222 285                      | 24 191                        | 0   | 63.62  | 318  | 35 246            |
| INkqubo 3   | 95 383                     | 0                               | 0                             | 0   | 0.00   | 0  | 0                 |
| INkqubo 4   | 1 049 773                  | 875 574                         | 0                             | 0   | 4.96   | 310  | 2 826             |
| INkqubo 5   | 482 163                    | 61 027                          | 0                             | 0   | 0.35   | 407  | 150               |
| INkqubo 6** | 1 549 959                  | 6 395                           | 0                             | 0   | 0.04   | 213  | 30                |
| INkqubo 7   | 269 779                    | ***78 208                       | 0                             | 0   | 0.44   | 447  | 175               |
|             |                            | ****76 120                      | 0                             | 0   | 0.43   | 0  | 0                 |
| Zizonke     | 17 637 342                 | 13 117 244                      | 25 364                        | 0   | 74.36  | 325  | 40 305            |

INGCACISO:

\* Abasebenzi ababekwe kwidistrict basuswe kwiNkqubo 9 basiwa kwiNkqubo 1, nto leyo icacisa ukunyuka kwenani labasebenzi.

\*\* INkqubo 6 iquka izithuba ze-Occupation Specific Dispensation (OSD), ezixhasw ngemali kakhulu ngezithuba zeDORA.

\*\*\* Inkitho yabasebenzi xa kujongwe iNkqubo 7 (Examination and Education Related Services) esixa mali inguR78 208m imalunga nabasebenzi abaqashiyewo abasingxi. Esi sixa sichaziwego esipifikathi sabasebenzi simalunga qha nabasebenzi abasingxi.

\*\*\*\* Isixa semali esiyiR76 120 yezigidi ibonisa imali ngokwenkitho-mali yabantu abajonga abafundi xa bebalu uviwo/iiModerators/abaMakishi kunye nabasebenzi beencwadi abaqeshwe okwethutuana (beemviwo zematrikhi zika2015) kunye nabasebenzi beHIV/AIDS.

**lTheyibhile 3.1.2 Inkciho yezabasebenzi kwimivuzo kwithuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2014 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2016**

| Icandelo lomvuzo  | Inkcitho yezabasebenzi (R'000) | I-% yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi | lindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R'000) | Inani labasebenzi |
|---|--------------------------------|--|---|-------------------|
| Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)   | 344 116                        | 2.62                                   | 110   | 3 122             |
| Abanezakhono (Inqanaba 3-5)   | 832 188                        | 6.33                                   | 166   | 5 003             |
| Abanezakhono eziphezulu zokuvvelisa (Inqanaba 6-8)  | 7 486 250                      | 56.93                                  | 321   | 23 289            |
| Abanezakhono eziphezulu zokubeka iliso (Inqanaba 9-12)  | 4 433 786                      | 33.72                                  | 501   | 8 844             |
| Abaphathi abaphezulu nabaphathi beziko (Inqanaba 13-16)   | 53 228                         | 0.40                                   | 1 132   | 47                |
| Bebonke   | 13 149 567*                    | 100.00                                 | 326   | 40 305**          |
| INGcaciso:  |                                |  |   |                   |
| *Inkcitho iyonke yezabasebenzi kwiitheyibhile 3.1.1. no-3.1.2 iyahluka ngenxa yeetranzekshini ezithile ezenziwa ngqo kwiBAS                         |                                |  |   |                   |
| **Inani elipheleleyo labasebenzi elibhalwe kwiitheyibhile 3.1.1 no-3.1.2 apha ngasentla liqua abasebenzi beenkonzo zikarhulumente kunye nooitshala. |                                |  |   |                   |

Ezi theyibhile zilandelayo zinika isishwankathelo seprogram nganye (itheyibhile 3.1.3) namacandelo emivuzo (lTheyibhile 3.1.4) yenkcitho ekungenwe kuyo ngenxa yemivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi (overtime), izibonelelo zokuthenga izindlu (housing allowance) noncedo lwezonyango (medical assistance). Kwimeko nganye, itheyibhile ibonisa iphesenteji yebhajethi yabasebenzi yezi zinto.

**lTheyibhile 3.1.3 Imivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi, isibonelelo sokuThenga izindlu ne-Medical Aid ngokweprogram yethuba elisuka kowoku- 1 kuEpreli ka-2015 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2016**

| INKqubo   | Imivuzo       |  | Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi |   | IsiBonelelo sokuZThenga iNdlu |                                      | IMedical Aid  |  |
|-----------|---------------|--|--|---|-------------------------------|--------------------------------------|---------------|--|
|           | Isixa (R'000) | Imivuzo njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa (R'000)                                      | Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa (R'000)                 | I-HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa (R'000) | I-medical aid njenge-% yeendleko zabasebenzi |
| INKqubo 1 | 530 014       | 4.03                                   | 4 753  | 0.04  | 16 672                        | 0.13                                 | 30 834        | 0.23   |
| INKqubo 2 | 8 450 343     | 64.26                                  | 25   | 0.00  | 259 256                       | 1.97                                 | 511 887       | 3.89   |
| INKqubo 3 | 0             | 0.00                                   | 0  | 0.00  | 0                             | 0.00                                 | 0             | 0.00   |
| INKqubo 4 | 616 046       | 4.68                                   | 90   | 0.00  | 21 121                        | 0.16                                 | 39 480        | 0.30   |
| INKqubo 5 | 45 794        | 0.35                                   | 0  | 0.00  | 981                           | 0.01                                 | 2 457         | 0.02   |
| INKqubo 6 | 8 515         | 0.06                                   | 0  | 0.00  | 84                            | 0.00                                 | 202           | 0.00   |
| INKqubo 7 | 127 029       | 0.97                                   | 2 386  | 0.02  | 3 025                         | 0.02                                 | 6 400         | 0.05   |
| Zisonke   | 9 777 741     | 74.36                                  | 7 254  | 0.06  | 301 139                       | 2.29                                 | 591 260       | 4.50   |

**Itheyibhile 3.1.4 Imivuzo, intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi, isibonelelo sokuThenga izindlu ne-Medical Aid ngocandelo lomvuzo yethuba elisuka kowoku-1 kuEpreli ka-2015 ukuya kowama-31 kuMatshi ka-2016**

| Icandelo lomvuzo  | Imivuzo       |   | Intlawulo yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi |   | IsiBonelelo sokuThenga indlu |                                       | IMedical Aid  |   |
|---|---------------|---|--|---|------------------------------|---------------------------------------|---------------|---|
|   | Isixa (R'000) | Imivuzo njenge-% yeendlela zdobasebenzi | Isixa (R'000)                                      | yokusebenza ngaphaya kweeyure zomsebenzi njenge-% yeendleko | Isixa (R'000)                | I-HOA njenge-% yeendleko zdobasebenzi | Isixa (R'000) | I-medical aid njenge-% yeendleko zdobasebenzi |
| Abanezakhono (Inqanabq1-2)                              | 244 782       | 1.86                                    | 50   | 0.00  | 17 580                       | 0.13                                  | 17 388        | 0.13  |
| Abanezakhono (Inqanaba 3-5)                             | 591 196       | 4.50                                    | 2 033  | 0.02  | 36 617                       | 0.28                                  | 53 998        | 0.41  |
